

INGABA LUPHAWU LWESIPHELO

NA OLU, MHLEKAZI?



Enkosi, kakhulu, Mzalwana Neville.

Molweni ekuhlweni, zihlobo zam ezithandekayo. Ndivuya kakhulu ukubuyela apha kwakhona, ngobubusuku, enkonzweni yeNkosi, uThixo wethu.

² [UMzalwana uNeville uthi kuMzalwana uBranham, “Nanku osebenzayo, *apha*.”—Mhl.] Lona ngo... *Nguwo* lo. Owu, ewe. Kulungile.

³ Ndinigcine ixesha elide kakhulu, ngale ntsasa, kangangokuba ndiziva kufanele ndikhawulezise kakhulu ngokuhlwanje. Bethu, indlela ebe kusoyikeka ngayo, nokuma, kwaye kusekubi nangobubusuku. Ngoko, akusayi kuba lithuba elide ukuze sinifumanele indawo, yabona, kwamsinya nje ukuba igqityiwe inkonzo. Hayi, kodwa asizimiselanga kuhlala ixesha lide kakhulu ngobubusuku.

⁴ Kodwa, ngomso ebusuku, sizimisele ukuhlala ithutyana noko. Ngomso ebusuku, ukuba abanye benu bangangena, ngomso ebusuku, ngoba, silindele ukuba nexesha elimnandi eNkosini. Kuyakube kukho amadoda alungileyo apha ngomso ebusuku. Siyakuthi, sisonke sibe nexesha. . .

⁵ [Umntakwabo Mzalwana Branham, u-Edgar Branham, uthi, “Owu, sthandwa, yima! Bendinesicelo ebendifuna ukukucela ngaso. Ndilibele ukukuxelela. Kodwa, abantu abaninzi apha bathe usoloko ungxamile njalo, ukuphuma enkozweni. Kodwa ngomso ungalifumana lonke elo xesha ubulifuna, ukusuka kweyesixhenxe ukuya kweyeshumi elinesibini, ukuba ungalithabatha. Ngoku, yiloo nto esi sihlwele silapha esindicele ukuba ndikucele yona. Ngoko ke ngoku ungasicacisela, ukuba awucingi njalo.”—Mhl.]

⁶ Sizakudlisa umthendeleko ezinzulwini zobusuku, ngomso ebusuku. Ndiqinisekile niya—niyakuthanda ukuba... nibe kunye noko. Xa intsalela yabo idanduluka kwaye ikhwaza, ize idubule, kwaye isela, njalo-njalo, siyakuqubuda ngentlonipho kuThixo [Indawo engananto eteyiphini—Mhl.] size sithathe umthendeleko, kwaye siqale unyaka ngesibhambathiso sethu, iintliziyu kuThixo, sizinikela kuYe.

⁷ Kwaye kuyakubakho ezilungileyo izithethi apha ngomso ebusuku, ngokuqinisekileyo ngenene. Kukho abalungileyo... UMzalwana osuka eGeorgia ukhona apha, uMzalwana uPalmer, esimangalisayo isithethi. UMzalwana uJunior Jackson uyakuba lapha ngomso ebusuku; uMzalwana

uBeeler, uMzalwana uNeville. Owu, bethu, bethu! Kwaye nje kuqhubeka kwaye kuqhubeka, amadoda alungileyo kaThixo ayakube elapha, uMzalwana uWilbur Collins, kunye nabo abazalwana ababesinika eyona mikhulu imiyalezo. Kwaye mhlawumbi abanye bayakugaleleka, ke siyakulindela ixesha elimnandi ngomso ebusuku.

⁸ Ngoku, umfazi wam uthe, “Ungakutsho oku,” kodwa kufanele ndikutsho nakanjani. Ndiyaxolisa ndithe *empire*, [Ubukumkani.—Mguq.] ngale ntsasa, endaweni ka *umpire*. [Usompempe weqakamba—Mguq.] [UMzalwana uBranham kunye nebandla bayahleka—Mhl.]

UBilly, ehleli emva phaya, wathi, “Nanko ke.”

⁹ Ndathi, “The empire; kufanele abe ne empire.” Bendithetha, u-umpire.

¹⁰ Ndjengokuba besitsho ngoMdatshi, uyazi. “Kwaye ungandithathi ngendikutshoyo, kodwa ngendibhekiselele kuko.”

¹¹ Ndathi, “Ndicinga ukuba bayandiqonda, emva kwayo yonke le minyaka.” Uyazi, oku kumalunga . . .

¹² Ngamashumi amathathu eminyaka ndisemva kwalepulpit apha. Amashumi amathathu eminyaka kulo mnquba! Kufanele ukuba senindazi ngelixesha, akunjalo? Owu, bethu! Imfundo yam isilela ngokuqinisekileyo. Kodwa ndi—ndiyazi andikwazi kuthetha, kodwa ndenza ingxolo enyanisekileyo eNkosini.

¹³ Kwaye, mzalwana, ndiyakholwa yayinguGqir. Lamsa, weBhayibhile kaLamsa, owayekuguqulelo lwimi, wathi . . .

¹⁴ Ngenye imini ndandithetha, kwaye ndandingazi ukuba waye elapho. Waze weza kwaye ethetha nge Urim Thummim, waze ngoko wathetha ngokwakuKhanya. Waza wathi, “Yintoni ingxaki naba bantu namhlanje?” Ndaza ndathi . . . Wathi, “Isizathu sokuba abantu, abatoliki, babengenakuyitolika iBhayibhile ngokuchanekileyo, kuba abatoliki bazama ukutolika ngesiYiddish esiphakamileyo. Kwaye uYesu, ethetha, wathetha ngokodidi oluqhelekileyo, njengokuthetha kwabantu esitalatweni.”

¹⁵ Kwaye, uyazi, kukho Isibhalo ngaphaya kuLuka, sithe, “Abantu abaqhelekileyo baMva ngovuyo.” Wathetha ngokolwimi lwabo. Ndicinga ukuba injalo, kwakhona.

¹⁶ Siyavuya ngenxa yeNkosi. Ngoku, ndiyazi, ndiyawabona wona amanenekazi emi jikelele. Kubi ngokwaneleyo ukubona amadoda emile, yeka nje wona amantombazana namakhwenkwe, namanenekazi, njalo-njalo, bemile bejikeleze iindonga, kunye nabantwana abancinci. Kodwa, asinalo nje igumbi elaneleyo lokuhlala. Ke, siyathandaza ukuba, ukuba kwixa elilandelayo sinemihlangano, emva kwale vekhi, emva kwelixesha . . .

¹⁷ Uyazi, into elandelayo, ekwazini kwethu, ngaloo Matywina Asixhenxe. Kwaye, iNkosi ivuma, siqalisa kuwo nje msinya ngokukhawuleza yakuphuma inkonzo, yakhiwe, ukuze singene apha. Singenela ukuzokwenza unikezelo kwakhona. Kwaye mhlawumbi naphi na ukusuka kwenye ukuya kwezimbini, kwaye mhlawumbi iiveki ezintathu, siqhubeke, umhlangano ngoku, ezayo yeya—yaMatywina Asixhenxe. Ke, silindele ixesha elikhulu eNkosini, ngelo xesha. Kwaye siza . . . Nonke nina bantu bangaphandle kwedolophu, siyakunithumelela ngembalelwano amakhadi kunye nayo yonke into, size sinazise nje ngokuchanekileyo ixesha, mhlawumbi iveki, okanye ezimbini, ngaphambi kwexesha.

¹⁸ Umakhi, njengoko ndimvileyo uBilly akutshiloyo ngobubusuku, uyakugqiba ngosuku lweshumi kuFebhrwari. Kulungile, ukuba ugqibe ngolweshumi, siyakuqalisa ngele shumi elinesihlanu, ngoko. Ke, nje kamsinyane nje begqibile, siyakuqalisa kanye ngaphakathi kuyo.

¹⁹ Omdala uDade uKidd wandibiza, kudala, kwaye wayephantsa kuba nyembezana. Wathi, “Mzalwana uBranham, sizame kanzima ukudumisa lanqwelo-mafutha indala, kwaye ayifuni kuduma. Ngoko,” wathi, “thandaza iyakuduma, kwaye ndiyakuza ngomso.” Waza wathi, “Ingaba ndinokuyifumana na indawo yokuhlala?”

²⁰ Ndathi, “Sukukhathazeka, siyakubanalo igumbi lakho, Dade Kidd, msinya nje ufika . . .”

²¹ Uthe, “Isikelelwe intliziyo yakho.” Wathi, “Uyazi, ukuba uzakuba neenkonziso kude kubeyintsimbi yeshumi elinesibini entloko,” ndathi, “andifuni kuphuma ngentsimbi yeshumi elinesibini entloko.”

²² Uyazi, yena kunye noMzalwana uKidd bamalunga namashumi asibhozo anesihlanu eminyaka ubudala, ngamnye, kwaye baseselulungiselelweni. Uyazi ukuba yintoni abayenzayo? Bathatha isishicileli esiyiteyiphu, baze bathathe iMiyalezo yam baze baye kwisibhedlela nesibhedlela, kwindlu yendlu, badlale iteyiphu. Ngoku, ukuba oko asikuko, ukunganikezeli! Asikokuthatha umhlala phantsi. Kukubamba uKholo, kuye ekugqibeleni, ukufa neKrele lisesandleni. Leyo yindlela yokuhamba. Leyo yindlela endifuna ukuyenza. Uh-huh.

²³ Kwaye ke, waza wathi, “Uyazi, ukuba ndingaphuma, ecaleni kohola wendlela, ngentsimbi yeshumi elinambini entloko,” wathi, “kwaye emva kwentsimbi yeshumi elinambini entloko ebusuku, ndizama ukufika ekhaya, kwaye bonke abosathana banxilileyo,” wathi, “beqhuba,” wathi, “bebaleka kuyo yonke indlela, besela.” Wathi, “Wona loomademoni ayabulayo,” wathi, “ndiyokoyikela ukufa.”

²⁴ UMzalwana uPat, ngokuqinisekileyo uyinto encinci endala. Bangaphi abamaziyo uDade uKidd? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Uhlala apha, oko, nje engcwele ukujongeka into encinane.

²⁵ Kwaye, xa, cinga nje, kwiminyaka phambi kokuba ndizalwe (kwaye ndiyindoda endala), wayelapho phezulu ezintabeni, yena noMzalwana uKidd. Wayesakuhlamba, imini yonke, kwibhodi yokuhlambela, ukuze afumane ishumi elinesihlanu okanye amashumi amabini eesenti ngevasi, ukuze amthumele ngaphandle ndaweni ithile, ngoba busuku, ukuya kushumayela. Kuloo migodi yamalahlle phezulu phaya eKentucky, apho u. . . umntu othile kufanele akugade ngompu, ukuze ufikelele endulini, ukuya apho uyokushumayela khona. Owu, bethu! Ngoko, ndiyacinga:

Kufanele ndithwalwe ukuya eZulwini,
kwibhedi yeentyantyambo zokulula,
Ngelixa abanye belwile ukuze bafumane
ibhaso baza badada kumalwandle egazi?
Mandilwe ukuba kufanele ndilawule; yongeza
inkuthazo yam, Nkosi!

²⁶ Yiyo, kwaye ndifuna inkxaso Yakhe, ngeLizwi Lakhe. Yilonto ndiyifunayo ngobubusuku. Ngoku, ndicinga ukuba izishicileli ziyaqhubeka ngoku.

²⁷ [Umzalwana uthi, “Ungalibali ukusikelela umntwana.”—Mhl.] Owu, ewe. Ndifanele. . . Ndiyaxolisa.

²⁸ Udade omncinci unomntwana apha, ngale ntsasa, ufuna anikezelwe. Kwaye ndimxelele ukuba siyakuyenza ngokuqinisekileyo ngobubusuku, kwaye ngoku. Kwaye, ngomso ebusuku, siyakuba nokusikelelwa kwabantwana, iinkonzo zempiliso, yonke into esinokukwazi ukuyenza. Sinexesha elininzi. Ngoko, ukuba udade omncinci ulapha, kwaye unaye lowo wakhe umncinci.

²⁹ Kwaye ndifanele ndibenabantu abathile abasuka kude, kwaye bebelapha ngalentsasa bezele udliwanondlebe olusemfihlekweni, kunye nokuthile. Kwaye bekufanele ukuba badibene phaya ngalentsasa, waza uBilly wabenza balinda de kube ngobubusuku. Kwaye akabinakho ukubafumana naphi na, yabona, ngobubusuku. Ukuba ulapha, dade, bendisemva phaya ixeshana elifutshane, ndilindile, kwaye ndijonga ukuba akanakulifumana na inenekazi. Yayingamabini awo, ndiyacinga, awayekudliwano ndlebe olusemfihlekweni abakude ngaphandle kwelizwe. Ke, si—siyathemba, ukuba ndiniphosile, ndiyakubanakho ukunifumana kwakamsinya kangangoko ndinakho, mhlawumbi ngomso ebusuku, xa kungenwa.

³⁰ Ngoku, ndiyakholwa, ingaba leli nenekazi, lizayo, nomntwana omncinci kunye ne—nesinxibo sangasentla esiluhlaza?

31 “Isinxibo sangasentla”? Meda, be—be—bendingabhekiselelanga oko, sthandwa, nokuba yintoni. Ikhangeleka njengelokhwe encinci yokuthile... Isinxibo sangasentla, bangaphi abasaziyo isi—isinxibo sangasentla ukuba yintoni na? Kutheni, ngokuqinisekileyo. Idyasi ye-ovarolo endala, kum. Ngoko—ngoko... .

32 Kutheni, ngumtwana omncinci kaDallas. Bethu, kulungile. Mzalwana, ungenyuka uze apha. Uxolo. [UMzalwana uBranham ushiya umboko aze aye kwelinye icala lepulpit—Mhl.]

33 Kulungile, kulungile, ndiyalithanda elanquma lincinci phaya, elo ulibekileyo. Ngubani igama layo? [Uyise uthi, “Rebekah Lynn.”—Mhl.] Rebekah Lynn, L-y-n-n. Kwaye ungubani—ngubani igama lakho lokugqibela ngoku? Stayton. Rebekah Lynn Stayton. Ingaba injalo? Ndingambamba? [“Ngokuqinisekileyo.”] Ndiyazi ukuba kunzima kancinci, ukunikezela ngonjeya. Lowo ulungile? uRebekah Lynn Stayton.

34 Elikhaya liphumela kokuninzi. Lo mncinci, inenekazi elincinci apha, kunye nomyeni wakhe, nje basandula kusindiswa bobabini baza baziswa ekwazini iNkosi. Kwaye ngoku, elumanyweni lwabo, uThixo ubanike lo mhle, uRebekah omncinci, kwaye bamzisa eNkosini.

35 Ngoku, abantu abaninzi, bayibiza engenasiphelo... ukubhaptizwa kweentsana, kwicawa zaMawisile kunye nezinye zezinye, kwaye bayabatshiza ngamanzi xa bengabantwana. Ngoku, oko konke kulungile, ngoko kwam ukukhathala. Kodwa sizama ukusoloko sihleli koko iBhayibhile ethi kwenze. Kwaye eBhayibhileni, apho (hayi) zange kubekho nto injalo njengokubhaptizwa kwemveku; naphina ukuhla ngembali, de kube yicawa yokuqala yobuKatolika, kangangokuba sisazi, eyayimalunga neQumru laseNicaea.

36 [Umntwana uyalila, “Mtwal!”—Mhl.] Ke leyo yindlela nje yokuthi, “Amen.” Leyo, yabona, ufanele... Yabona, kufanele ukuba ube notoliko.

37 Ke, kodwa, eBhayibhileni, bazisa abantwana abancinci kuYesu, ukuba Abasikelele. Waza wabeka izandla Zakhe phezu kwabo waza wabasikelele. Kwaye, oko, sisakuqhubekeka oko.

Ngoku masithobiseni intloko zethu.

38 Bawo wethu waseZulwini, lo mfazi mncinci nale ndoda incinci baze ngobubusuku nalo uthandekayo uRebekah omncinci oye wanikezelwa kubo, kuxanduva lwabo, ukuze bamkhulise ekuhlonipheni uThixo. Kwaye bayizisile ngobubusuku ekumnikezeleni kwiNkosi. Kwaye xa unina wanikezela okusuka ezingalweni zakhe ukuzisa kwezam, ngoko ndiyanikezela ukusuka kwezam ukusa kuWe, lo Rebekah mncinci. Thixo, yiba naye uze umsikelele. Sikelela uyise wakhe nonina. Banga bangahlala bonke ngokuthembeka,

ubomi obude, kwaye, ukuba kunokwenzeka, babone Ukuza kweNkosi uYesu. Wanga lomntwana angakhulela ekwazini iNkosi. Kwaye kunga, ukuba kukho ingomso, wanga angaba lingqina elikhulu kuWe. Siphe oko, Nkosi. Ngoku, ukuba Ubulapha emhlabeni, aba bafazi namadoda bebeyakuzisa abantwana babo kuWe. Kodwa thina, abalungiseleli beVangeli, singabameli Bakho. Ke, sinika Wena lo mntwana, abe bubomi bolungiselelo eBukumkanini Bakho, eGameni loNyana Wakho, iNkosi uYesu Kristu. Amen.

³⁹ Usikelelwe, Rebekah omncinci! Enjani ukulunga yona into encinci! Wanga uThixo anganisikelela nobabini, nosana, aninike obude, obovuyo ubomi, ekukhonzeni uThixo.

⁴⁰ Andazi nokuba ndomelele ngokwaneleyo na, okanye hayi. Lena yinkwenkwe yonke. Ngubani igama lakhe? [Unina uthi, “Stanley Victor Cleveland.”—Mhl.] Stanley... [“Stanley.”] Stanley Victor... [“Cleveland.”] Clayland? Clay-... [“Cleveland.”] Cleveland. UStanley omncinci, elinjani ukubamnandi elincinci igama, kwaye enjani ukulunga encinci yona inkwenkwe! Kulungile, ndiyaqikelela, malunga... Ndivuka apho, Stan. Yinkwenkwe entle? Owu, uyazi. Asiyenzi lento. Senza nje le, uyazi, kwaye akukho nto isesikweni malunga nayo. Ilungile. Ngokuqinisekileyo ungumfo omncinci olungileyo. Ndilibele igama lakhe lokugqibela. Andicingi ukuba ndilibiza kakuhle. [“Cleveland.”] Cleveland. Kulungile.

Masithobiseni iintloko zethu ngoku.

⁴¹ Bawo waseZulwini, esi sibini sizisa olusana, uStanely Cleveland omncinci, ukuze anikezelwe kwiNkosi uYesu. Kwaye njengomlungiseleli apha, webandla, kwaye mna, ndimi ngokuhlangeneyo kubunye emisebenzini yeNkosi, sinikezela kuWe lomntwana ukuze abe bubomi bokukhonza. Umnikele kunina noyise; kwaye ngoku bamnikezela kum, ezingalweni zam; kwaye ndimsusa kwezam ingalo ndimsa kweZakho. Thixo, sikelela uyise nonina. Sikelela inkwenkwe encinci, kwaya banga bonke bangaphila obude, ubomi bovuyo ekukhonzeni Wena. Wanga umntwana angakhuliselwa ekuhlonipheni uThixo, akhonze Yena, kwaye amoyike Yena, aze amthande Yena, zonke iintsuku zobomi bakhe. Ngoku, bazise abantwana kuWe, ukuze Ubasikelele; kwaye thina, ngezandla zethu phezu komntwana, simsikelela eGameni leNkosi. Kwaye anga angaphila obude, obovuyo ubomi bempilo namandla, ekukhonzeni Wena. Egameni likaYesu. Amen.

UThixo akusikelele, Stanley omncinci. Unenkwenkwe entle apho.

⁴² Ngoku ndizakucela nje ukwenzelelelwa okuncinci, ukwenzela abafo abancinci nokwenzela nabatsha. Kwaye ndiyazi ukuba inzima. Akanakuma ngxixesha elide, ngokuba amalungu omzimba wakho ayakrwaqela. Kodwa ndivelela

okuthile ngobubusuku endingazange ndikwenze ngaphambili. Kwaye kukho into endizakuthetha ngayo, leyo ndingazange ndicinge ukuthetha ngento elolo hlobo.

⁴³ Seso sizathu, ngale ntsasa, andifunanga kubeka ela xesha phambi koMyalezo, kwaye andizange ndigqibe ukuthetha ngoQobo lwam, kwaye andicingi ukuba ndiyakuze ndibebanakho. Ndiyathemba andisokuze ndibenakho. Uyamangalisa kakhulu!

⁴⁴ Kodwa, ngobubusuku, ndizakuthetha ngento ethile endingayaziyo. Kwaye ngoku, yinto ngokwayo, ukuba umlungiseleli akutsho oko ukuba uzakuthetha ngento ethile angazinto ngayo. Kodwa ndidela ingozi, kokona kwazi kwam, kananjalo, ukuze elibandla libenokuqonda. Kwaye andisayi, nakanjani, ndinifihlele nayiphi, enokuba nenzuzo.

⁴⁵ Kwaye ngoku, le teyiphu, ndicinga ukuba amakhwenkwe enza iteyiphu. Kwaye ukuba kwenzeka ukuba ufumane iteyiphu, nabani na ophulaphuleyo kwiteyiphu, khumbula, ukuba into ethile iyabhidisa, kuwe, sukuyithetha de ibe seteyiphini. Sukuthetha into engangqinelaniyo kuleyo eseteyiphini.

⁴⁶ Ke abaninzi bayabhala, kwi*Mbewu yeNyoka*, baze batsho ukuthi nditsho oku-noku. Ndihamba ndiyokufumana iteyiphu, ndiyidlale kwakhona. Andiyithethanga ngala ndlela. Yabona, abantu bagweba izinto ngokuphosakeleyo.

⁴⁷ Uyazi, uYesu, xesha lithile emva kokuvuka Kwakhe, wayehamba elunxwemeni, kunye nabapostile, waye uYohane oyame esifubeni Sakhe. Baza bathi, “Kuyakwenzeka ntoni kule ndoda?”

UYesu wathi, “Kuyintoni na kuni ukuba uthe wahlala ndide Ndibuye?”

⁴⁸ “Kwaza kwaphuma intetho, ethi, ‘uYohane wayezakuhlala ukuze ambone uYesu esiza.’”

⁴⁹ Yaye Isibhalo sithi, “Kanjani, Akazange atsho ngaloo ndlela.” Uyabona, A—Akazange ayitsho lonto. Wathi nje, “Kuyintoni na kuni ukuba uthe wahlala ndide Ndibuye?” Akazange athi uyakuhlala. Kodwa, yabona, ukungaqondi, kulula kakhulu.

⁵⁰ Kwaye, ngoku, ayi—ayisikuba ndigweba othile ngokuyenza. Ngokuba, ndiyayenza, ngokwam. Kwaye bonke abantu bayayenza; ukuba abapostile, ababehamba neNkosi yethu, abazange bamqonde Yena. Yaye abazange bade bamqonde ngokuchanekileyo Yena.

⁵¹ Kanye ekugqibeleni, bathi, “Khangela, ngoku siyaqonda. Ngoku siyakholwa. Kwaye siqinisekile ukuba akukho mntu unokuxelela nto Wena, ngokuba Wazi izinto zonke.”

52 Waza uYesu wathi, “Niyakholwa na ngoku?” Yabona? “Emva kwalo lonke elo xesha, ingaba ekugqi-...Ingaba ingenile na kuni ekugqibeleni, yabona, ukuba niyakholwa?”

53 Kwaye oko nje ngumntu. Kwaye sonke singabantu, ngoko sizakungaqondi.

54 Kodwa ukuba kuyabhidisa nje kancinci kuwe, phinda udlale iteyiphu. Phulaphula ngendzondelelo ngoko. Ndiqinisekile ukuba uMoya oyiNgcwele uyakuyityhila kuwe.

55 Ngoko, abafu abancinci, ukuba ningabamba nje oo “amen,” benu bantwana. Khanilinde nje okwethutyana nje, ngokuba ndi—ndifuna oko kufunyanwe ngokuqinisekileyo, ngoba abaninzi abasayi kubanayo iteyiphu. Ke, ndifuna uqiniseke ukuba uyayifumana. Kwaye masisondele kuyo, malunga, ndiyakutsho amashumi amathathu anesihlanu emizuzu, okanye amashumi amane, nje ngentlonipho kangangoko siyaziyo ukuba yenziwa njani.

56 Ngokuba, eli lelona xesha lakhe lalikhulu kum. Kulapho okuthile kwenzekileyo, okokuba andazi ukuba mandenze ntoni. Yabona? Kwaye ndime kweyona ngxaki yoyikekayo endingazanga ndema kuyo, kwiintsuku zam zolungiselelo, njengoko ndisazi ngako.

Ke, masithobiseni iintloko zethu ngoku, phambi kokuba siye eLizwini.

57 Bawo waseZulwini, ngoko, ngaxesha lithile ligqithileyo, ndashumayela ngomxholo woku*Thelekelela*. Kwaye *ukuthelekelela* kuku “ukudela ingozi ngaphandle kwegunya.” Kwaye mhlawumbi, ngobubusuku, Nkosi, ndithathele phezu kwam ukutolikela abantu okuthile, ngaphandle kokuba nombono wayo. Ngoko ke, Nkosi, ndihlole, apho amanqaku afanele kukuhlolwa; vala umlomo wam, Nkosi. Wayivala imilomo yeengonyama, emhadini zikunye noDaniel, ukuze ingabi nakumenzakalisa. Nkosi, ndiyathandaza, ukuba, xa ndinokuzama ukutolika into ngokuphosakeleyo, Usenamandla okuvala umlomo. Kodwa ukuba yiNyaniso, ngoko, Nkosi, Yisikelele, uze uYithumele. Kwaye Uyazazi iimeko noko kukufutshane. Kwaye kungenxa yoko ndisiza, nangawo lomzuzu wokugqibela, epulpitini, ukuzama ukutolika ezi zinto. Kwaye ndiyakuthandaza ukuba Usincede.

58 Sikelela elibandla lincinci. Eliqela eliza apha phantsi kolu phahla, abangabaphambukeli kunye nathi apha kwesi sixeko, bephuma kumazwana amaninzi. Owu, xa amathunzi orhatya esiwa, sivuya kakhulu ukuba nendawo yokuba. Xa ihlabathi libhidekile kangaka yaye lingazi apho limi khona, siyavuya, ukuba, “IGama leNkosi liyiyo inqaba eyomeleleyo, kwaye amalungisa abalekela kuYo aze akhuseleke.” AsingoMazwi maninzi, koko isityhilelo!

⁵⁹ Ke, siyathandaza, Bawo, njengoko iziKhanyiso zangokuhlwa ziyakuza, ekutshoneni kwelanga. Kwaye siyakholwa ukuba elo lixesha esiliphilayo, ekutshoneni kwelanga. Yaye ngenene sibulela Wena, Nkosi, ukusuka kuzo zonke iintliziyi zethu, ngezinto Osenzele zona. Kwaye, Nkosi, ukuhla ngesigaba, ndiyaKubulela ngokuvumela imibono Oyivezileyo, ngamnye kuyo ugqibelele nje, yaye lonke utoliko lephupha libe kanye ngolo hlobo. Ke, siyazi ukuba ingaba Ngawe kuphela, Nkosi; ngokuba sizizidalwa ezifayo, sonke sizalelwe esonweni, kwaye akukho nto ilungileyo kuthi. Kodwa, ukucinga nje ukuba Ungathatha into enjalo, enje ngomntu, ubahlambe ngamanzi eLizwi kunye nangeGazi likaKristu; uze wolule eso sandla ngalondlela, de uluntu lungabisasebenzisa okwalo ukucinga, koko bayekele iNgcinga kaKristu, Owazi zonke izinto, mayize Yona ngaphakathi ize ithethe ukuze isebenzise umnquba. Enkosi, Bawo.

⁶⁰ Ngoku siyalisikelela iGama Lakho eliNgcwele. Kwaye sisikelela eliqela elincinci, ngobubusuku, eGameni Lakho. Sisikelela umalusi, uMzalwana uNeville, ikhalipha lesicaka sikaThixo. Sisikelela amadikoni, amathenjwa, nalo lonke ilungu loMzimba kaKristu, ngokunye apha nakwilizwe jikelele, eGameni leNkosi uYesu.

⁶¹ Owu, njengoko sibona obu bumnyama, bumdaka, isithunzi esoyikekayo siwela ngokuqamleza ebusweni bobuKristu, siyazi ukuba ixesha liyasondela. Kuyakubakho Uxwilo, kwaye iBandla liyakuthatyathwa linyuswe. Nkosi, masihambele phambili, sijonge kwiMbangi noMgqibelelisi, uKristu. Siphe oko, Nkosi. Kwaye njengokuba sibheka phambili ngoku, eGameni leNkosi uYesu, ukuze sithathe ezi zinto ebezibekwe phezu kwentliziyi zethu, siyathandaza ukuba Uyakuba nathi uze usincede. Yaye ufumane uzuko kulonto, Nkosi, ngokuba sizinikela kuWe, ngeLizwi Lakho, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

⁶² Ngoku, ukuba unalo usiba nephepha, ndingathanda ukuba nibhale izinto ezithile phantsi, njengokuba...okanye nayiphina into eninqwenela ukuyibhala. Yibani nayo nje ilungile. Kwaye ngoko, eteyiphini, ngokunjalo, ukuba uthanda ukubhala phantsi iziBhalo, nangaliphina ixesha, ngokuba ndiyakholwa siSibhalo esithethayo.

⁶³ Ngoku sifuna ukufunda isiqendwana ngobubusuku, okanye sifunde isifundo seSibhalo, kwiNcwadi yeSityhilelo sikaYesu Kristu. Kwaye ndiyakholelwa ukuba esi siSityhilelo sikaYesu Kristu, njengoko sibhaliwe eNewadini. Kwaye sonke esinye isityhilelo esiyakungangqinelani nesi Sityhilelo, siyakuba sesingalunganga. Ndiyakholwa ukuba oku kuyakuba nescatshulwa...ukucatshulwa—ukucatshulwa kwakhona. Nasiphina isityhilelo esingayi kungqamana nesi Sityhilelo, kwaye sisizise esi Sityhilelo ekukhanyeni, sisityhilelo esingalunganga. Kufanele ukuba sibe ngokweSibhalo.

64 Ngoku, kwisahluko se-10 seNcwadi yeSityhilelo sikaYesu Kristu, ndithanda ukufunda imiqolo embalwa yokuqala, imiqolo esixhenxe yokuqala, isi-1 ukuya kwisi-7. Kwaye phulaphulisani ngoku, uze nindithandazele.

Ndaza ndabona esinye esinamandla—esinye esinamandla isithunywa sisihla ezulwini, sithiwe wambu ngelifu: kukho umnyama entlokweni yaso, ubuso baso. . . bungathi lilanga, iinyawo zaso zingathi ziintsika zomlilo:

Kwaye esandleni saso saye sinencwadana ivulekile: saza salumisa unyawo lwaso lokunene phezu kolwandle, ke olokhohlo phezu komhlaba,

Saza sandanduluka ngezwi elikhulu, ngathi yingonyama igquma: kwaye sathi sakundanduluka, iindudumo ezisixhenxe zazivakalisa izandi zazo.

Kwaye xa iindudumo ezisixhenxe zazivakalisayo izandi zazo, ndandiza kubhala: ndaza ndeva izwi liphuma amazulwini lisithi kum, Zitywine izinto ezizivakalisileyo iindudumo ezisixhenxe, ungazibhali zona.

Saza isithunywa endasibonayo simi phezu kolwandle naphezu komhlaba sasiphakamisela ezulwini isandla saso,

Saza safunga lowo udla ubomi ase emaphakadeni asemaphakadeni, owadala amazulu, kunye nento ezikuwo, nomhlaba, nezinto ezikuwo, nolwandle, nezinto ezi. . . ezikulo, ukuthi akusayi kuba sabakho xesha:

Ke ngemihla yezwi lesesixhenxe isithunywa, xa sukuba siza kuvakalisa, iya kuzaliseka imfihlakalo kaThixo, njengoko wazishumayelayo iindaba ezilungileyo kwabanga bakhe abakhonzi abaprofeti.

65 Kwaye isiqendwana sam, ukuba ndingasibiza oko, ngobubusuku, sesi: *Ingaba Luphawu Lwesiphelo Na Olu, Mhlekezi?*

66 Siyazi sonke ukuba siphila kwelona—lona xesha lizukileyo leBandla, kodwa ixesha elibi kakhulu kongakholwayo. Kwaye siphila kwawona maxesha ayingozi kuwo onke, onke ayekhe akhona, ukusuka oko laqalayo ihlabathi. Akukho mprofeti, akukho mpostile, zange, nakweliphi na ixesha, owakhe waphila kwixesha elinjengeli siphila kulo ngoku. Esi sisiphelo.

67 Ibhawle ezibhakabhakeni. Ibhawle kubo bonke ubuso behlabathi. Ibhawle kulo lonke iphepha-ndaba. Esi sisiphelo, ukuba unakho ukufunda umbhalo wesandla. Abaprofeti baphila ngexesha xa umbhalo wesandla wawuseludongeni ungowesizwe, kodwa siphila ngexesha umbhalo wesandla

useludongeni ungowexesha. Zonke izizwe, umhlaba, yonke into, ixesha lisekupheleni. Ke, masiphengulule iziBhalo, ukufumana iyure esiphila kuyo.

⁶⁸ Soloko, umprofeti wenyani kaThixo eyakuya eziBhalweni. Ngoko ke uqinisekile ukuba iyakuba ngaloo ndlela. Kwi Testamente Endala, xa umprofeti etsho okuthile, kwakusoloko kukho, ndaweni ithile, kukho umprofeti ekunye neLizwi, owahlala neLizwi. Wakhangela kuThixo ukufumana imibono. Kwaye ukuba umbono wakhe uchasene neLizwi, ngoko umbono wakhe wawungophosakeleyo. Leyo yindlela kaThixo yokuzisa iLizwi laKhe ebantwini baKhe.

⁶⁹ Ninakho ukundiva, emva phaya, kulungile? [Umzalwana uBranham uyanqumama—Mhl.] Andazi nje apho mandiqale khona.

⁷⁰ Ngoku, kube yinyweba enkulu kum, ukwazi ukuba lomnquba yayilibandla lam lokuqala. Yinto ezuke kakhulu. Kwaye andisayi kuyilibala, noko ndi... UYesu esalibazisile kwaye ndiyakuhlala ndibe namakhulu eminyaka ubudala. Ndikhumbula imini endabeka ilitye lesiseko, apho ekoneni; kunye nombono Awandinika wona ngaloo ntsasa, walo mnquba. Kwaye nonke nina niyakhumbula. Ibhaliwe ezincwadini. Kwaye izalisekile ngokugqibeleleyo, igama ngalinye, akukho nesuntswana eliphosakeleyo.

⁷¹ Kwaye, ngoku, andikholelwa ukuba kukho nanto Wakhe wayithetha, yonke leminyaka yobomi bam, endakha ndayixela ebantwini, kodwa yonke yenzeka. Kwaye abantu abaninzi baze namaphupha, athe Yena wandenza, ngobabalo Lwakhe, ndiwatolikele abantu. Kwaye abaninzi baze namaphupha kunye neengxaki ebendingakwazanga kuzitolika.

⁷² Kodwa andizamanga kufaka kuni bantu qhinga elinazo zonke impendulo. Ndizame ukuba ngonyanisekileyo kwaye ndinixelele okuyiNyaniso, kwaye ndinganixelela kuphela njengoko Endixelela. Kwaye njengoko isiza kum, ke ndinganixelela.

⁷³ Kwaye ndifuna ukunilumkisa. Kulo mhla siphila kuwo, kukho abaninzi... Hayi—hayi ukutsho nayiphi into ngokuchasene nabantu. Kodwa xa ubona umntu onempedulo kuyo yonke into, oko kuchasene neLizwi.

⁷⁴ UYesu wathi, “Babebaninzi ababeneqhenqe ngexesha lika-Eliya, kodwa mnye kuphela owaphiliswayo.” Kwiminyaka emininzi, amakhulu asibhozo okanye ngaphezulu, awawaphilayo u-Eliya, kwaye mnye oneqhenqe owaphiliswayo. Babebaninzi abahlolokazi ngeemihla ka-Elisha, kodwa wayethunyelwe komnye kuphela. Kwaye siyafumana ukuba zininzi izinto uThixo azenzayo, kwaye Akazityhili kwizicaka zaKhe. Kwaye akukho sicaka sikhulu kuneNkosi yaso.

⁷⁵ Kwaye, ngoko, uThixo akasayi kwabelana namnye ngozuko Lwakhe. UnguThixo. Kwaye xa isicaka siba kwindawo yokuthatha indawo kaThixo, uye uThixo abuthabathe ubomi baso aze amsuse amse ndaweni ithile, okanye into ethile. Kufanele siyikhumbule lonto.

⁷⁶ Ngoku, kuloo mibono notoliko, andinakuchaza utoliko lwephupha ndide ndibone ngokucacileyo, ngombono, obekulilo iphupha. Kwaye abaninzi benu bayazi ukuba nindixelele amaphupha enu, kwaye benide ningalixeli lonke. Kwaye xa ndibona iphupha libuyela kum, ndiguquka ndinixelele ukuba kukho okuninzi okushiyeleyo malunga nalo, ndize ndikuxelele oko ukushiyeleyo ngalo. Niyazi ukuba oko kulungile. Ukuba kulungile, yithini, “Amen.” Amen. [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Izinto eningandixelelanga. Ngoko ke, niyabona, ukuba i...NjengoNebhukadnetsare wathi, “Ukuba aninakundixelela endikuphuphileyo, ke ndingazi njani ukuba ninalo utoliko lwayo?”

⁷⁷ Kodwa zonke ezizimvo, masingazithathi size sithi, “ITSHO INKOSI.” Masingayenzi lonto. Masibe nelizwi elithe ngqo, impendulo evela kuThixo, phambi kokuba singatsho ukuthi nguThixo. Hayi uluvo, hayi imizwa, nokuba iphefumlisa kangakanani.

Ungathi, “Ndiyakholwa ingaba yile ndlela.”

⁷⁸ Kodwa xa uthetha, “ITSHO INKOSI,” asinguwe. Jonga eqongeni. Wakhe wayibona isahluleka? U-ITSHO INKOSI ugqibelele, zange wahluleka. Kwaye okoko isengu ITSHO INKOSI, ayinakohluleka.

⁷⁹ Kodwa, kude kwalapha, Undikhusele, 'ngoba ndalindela kuYe. Andizamanga kufumana udumo, okanye uzuko olulambathayo lwabantu. Ndizame ngokungcono kwam ukuhlala ndithobekile, ndize ndiphile uhlobo lobomi endicinga ukuba umKristu ufanele aliphile. Kwaye andikwazanga ukwenza oko ngokunokwam, kodwa Ukwenzile kude kube ngulo mhla. Njengoko ndisitsho, ukuba Nguye Lowo undikhokeleyo.

⁸⁰ Izinto ezininzi zingathethwa ngale ndlela, kodwa iyakuthatha ixesha elide. Kodwa nonke nina niyazi ngezi zinto. Kwaye kuphela kwesizathu endifune ukuba nithi “amen,” ngethuba eligqithileyo, nina bantu abandixelele amaphupha, ukuze ndize ndinixelele enikushiyeleyo, ngokuba lo Myalezo ushicilelwe. Abantu bezizwe zonke bayakukuba oku. Kwaye xa besiva loo “amen,” ngoko bayakwazi ukuba kukho amazwi phaya, ahleli phantsi kolu lungiselelo, azi ngecono konokwenza okungalunganga, okanye ukuthi “amen” kwinto engalunganga. *U-amen* ngu “makubenjalo.” Iyayivumela.

⁸¹ Ngoku, bonke ubomi bam, ukusukela ndiyinkwenkwana encinci, kube kukho into endikhathazayo. Kwaye ndibe

nobomi obungaqhelekanga, obunzima ukubuqonda. Nkqu nomfazi wam lo ukrwempa intloko aze atsho. “Bill, andikholwa kukho nabani na unako ukukuqonda.”

⁸² Kwaye ndathi, “Andiziqondi kwamna.” Ngokuba, ndiyanikezela, ndazibophelela kuKristu, kwiminyaka eminizi eyaqgithayo. Uyakhokela. Andizami kuyiqonda. Ndiya nje apho Andikhokelela khona, ngokungcono kokwazi kwam.

⁸³ Ndinombulelo ngomfazi omangalisayo wam kunye nabantwana, kunye nomfazi wam nabantwana abanengqiniseko yokuba andisayi kubaxelela into engalunganga. Ukuba, bayakholwa. Ngalo lonke ixesha ubaxelela nayiphina into, babambelela kanye kuyo. Bayazi ukuba andisayi kubaxelela nayiphina into engalunganga.

⁸⁴ Kwaye ingaba ndingaxelela namnye kubantwana bakaThixo nayiphina into engalunganga, ngoko? Hayi ngokuthanda. Hayi, mhlekazi. UThixo ufuna abantwana Bakhe kuhlobo loqeqesho olulungileyo. Kwaye thembeka kubo, kwaye unyaniseke kubo, waye Uyakuyisikelela lonto, ndiyakholwa.

⁸⁵ Ngoku, lonke eli xesha, ukuhla ngohambo, kubekho izinto ezenzekileyo, endibenokungaziqondi. Kwaye enye yezinto endiye andayiqonda, yayingexa ndandiyinkwenkwe encinci kwaye nayo lomibono ibisakuza kum. Kwaye bendiyakuyibona ndize ndixelele abazali bam izinto ebezizakwenzeka. Bacinga ukuba ndandiphakuphaku nje. Kodwa, into engaqhelekanga, yenzeka nje ngohlobo Itsho ngako.

Uthi, “Kwakuphambi kokuguquka kwakho?” Ewe.

⁸⁶ “Izibabalo kunye nobizo zingaphandle kwenguquko,” iBhayibhile itshilo. Uzalwa kwelihlabathi uzalelwa isizathu. Kwaye aku... Inguquko yakho ayizisi zibabalo; zibekelwe wena kwangexa elingaphambili.

⁸⁷ Ngoku, endleleni, kwaye xa ndandiyinkwenkwana encinci, umnqweno wam yayikukuba... Ndandingoniselikanga ngelizwe endandihlala kulo. Ndanqwenela, ngandlela ithile, ukuya eNtshona.

⁸⁸ Kwaye ndandityandiwe, xa ndandidutyulwe, xa ndandiyinkwenkwana encinci. Kwaze xa ndiphuma, apho ngaphantsi kwesilalisi sokuqala, ndacinga ukuba ndikwintuthumbo, ndisihla. Iyeza lokulalisa landilalisa. Kwaye ndandimkile kangangeeyure ezisibhozo, ndiyacinga. Babenexhala lokundibuyisela kwisimo sam kwakhona. Babenotyando olukhulu, kungekho penisilini. Igazi; yomibini imilenze yayiphantse ukudutyulwa yaphela, ngompu. Isihlobo esiyinkwenkwe encinci sayeka umpu waso wadubula.

⁸⁹ Kwaye kwaze malunga neenyanga ezisixhenxe kamva, ndathatha esinye isilalisi. Kwaye xa ndaphumayo kwesosilalisi,

ndacinga ndandimi ngaphandle kwentshona yethafa. Kwaye umnqamlezo omkhulu ogolide usesibhakabhakeni, kwaye uzuko lukaThixo lukhanya ukusuka kuwo. Mna ndimi apho ngoluhlobo.

⁹⁰ Xa ukuKhanya, oku nikubonayo emfanekisweni ngobubusuku, obuvunyiweyo ekubeni Yinto engaphezu kwendalo, ngophando lwenzululwazi; kum, Yayikukukhanya okunye okwabetha uPawulosi Ongcwele. YayikukuKhanya okunye okwakhokela abantwana bakaSirayeli, ngobusuku. Ingaba uqaphele apha, le Ngelosi? “Yayithiwe wambu ngeLifu.” Yabona, Yayi “liLifu ngemini.” Ngoku, okwa kuKhanya kunye.

⁹¹ Okwabantu abangaqondiyo, bacinga ukuba yayingalunganga, okokuba ndandikutsho nje oko. Kodwa uMoya oyiNgcwele kwenzeke ukuba usifihle isixhobo senzululwazi, kunye nabantu apho, ukwenzela ukuyingqinela, baza bathabatha umfanekiso waYo, ngamaxa amaninzi.

⁹² Ndathi, “Ndibona umntu esibekelwe kukufa,” isithunzi esimnyama phezu kwabo. Kwiiveki ezimbalwa ezigqithileyo xa ndandisesixekweni. Kwaye xa sishumayela, aku—akufanelekanga ukuba uthabathe imifanekiso, uyazi, xa kushunyayelwa. Kwaye xa...Into enye kwakungexa oko kwenzekayo; kodwa mntu uthile wayenekhamera. Kwaye ndathi kwinenekazi elalihleli apho phaya, elingaziwayo... ndandise—eSouthern Pines. Ndathi, “Kukho isithunzi phezu kwaleNkosazana *Zibani bani*.” Inenekazi endingazange ndalibona ebomini bam. “Usandula ukusuka kugqirha; kwaye imihlaza emibini, omnye kwibele ngalinye, kwaye uncanyiwe. Usibekelwe sisigqubuthelo esimnyama, sokufa.”

⁹³ Kwaye Into ethile yathi kudade ohleli ecaleni, owayenekhamera ekhanyisayo, yathi, “Thatha umfanekiso.” Kwaye wayengafuni ukuyenza lonto. Noko, “Thatha umfanekiso,” kwaye wayesala futhi. Yaza kwakhona yeza, waza waxhakamfula umfanekiso...wafota umfanekiso. Kwaye nantsiya, ngobunzululwazi. Ikwi bhodi yendaba; ithunzi eligqubuthela ngobumnyama.

⁹⁴ Ngoko, xa umfazi wakholwa waza umthandazo wenziwa, umfanekiso wafotwa kanye emva ngasemva kwayo, ucacile. Ndathi, “Isithunzi simkile.” Yabona? Inenekazi liyaphila, ngengeba kaThixo.

⁹⁵ Uyakubona endikuthethayo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ukuba uyakuthetha inyaniso, ungahlekwa okwethutyana, ungangaqondwa okwethutyana. Kodwa, uThixo uyakukungqinela oko, ukuba iyinyaniso, ukuba uyakuhlala nje nayo. Yabona? Bamblela nje. Ingathatha iminyaka, kodwa, njengaku-Abraham kunye nabanye, kodwa uyakusoloko Eyenza inyaniso.

⁹⁶ Xa loo Ngelosi phaya...Kwaye ndiyaqikelela, ngaphandle komfazi wam, kukho abantu apha ngobubusuku,

ukusuka kwiminyaka engamashumi amathathu eyadlulayo, ababeme kufuphi xa Oko kwehla. Ingaba kukho nokuba ngubani esihlweleni ngoku owayelapho xa iNgelosi yeNkosi, eyehla emlanjeni okokuqala, phambi kwabantu? Phakamisani izandla zenu. Ewe, ngabo abo. Yabona? Ngoku, ndibona uNksk. Wilson ephakamise isandla sakhe. Wayemi apho. Umfazi wam, apho, wayelapho. Kwaye andazi ukuba ngobani abanye babo abakhoyo, ababemi apho elunxwemeni apha, phambi kwabaninzi, abaninzi abantu, xa ndandibhaptiza ngentsimbi yesibini emva kwemini.

⁹⁷ Kwaye kanye ukusuka kwisibhakabhaka esilubhedu, apho kwakungekho mvula okweeveki, nanku Esiza ngomgqumo, waza wathi, “Njengoko uYohane umBhaptizi wayethunyelwe, ukwandulela Ukuza kokuqala kukaKristu, uthunyelwe kunye noMyalezo, ukwandulela Ukuza kwesibini kukaKristu.”

⁹⁸ Amadoda amaninzi, ukusuka kumadoda angosomashishini, isixeko, ayemile elunxwemeni, andibuza ukuba Ithetha ntoni. Ndathi, “Oko ibengekokwam. Kokwenu. Ndiyakholwa.” Uh-huh. Yaqhubeka. Kwaye xa laa Ngelosi yemka, ukuba uyakukhumbula, Yaya kwicala lasentshona njengoko Yayinyuka; kanye iphuma, phezulu, ngaphaya komphezulu webhulorho, yaza yaya kwicala lasentshona.

⁹⁹ Emva koko, ndadibana nesazi-nkwenkwezi, esisiSazi. Kwaye zandixelela ngongqamano lweenkwenkwezi ezahlangana kunye kungqameko oluthile.

¹⁰⁰ Xa, izazi zaseBhabhiloni zabona ezantsi ngasePalestina, ezi nkwenkwezi zintathu zikungqameko. Undivile mna ndiyixela, kumaxesha amaninzi. Uyazi ukuba oko kungqinelwe, kwezi veki zimbalwa, ukuba yinyaniso? UMzalwana uSothmann, unalo elaphepha apha kuwe ngobubusuku, naphina apho ukhoyo? Isephepheni, kwicwecwe lephepha langeCawa, ngeyesithoba kuDisemba. Ukuba, umchola-choli ndaba wawelela apho, kwaye bazomba zonke ezi zinto. Kwaye siyaphila nje ngoku, ingqinelwe, ukuba si...Kulo nyaka ukuza ku 1970. Iminyaka esixhenxe ngaphandle komhla, ngokomba amatye, nokungqinisisa ukuba ayilunganga. Kusemva kwexesha kunokuba ucinga. Andimbonanga uMzalwana uFred, ndaweni ithile. Mzalwana Sothmann, ingaba ulapha? Ingaba unalo iphepha apho kuwe, Mzalwana Sothmann? Unalo. Unalo iphepha. Mhlawumbi ngomso ebusuku ndakufuna ukuba ulifunde. Asinaxesha, ngobubusuku. Ke, ungabona.

¹⁰¹ Kwaye, qaphela, ngokuchanekileyo. EzoZazi, iZazi ezingamaJuda phezulu eBhabhiloni, zifunda ngeenkwenkwezi, zabona ezo nkwenkwezi zikugqameko lwazo. Kwaye xa wakwenzayo, zazi ukuba uMesiya wayesemhlabeni. Kwaye naku zeza, eJerusalem, zicula. Uhambo lweminyaka emibini! “Uphi na Lowo uzelweyo uKumkani wamaJuda?” Zehla zinyuka ngezitalato zihamba. Kwaye, kutheni, uS- . . .

USirayeli wabahleka, “Eligquba labathabatheki!” Zange bazi nanto malunga nayo, kodwa uMesiya wayesemhlabeni. Kwaye ngoku uyalazi lonke ibali, bathini na.

Ngoku, sizakufunda oko, ngomso ebusuku.

¹⁰² Ngoku, ndisiza koku, ukuba imibono ayisileli, ngokuba isuka kuThixo. Kwaye konke apha endleleni, kukho into ethile enditsalayo, exhuzulayo apha kum.

¹⁰³ Ngoko, xa eso Sazi sandixelela ezi zinto, xa ndandiseyinkwenkwe nje, unogada wamahlathi; okanye phambi koko, ndiyakholwa yayi yiyo, malunga nezi zinto. Kwaye yandoyikisa, ngokuba ndandisoyika into esasiyiyo Isazi. Kodwa kamva ndafumana ukuba Izazi zaseBhayibhileni zazinyanisile, ngokuba uThixo uyidandalazisa ezulwini phambi kokuba Ayidandalazise emhlabeni, ndiqaphele loo mizimba yasezulwini.

¹⁰⁴ “UThixo akamkethi wabuso bamntu, kuzo zonke izizwe,” watsho uPetrosi. Ngoku, kodwa abo bamoyikayo Yena, kwizizwe zonke, uThixo uyabamkela. [Indawo engananto eteyiphini—Mhl.]

¹⁰⁵ Kwaye siyafumanisa, ngoko, ndizamile ukuyizisa lengcinga. Kodwa, owu, ingathatha iiyure, ukungena, indlela okuya kuqhubekeke ihamba ngalaa ndlela, ihambe ngalaa ndlela. Kodwa ndandiyoyika.

¹⁰⁶ Esi Sazi sathi kum, “Akusokuze ubenampumelelo eMpuma.” Sathi, “Wazalwa phantsi komqondiso.” Saza sathi, “Wena... Laa mqondiso, olwangqameko lweenkwenkwezi, xa zamqumla, kude phaya, ngosuku lokuzalwa kwakho, zazindandela ngasentshona. Kwaye kufanele ukuba uye ngasentshona.”

Ndathi, “Yilibale.”

¹⁰⁷ Nda—ndandingenanto yakwenza nayo. Kwaye ngalo lonke ixesha, noko, kanjalo, oko akukhange kukususe entliziyweni yam.

¹⁰⁸ Emva koko, xa ndandiphezulu phaya ngoba busuku, malunga nale mibono. Andikwazanga kuziqonda. UMzalwana wam womBhaptizi wandixelela ukuba oko yayi kokomtyholi. Kwaye xa laa Ngelosi yabonakala, Yayibeka ngokuqinisekileyo eSibhalweni, yaza yathi, “Njengoko kwakunjalo ngoko!”

¹⁰⁹ Xa ababingeleli babexambulisa malunga nezinto, bengazi nto malunga nohlobo lweedyasi abafanele ukuzinxiba, kunye neempahla nayo yonke into, kwaye bexambulisa ngezantlukwano zabo; iZazi zazilandela inkwenkwezi eya kuKristu.

¹¹⁰ Xa abashumayeli bathi uYesu wayelibhedengu, uBhelezabhubhe; idemoni yavuka yathi, “Siyazi ukuba ungubani Wena, Yena oyiNgcwele kaThixo. Kutheni Uze kusithuthumbisa phambi kwexesha?”

¹¹¹ Xa uPawulosi kunye noSilas behla, beshumayela iVangeli. Umvumisi omncinci ehleli esitalatweni...Kwaye abashumayeli belo lizwe bathi, “La madoda ngamabhedengu. Bachitha iicawa zethu, nokunjalo, baliguqula belibhukuqa ihlabathi, ngomonakalo wabo.”

¹¹² Kodwa kwenzeka ntoni? Esa Sazi sincinci, lamvumisi mncinci, wathi, “Lana ngamadoda kaThixo, abasixelela indlela yobomi.” Waza uPawulosi wawukhalimela loo moya kuye. Wayengadingi naluphi uncedo lokungqina ukuba wayengubani.

¹¹³ UYesu wasoloko ezixelela ukuba mazithule. Kodwa iyaqhubekeka ibonisa ukuba, ngamanye amaxesha, iidemoni zazi ngaphezulu izinto zikaThixo kunabashumayeli besenza; babotshwa ziimfundiso zecawa. Kwakunjalo, eBhayibhileni, kwaye uThixo akaguququki.

¹¹⁴ Ngenye imini, ndisihla, kwiminyaka emihlanu egqithileyo, ukusuka kuMzalwana uNorman, ndandiqhuba ndisihla ngendlela. Kwaye ndandisandula ukuba nomhlangano khona phaya, yaza iNkosi uThixo yabonakala kum embonweni. Kwaye ndandihleli phambi kwesango lam, phezulu apha endlwini yam. Kwaye yakhangeleka ngathi yimo yezulu embi.

¹¹⁵ Abaninzi benu bayakuwukhumbula umbono. Ubhaliwe encwadini yam yemibono. Ndiyibhala phantsi ukuze ndiqiniseke ukuba andiyilibali.

¹¹⁶ Kwaye kulombono ndawubonayo, kwakukho into eyeza ngendledlana, kwaye kwakukho amatye elele ethe saa kwiyadi yam. Kwaye kwakukho ogandaganda nezokukrwela, zisihla zinyuka ngendledlana, yaye imithi igawulwe yaza yasuswa neengcambu. Ndaza ndaqalisa ukuya esangweni, laye livaleke lonke ngamatye. Ndaza ndaphuma, ukuze ndithi kwindoda, “Kutheni oku?”

Yaza yaba nobundlobongela kakhulu, yandityhalela ngasemva, yathi, “Yilondlela ngani bashumayeli!”

¹¹⁷ Ndathi, “Ndikubuzile kuphela, ‘Kutheni usenza lento?’ U—uza ngaphaya kwicala lam lesitalato, apha. Kutheni uyenza lonto?” Kwaye waphantse ukundiqhwaba, waza wandityhalela emva.

¹¹⁸ Ndaza ndacinga, “Ndiza kumxelela nje ukuba akayazi into athetha ngayo.”

¹¹⁹ Laza iLizwi lathetha, lathi, “Ungayenzi lonto. Ungumshumayeli.”

Ndaza ndathi, “Kulunge kakhulu.”

¹²⁰ Ndaza ndajika ngasemva, kwaye, nangasekunene kwam, kuhleli phambi kwesango, yayisisikhephe esidala sasemathafeni. Uyazi intoni, inqwelo egqunyiweyo, kunye namahashe ebotshelelwe kuyo. Kwaye owayehleli ecaleni

lomqhubi yayingumfazi wam. Ndajonga emva ngasemva, kwaye nabantwana bam babehleli emva phaya. Ndakhwela ngaphezulu enqweleni. Ndathi kumfazi wam, “Sthandwa, ndikumele konke endinokumela.” Kwaye ndachola iimikhala ndaza ndatsala ihashe elikhokelayo, ndaza ndaqalisa ukubheka ngasentshona.

¹²¹ Laza iLizwi lathi kum, “Xa oko kusenzeka, ngoko uze uye ngasentshona.”

¹²² UMzalwana uWoods, umakhi apha kwibandla lethu, kunye nomlawuli. Bangaphi abawukhumbulayo umbono ngoku, niyakhumbula ndinixelela? Ngokuqinisekileyo. Ibhale phantsi ephepheni. Kwaye ndathi kuMzalwana uWoods... Wathenga, ebandleni, lo mhlaba ophakathi phaya. Kwaye wayezokwakha indlu yelitye phaya. Ndathi, “Ungayenzi lonto, Mzalwana Woods, ’ngoba abasayi kukunika imali yakho ngayo. Mhlawumbi, kungenzeka...” Yiminyaka egqithileyo, iminyaka emihlanu egqithileyo. Ndathi, “Bazaku, mhlawumbi, bayizise labhulorho inqumle apha, kwaye loo matye kunokwenzeka angumngangatho wangaphantsi wendlu yam evunjululwe, nokunyathela kwam nezinto, ileli khona phaya.” Endaweni yokuba ngamatye, yayingamaqhekeza odaka lwesamente. “Kwaye bazakubeka oko phantsi apha, ’ngoba bathi ephepheni yilento bazama ukuyenza.” Ke, zange ayakhe. Ekugqibeleni bagqiba, malunga nonyaka emva koko, okanye emibini, babezakuyinqumlisa, ukuhla *ngalendlela*. Ngoko ke kwalunga, ngoko ndayilibala nje, ndayiyeka yedlula.

¹²³ Ngoku, into engaqhelekanga yenzeka malunga nonyaka ogqithileyo. Ndandinomhlangano ngobunye ubusuku ezantsi kwaMzalwana uJunior Jackson. Ehleli kanye apha, umshumayeli waseWisile owayefumene uMoya oyiNgcwele, wabe ebhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu, kwaye walusa elinye lamabandla angodade wethu.

¹²⁴ Nje ukukubonisa ukuba uThixo usebenza njani ngaba bantu, ndikutsho oku ngentliziyo yam yonke. Andazi nalinye ibandla kwihlabathi lonke, ibandla elisadibeneyo, apho ndiyakholwa uMoya kaThixo ukho, kuneli bandla. Banazo izantlukwano zabo. Abakho ngokuqinisekileyo kwindawo abafanele ukuba kuyo, namnye kuthi, kodwa basondelelene kunaye wonke omnye umntu endimaziyo.

Ndizakubonisa, ndisazi okwakuza kwehla.

¹²⁵ UMzalwana uJackson waphupha iphupha. Akazange akwazi kohlukana nalo; kwaye ndandishiya ibandla lakhe, kwaye akazange akwazi kumelana nalo.

¹²⁶ Kudala kangakanani kwenzekile, Mzalwana Jackson? [UMzalwana uJackson uthi, “Ndaba nephupha ngoFebhrwari yama-’61, Mzalwana Branham.”—Mhl.] Febhrwari yama-’61, waba nephupha.

127 Kwaye waza kum, waza wathi, “Into ethile isentliziweni yam. Mandikuxelele, Mzalwana Branham.”

Ndathi, “Qhubekeka, Mzalwana Jackson.”

128 Waza wathi, “Ndiphuphe iphupha.” Kwaye nalo! Ndahlala nje ndathi cwaka, kwaye ndaphulaphula ndaza ndaqaphela. Wathi, “Ndaphupha ukuba kwakukho induli enkulu, njengasedlelweni, apho ingca eluhlaza okanye into ethile yayikho.” Waza wathi, “Phezulu enkcochoyini yalenduli, apho amanzi akhukulise umhlaba, kwakukho ilitye lomphezulu, phezulu enkcochoyini yendulu, njengenkcochoyi yentaba. Yayililitye; kungekho ngca. Kwaye apho amanzi ayikhukulisayo, ayevule uhlobo olufundekayo kulamatye. Kwaye wawumi apho, utolika lombhalo kulamatye.” Waza wathi, “Sonke thina,” kwaye nantsi indlela awayibeka ngayo, wathi, “abazalwana abasuka eGeorgia, nakwindawo zonke ngokusingqongileyo, sasimi sonke kunye, siphulaphule kuwe utolika loo mfihlakalo yombhalo kuloo matye, loo ntaba.”

129 Kwaye wathi, “Waza wachola okuthile, njengasemoyeni, okuthile okunje ngentsimbi yokwaphula, okanye—okanye umgqala wokuqhaqha.” Yayingenguwo, mzalwana? “Into ethile efana naleyo, intsimbi yokwaphula, itsolo kakhulu.” Waza wathi, “Ya, wayenza njani, andiyazi.” Waza wathi, “Ubetha umphezulu walaa ntaba, wayikrazula ngokujikelezileyo, waza waphakamisa umphezulu wayo wasuka. Yayi kwimo yepyramid. Kwaye wakrazula umphezulu wayo wasuka.” Ngoku, yayizinyanga ngeenyanga ngeenyanga phambi koMyalezo wepyramid ushunayelwe. Waza wathi, “Ngaphantsi koko yayililitye elimhlophe, inyengane. Kwaye wathi, ‘Ilanga, okanye ukukhanya, zange kwakhanya koKu ngaphambili. Jonga ngaphakathi Oku. Qaphela Oku.’”

130 Kwaye oko kulungile, ngokuba, ekubunjweni kwehlabathi, ihlabathi labunjwa phambi kokuba kubekho ukukhanya. Siyakwazi sonke oko. UThixo wanyakama phezu kwamanzi. Kwaye—kwaye ngoko, ekuqalekeni, Wathetha ngokukhanya. Kwaza, ngokwendalo, phantsi ngaphantsi apho, kwisigaba apho ukubunjwa kwakukuso, okwa kukhanya kwakungazanga kweza kwelalitye.

131 Kwaye wathi, “Jonga phezu koKu. UKukhanya zange kuze kuLo ngaphambili.” Kwaye xa bonke baphakama, ndaza ndabaxelela ukuba mabajonge Oko, baza bonke beza ukuza kujonga ngaphakathi.

132 Kodwa wathi, ngelixa bejongile ngaphakathi, wajonga ngecala leliso lakhe, ndiyakholwa yayililo, waza wandiqaphela mna. Ndanyebelezela kwelinye icala, ndaza ndaqalisa ukumka ndisiya ngaseNtshona, ngasekutshoneni kwelanga; ndinyuka

induli, ndisihla induli; ndinyuka induli, ndisihla induli; ndisiba mncinci ngokuba mncinci, ndaye ndisimka ngayo yonke lendlela ndiphela emehlweni.

¹³³ Kwaye wathi, ngoko, xa ndakwenzayo oko, wathi, “Baza ke abazalwana bajika, emva kwethuba, bathi, ‘Ingaba unyamalele? Uye phi?’” Waza wathi, “Abanye babheka *kwelacala*; abanye bathabatha elinye icala, baza abanye elinye.” Kodwa, abambalwa kakhulu bahlala baza bajonga koko bendibaxelele kona.

¹³⁴ Ngoku qaphela utoliko lwephupha. Endibe, andizange ndamxelela nenye into, okanye nenye yezi endikhe ndazixela, nenye yazo. Kodwa, ndathi, “Ewe.” Kwaye intliziyo yam, ishukuma. Ndandiqaphele. Ngoku, umbhalo wemfihlakalo . . . Linda, ndiyakuyiyeka nje okwethutyana.

¹³⁵ Kungekudala kakhulu, uMzalwana uBeeler . . . UMzalwana uBeeler usoloko enathi. Ingaba ulapha, Mzalwana Beeler? Ewe, emva apha. UBilly uthe, “uMzalwana Beeler uxhelekile. Ube nephupha elingaqhelekanga.”

¹³⁶ Ndaya kuMzalwana uBeeler, waza wathi, ezantsi phaya endlwini yakhe ngobunye ubusuku, xa ndandisiya kwizimemo ezithile. Waza wathi, “Mzalwana uBranham, ndibe nephupha elingaqhelekanga.” Wathi, “Ndiphuphe ukuba ndandisihla ngomfula wamanzi, ndisiya ngasentshona. Kwaye kwakukho indlela kwicala langasekhohlo. Kwaye ndandikwicala langasekhohlo, ndisiya ngasentshona endleleni, ndikhangeleka ngathi, ndikhangeleka iinkomo. Kwaye kwicala langasekunene, kwenzeka ndiqaphele emva kokuba ndifikele phaya, nako wawulapho. Kwaye wawuqokelele igquba elikhulu leenkomo, kwaye kwakukho ukudla okuninzi ngaphaya apho.” Waza wathi, “Waza wazifumana ezonkomo waqalisa nazo ukunyusa umlambo.” Kwaye, kukhangeleka, ukuba makube ndanqwala kuye ukuba ajonge ezonkomo. Waza wathi, “Ngoku, kuyakuba lula kwezonkomo, ndiyazi ukuba ziyakuhamba indlela enokuxhathisa okuncinci. Kodwa uMzalwana uBranham ufuna zihlale kwicala langasekhohlo laloo mlambo, ke ndiyakuphindela phezulu ngale ndlela ukuze ndizigcine zingazi kunqumla umlambo kweli cala, ndize ndizigcine kwela cala.” Kodwa, waqaphela, andizange ndizilandele iinkomo, kodwa ndaqhubeka, ngasentshona. Wathi, “Kunokuba uzingela ezibhadulayo.”

¹³⁷ Akubanga ngaphezulu kunokuba elithethile elophupha, ndalibona. Kwaza ngoko, qaphela, wathi wandikrwaqula kancinci, ke wabuyela emva waya kujonga. Waza wathi ndandisiya kwintaba eqinileyo, kwaye konke ngaxesha linye ndanyamalala. Waza wamangaliswa ukuba yintoni engalunganga. Waya wehla. Kwaye wayenomfulana omncinci ecaleni lakhe, owayenomjelo ophumela ngasekunene. Ndacinga

oko kulungile, Mzalwana Beeler. Ehe. Kwaye waqaphela ukusuka...Kwaye ngaphaya kwicala lam yayizingxangxasi ezimbi. Waza ngoko wacinga kusenokwenzeka ukuba ndingene kwezongxangxasi ndaza—ndaza ndanyamalala. Waza waqaphela, waza wathi wajonga macala, wabona imiphumela yezongxangxasi, yehla *ngale* ndlela kwaye yayibangela imithombo empompozayo ukuba itsaze, kodwa amanzi ayengabuyeli mva emhlabeni. Wajonga ngaphesheya kwesebe elincinci, okanye umsinga omncinci, waza wabona izilwanyana ezincinci zineendlebe ezingqukuva. Waza wathi, “Ndiyakholwa ndiyakuthatha sibe sinye.” Waza wanqumla.

¹³⁸ Waza wangena ekucingeni ngam. Waza wakhwela phezu kwendulana, ukuze ajonge ngaphaya abone ukuba kwakhukho oluncinci, olunciphileyo, ungqameko olumnxinwa, uyazi, ukuba endandinokuba ndijikele ngaphay kwalo. Kodwa, wathi, “Kwakungekho nto.” Waza wakhathazeka. Wathi, “Kwenzeke ntoni kumzalwana wethu? Ingaba kwenzeke ntoni kuMzalwana uBranham?” Kwaye xa waqalisayo ukoyika, wathi wandiva ndithetha. Kwaye ndandimile phezulu ngaphezu kwentaba. Ndaza ndamxelela uMzalwana uBeeler utoliko lwephupha elo ndandimnikile kungekudala, ndaza ndamxelela ukuba alinde kwiNkosi, ukuba ngenye imini ndiyakudibana naye esiqithini. Kwaye nanko wayelapho.

¹³⁹ Ngoku, utoliko lwelaphupha leli. Kangangokuba umsinga wawumkhulu, yayingumsinga wobomi. Ndandisiya ngasentshona kuwo, kwaye naye ngokunjalo; ngokuba, wayesindleleni, wayebalekisa encinci...esihla ngalendlela. Kwaye kwelinye icala yayingca eninzi, kodwa intshinyela yemithi, nemithi elukhuni, namahlathi; kodwa apho kwakukho eninzi ingca. Yaye yiloo ndlela esithi siyizingela ngayo iNkosi, kunye noKutya kweNkosi, ebunzimeni. Siqokelela iinkomo; yayilelibandla; ndiligcina likweliya icala. Iinkomo kanye kanye ziyakuya kwindlela emthebelele, ihlelo, ukuba zinganakho; ethi, indlela imele ihlelo. Ndamqalisa emva phaya endleleni, ukuqiniseka ukuba abayi nakwelinye ihlelo.

¹⁴⁰ Kangangokuba wabona udonga elalingenakugqithwa, elandithintelayo ukuba ndingayi entshona, yayilelatyala lerhafu kunye norhulumente. Akukho mntu uqondayo ukuba ndade ndaphuma njani kulo. Yayiludonga elwandithintelayo, kodwa iNkosi yandiwelisa kulo, kwaye ndandigqithile kulo. Ndiyakudibana nani, Mzalwana Beeler, esiqithini.

¹⁴¹ Ngoku ke, ngoko, ngesiquphe emva koko, uMzalwana uRoy Roberson. Mzalwana Roy, ingaba ulapha ngobubusuku? Ewe, ndi—ndiyakholwa...Intoni? [Umzalwana uthi, “Ngapha kweli cala.”—Mhl.] Ngaphaya ngelacala. Wandibiza, kwaye wayenephupha. Kwaye waphupha ukuba sasiqokelela iinkomo. (Ngoku, eli lelesithathu.) Siqokelela iinkomo. Kwaye

kwakukho ingca, imela esiswini, ukutya okuninzi. Sonke thina bazalwana sasihlangene. Kwaye seza endaweni ukuze sidle, waza uMzalwana uFred Sothmann waphakama waza wathi, “U-Eliya, umprofeti omkhulu, uyakuthetha apha namhlanje, emva kwemini.” Kwaze ngoko xa sonke sasinesidlo, wonke umntu wemka, waza wacinga kutheni bengakhange balinde ukuze bayive Yona ithethwa.

¹⁴² Ngoku, bona indlela oko kuqhangamshelana ngokuchanekileyo noMzalwana uJackson! Yabona, oko kubetha ngqo, ngokuchanekileyo, oko uMzalwana uBeeler akutshiloyo! Akukho namnye owalindayo, ukuze afumanise.

¹⁴³ Qaphela, ngesiqophe emva koko. UDade Collins, ingaba ulapha? UDade uCollins waphupha iphupha lokuba elapha ebandleni, kwaye kwakukho umtshato owawulungiselela ukubakho. Kwaye xa wenzayo, wabona uMyeni engena, egqibelele; kodwa uMtshakazi wayengagqibelelanga ncam, nakubakunjalo yayinguMtshakazi; ngoku, elo liBandla. Kwaye kwakukho okungathi ngumthendeleko, okanye i—inkonzo eqhubekelayo apha, njengesidlo silungisiwe. Kwaye yabangathi isondela kuye kuba uMzalwana uNeville wayedlisa isidlo ebandleni, kodwa wathi yayikokona Kutya kungcono awakhe wakubona. Wayelambe kakhulu. Kodwa wacinga mhlawumbi oko, ephupheni, ukuba wayengafanelekanga ukuba asidlise Sona, kwaye yena noMzalwana uWillard babeza kunyuka baye kwiRanch House baze batye. Kwaye xa bakwenzayo, ukuKhanya kwicala lasekunene kwakhanya. Ngoku, uyazi ukuba kuyintoni Oko.

¹⁴⁴ Ngoku, Ukutya. UMtshakazi awugqibelelanga, kodwa uMyeni ugqibelele. UMtshakazi awugqibelelanga okwangoku, kodwa uKutya okwakunikezwa yayingekokutya okuqhelekileyo, kuKutya komoya obukufumana, lonke elixesha.

Mandime apha kwelaphupha lesine, okwethutyana nje.

¹⁴⁵ Aniyikhumbuli, Mzalwana Fred Sothmann, Mzalwana Banks Woods, xa sasiphaya ngaphandle e-Arizona kunyaka ophelileyo, xa sasiphaya phandle sizingela iihagu ezizijavalina, yaza iNkosi yathetha? Anizazi izinto Awazenzayo ngokugqibeleleyo, ebonisa okwakuzakwenzeka, njengoko sasihamba ngendlela? Ukuba oko kulungile, nina nobabini bazalwana yithini, “Amen.” [Abazalwana ababini bathi, “Amen.”—Mhl.] Zange yaphosa.

¹⁴⁶ Kwaye ndabona embonweni xa sasiqhuba, ngenye imini, u—umbono weNkosi weza kum, kwaye ndandilungiselela uku, ngelo xesha, xa ndabuyela emva ekhaya, ukuze ndiye phesheya kweelwandle. Kwaye xa ndaya phesheya kweelwandle, ke, ndabona enqanaweni...okanye ecaleni lolwandle, apho inqanawa ziphumela khona. Kwaye kwakukho encinci, emfutshane indoda apho, yaze yathi,

“Ndikulungiselele umkhombe, Mzalwana uBranham.” Yaye ilelincinci libhityile iphenyana, malunga—malunga nonyawo ubude, kodwa lalimhlophe okwekhephu. Kwaye wathi kum, “Eli lelakho ukuze uwele.”

“Owu,” ndathi, “ayo—ayo—ayonelanga.”

147 Wathi, “Iyakubaleka amashumi amane eemayile ngeyure, ukunyuka-isehla *ngale* ndlela.” Ukuthi, ukunyuka-isehla unxweme.

148 “Kodwa,” ndathi, “ayisokuze indiwelise.” Waza wajonga phantsi, kwaye wathi, “Hamba njengoko behamba.” Ndaza ndajonga, waye nanko uMzalwana uFred Sothmann kunye noMzalwana uBanks Woods, behleli kwiphenyane eliqatywe luhlaza, kunye nentambo yokubopha intente ngasemva kwalo. UMzalwana uBanks enomnqwazi obhenqiweyo *ngoluhlobo*; uMzalwana uFred nesakhe sithiwe mfi kwisixhobo. Waza wathi, “Hamba nje ngabo.”

Ndathi, “Hayi. Andisokuze.”

149 Kwaye lendoda yathi kubo. Indoda encinci yathi, “Ningabaqhubi bemikhombe?”

UMzalwana uBanks wathi, “Ewe.” UMzalwana uFred wathi, “Ewe.”

150 Kodwa ndathi, “Abangabo. Ndinguye umqhubi mkhombe, kwaye ndiyazi ukuba andinakuyela njenga lonto, kwaye ndiqinisekile ukuba andisayi kuhamba ngalaa ndlela.”

Wathi, “Awunakho ukuhamba nabo?”

Ndathi, “Hayi. Hayi.”

151 Ke, ndajika. Kwaye, xa ndakwenza, indoda encinci edokisini kwenzeka ukuba ngumzalwana wam olungileyo, uMzalwana u-Arganbright.

152 Ndaza ndabuyela emva kweliphupha, kwaye kwakukho esincinci, eside isakhiwo. Kwaye iZwi lathi kum. (Kwaye nonke nina niyakukhumbula oku, okanye abaninzi benu.) ILizwi lathi kum, “Zisa Ukutya ngaphakathi. Kugcine Kona ngaphakathi. Yiyo kuphela indlela yokubagcina apha, kukubanika Ukutya.” Kwaye ndangenisa, ndandingenise, emikhulu imiphanda igcwele yeyona mihle iminqatha kunye neyona mihle imifuno, nezinto, endakha ndazibona. Niyakhumbula ngoku, umbono? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

153 Ngoku, ndanixelela kamva ukuba utoliko lwaluyintoni. Kwakufanele ukuba ndiye eZurich, eSwitzerland, kunye noMzalwana u-Arganbright, ukuba sibe nemihlangano yobusuku obuhlanu. Ndabaxelela abazalwana phambi kokuba yenzeke, “Andisayi kuya.” Kwaye ndandisezantsi kunye noMzalwana uWelch Evans ezantsi phaya, xa Yanika utoliko.

154 Ngobunye ubusuku, ndiyakholwa uMzalwana uWelch weza kundilanda, sasizakuya kuhambo lokuloba, waza wathi uMzalwana u-Arganbright uyandibiza. Ndathi, “Kulungile, nantsi apha. Bazakundijika.” Kwaye amaxesha amaninzi. . .

155 Hayi ngoMzalwana uMiner; ungomnye wabona balungile abahlobo. Kodwa ngamanye amaxesha, ukuba nje banga. . . Ukuba bacinga ukuba uzakushumayela into ethile echasene nemfundiso yabo, bayakuthi nje uyakubalapho, ukwenza ukuba abahlobo bakho babe lapho. Kwaye bathi. . .

156 UMzalwana u-Arganbright wandibiza wathi, “Mzalwana uBranham,” njengoko uMoya etshilo. Wathi, “Yiza wena, uze nomfazi wakho kunye nawe,” wathi, “ngokuba awusayi kushumayela kakhulu,” wathi, “ngokuba ndicinga ukuba bakuzisela ubusuku obunye.” Waza wathi, “Ungangabushumayeli obuya.”

Ndaza ndathi, “Hayi.”

157 “Kulungile,” wathi, “yiza, wena nomfazi wakho, nonke yizani, yabona, kwaye ukuba wenzile, ndiyakunithatha ndinijikelezise. Owu, umfazi wam, umfazi wakho, kunye nabo bonke, siyakunyuka singena eSwitzerland, siwelele ePalestina.”

Ndathi, “Hayi.”

158 Ndandinalo utoliko. Ndamxelela uMzalwana uWelch, okanye uMzalwana uFred kunye nabo, “Ndiyakuxelela kusasa, kodwa kuqala umfazi wam kufanele atsho okuthile.” Kwaye xa ndambizayo, waza wala ukuya. Ndathi, “Nantsi ke.” Yabona?

159 Ngoku, leya incinci, umkhombe omhlophe yayingumhlango omnye. Kulungile ukuya naphina apha, elunxwemeni, ngomhlango omnye, kodwa akonelanga, noko yayimhlophe kwaye ilungile, ukundibiza ngaphaya kweelwandle.

160 UMzalwana uFred, kunye nomzalwana apha, bamela umbono, bawumela, “Hambani njengabakhenkethi, ukwenzela ulonwabo.” Kodwa andikukhathalelanga ukuyenza lonto. Ndaza ndala ukuba babengabaqhubi zikhophe, ithetha ukuthi babengengobashumayeli. Kodwa, ndandingumshumayeli.

161 Kwaze ngoko Ukutya kwesiya sincinci, side isakhiwo. Andikhange ndiye phesheya kweelwandle; ndaza ndabuyela kwesi sakhiwo sincinci, saza senze eziliqela iteyiphu, ezeepyramid kunye nezinye izinto, ukuze sibonise abantu iyure esiphila kuyo.

162 Ngoku thelekisa oko kunye namanye, amaphupha. Lona yayingumbono. Ukutya, naku Kona. Lena yindawo.

163 Qaphela ngoko okwenzekayo. Ngoko ngesiquphe emva kwalowo wesine umbono wezayo, okanye iphupha lesine lixeliwe kum, kwathi gqi uMzalwana uParnell. Ulapha,

ndaweni ithile, kanye apha. Kwaye uBilly wayengekho apha, kwaye indoda yayiphambene. Isuka eBloomington, ndiyakholwa, okanye eBedford? [Umzalwana uthi, “Lafayette.”—Mhl.] Lafayette, ibamba imihlangano. Kwaye yaba nephupha, yaza yehla yaya kuMzalwana uWoods. Yaza yathi, “Andikwazi kwahlukana nalento. Kumele ndiyixele, kumele ndixelela uMzalwana uBranham. Iyandikhathaza.”

¹⁶⁴ Kwaye uThixo uyazi, akukho nalinye iphupha phakathi kwawo. Eza nje, elinye, elesibini, elesithathu, elesine, elesihlanu, elesithandathu.

¹⁶⁵ UMzalwana uParnell wathi, “Ndibe nephupha elingaqhelekanga. Ndiphupha ndizakubanomhlangano phezulu phaya. Kwaye ngandlela ithile, kukho umhlangano apha ebandleni, ngathi.” Waza wathi, “Eli bandla litsha,” libekho njani, wamangaliswa ukuba kwakutheni kwakungekho ntsebenziswano phakathi kwabo bobabini, okanye into ethile engolo hlobo. Waza wathi wayemi apha, kwade, “Kulungile, ndandilapho. Ndiyakulinda nje, kwaye ndiyakuwunyamezela lomhlangano.” Wathi, “Indoda yeza iphumela kwisakhiwo, inxibe isuti emdaka, kunye nencwadi. Ndinga ukuba yayibhala.” Kwaye yamxelela uMzalwana uParnell, yathi, “Lona ngumhlangano wabucala. Ngowamadikoni odwa kunye nabalawuli.” Kulungile, waziva enokunyathelwa kancinci. Ke waphuma ngomnyango walocawa intsha, icawa eyayakhiwe, okanye lena ilungisiweyo, ilungisiweyo kwakhona. Kwaye xa waphumela ngaphandle, lalikhithika, imozulu imbi, ixesha lasebusika.

Kwaye kwakungekho nomnye kwaba bantu babesazi malunga noku.

¹⁶⁶ Kwaye xa waphumayo ngomnyango, ndandimi apho, ndijonge ngasentshona. Ndathi, “Sukuziva ubunyathelwa, Mzalwana Parnell. Ndiyakukhokela, kokufanele ukwenze.”

¹⁶⁷ Waza uMzalwana uParnell, kunye nabanina kwinxenye yabo, bayazi ukuba andizange ndibaxelele utoliko. Lungoku kanye; ukanti, ndandiyibona ngethuba ababeyithetha. Ingaba niqhaphela indlela endakhawuleza ndemka phaya, Mzalwana Parnell? Ukuze ndizinqande ndinganixeleli. Ndaza ndenyuka, zange nditsho nelimdaka kuMzalwana uWoods okanye nakubani omnye, nabani. Ndaliyeka nje, 'ngoba ndandifuna ukubona ukuba iyaphi na. Ingaba undivile mna ndisithi kutshanje, “Ndinxunguphele”? Ibiyilonto.

¹⁶⁸ Kwaza ngoko, uMzalwana uParnell, wathi ndathi kuye, “Mzalwana Parnell, qalisa. Kwaye indawo oyakufika kuqala kuyo iyakuba yiTsiphora.” Tsiphora, “Tsiphora,” ethetha umgca, okanye ukuma, okanye into ethile. Ndathi, “Sukuhlala apho. Ngoko hamba, kwelandelayo, kwaye uyakufumana ixhegokazi; uze ngoko ungemi apho. Hamba

kwakhona, uyakufumana elona lidala ixhegokazi; sukuma apho.” Kwaye lonke ixesha sasi, ndandithetha, sasihamba ekhephini. Ndaza ndathi, “Hamba de ufumane uMfazi wam. Kwaye xa umfumene uMfazi wam, yima apho!” Waza wathi wajonga, kwaye sasiphumile ekhephini, sisentlango. Ndaza ndanyamalala. Waza wajonga ngasemva, waza wabona umfazi wakhe empopa amanzi emthonjeni, kwaye abanye abashumayeli bemtsala, bemtsala bemsusa kwimpompo. Wayemjongile yena. Waza wavuka.

169 Nalu ke utoliko lwephupha lwakho. Kwaye ndandinokunixeleva, ngobabusuku, kodwa ndemka. Kangangokuba laa Tsiphora, nalamfazi mdala, kunye noyena, noyena mdala umfazi, lawo ngamabandla. Yabona? Kwaye uTsiphora ekubeni engu—engumfazi kaMoses, Tsiphora, kwaye siyaqaphela ukuba ndamxelela ukuba angami kubo, nokuba badala kangakanani. Yayiyimibutho. Sukuma kubo. Baliphila elabo ixesha. Kodwa xa wafika kuMfazi wam, oliBandla lam athe uYesu Kristu wandithuma kulo, apha kulo mhla wokugqibela, kwaye lilo Eli, “Yima apho!” Kwaye ndaya ngasentshona.

170 Ngoko uDade uSteffy. Angangabi lapha, ngokuba ebesibhedlele. Andazi ukuba uphi...Ingaba uDade uSteffy...Ewe, nanku apha. UDade Steffy weza endlwini yam ukuza kuthandazelwa, phambi kokuba aye esibhedlele ukuya kutyandwa, ukuba uThixo amncede aze amsikelele. Kwaye ngokwenene Wakwenza.

Waza wathi, “Ndibe nephupha elingaqhelekanga, Mzalwana uBranham.”

Ndathi, “Ewe?”

171 Waza wathi, “Ndiphuphe ukuba ndandingaphandle eNtshona. Kwaye nda...” Elo lelesithandathu. Waza wathi, “Ndiphuphe ndingaphandle eNtshona, kwaye wayenelizwe eliqengqelekayo. Kwaye xa ndajongayo, ndimi phezu kwenduli, kwakukho eyona ndoda indala inezinde, ezimhlophe iindevu, kwaye ezinjani iinwele eyayinazo zazikhule zehla zaqumleza ubuso bayo. Kwaye yayinebhijelweyo kuyo emhlophe, into ethile, ingubo,” wathi, “umoya wawuyibhudla.” Ndinginga ukuba oko kulungile, Dade Steffy, ngolohlobo. Waza wathi, “Ndaqhubeka ndisondela. Wayemile, phezulu kumphezulu wentaba, ejonge ngasempuma.” Waza wathi, “Andazi, ‘Ngubani lendoda indala?’” Waza wasondela kufutshane, kufutshane. Kwaye xa wabakufutshane, waqonda ukuba yayingubani. Yayingongenakufa u-Eliya, umprofeti, eme apho enjenge iMpuma.

172 Wathi, “Kufanele ukuba ndimbone.” Wayenesidingo. Kwaye wabaleka wenyuka induli waza waqubuda khona

apho, ukuze athethe naye, egameni lika-Eliya. Waza wathi, xa wathethayo. . . Weva ilizwi, lisithi, “Ufuna ntoni, Dade Steffy?” Kwaye yayindim.

¹⁷³ Iphupha lakho lazaliseka kanye apho, Dade Steffy. Kuba, ngesiqophe emva koko, ndaya eLouisville. Into awayeyidinga yayingumthandazo. Yabona? Kwaye waphumelela kakuhle, esibhedlela; kwaye umqondiso wam wokuya ngasentshona, ndikhangele ngasempuma, ndikhangele umhlambi wam. Qaphela. Xa. . .

¹⁷⁴ Ndaya eLouisville. Kwaye xa ndabuyayo, ndaqalisa esangweni, kwaye kukho iziqobo ziqhutyelwe apho, phezu kwesango lam. UMnu. Goynes, wolawulo lwezitalato apha, wayehamba ngendledlana. Wathi, “Billy, yiza apha.” Wathi, “Kufanele ususe isango lakho kunye nezinto, ucingo, iyadi yamatye nesango.”

Ndathi, “Kulungile, kuhle, Bill.” Ndathi, “Ndiya—ndiyakuyenza lonto. Nini?”

¹⁷⁵ Wathi, “Ndiyakukuxelela. Ndiyakukwazisa ukuba nini.” Ndathi. . . “Kulungile ekuqaleni konyaka, bazakuqalisa ukuyenza.”

Ndathi, “Kulungile.”

¹⁷⁶ Ke ndaqalisa ukubuyela endlwini, waza umfazi wathi, “Ndifanele ndiye kunqinga ngokukhawuleza.” Kwaye ndehla ngendledlana. Yaza inkwenkwe, uRaymond King, ongunjineli wesixeko. Ndisoloko ndimbiza ngokuba ngu “Ndlebe Daka.” Kuba, sasingabantwana, siqubha sonke, wabetha umfo endlebeni ngesixa sodaka. Kwaye sasisoloko simbiza ngokuba ngu, “Ndlebe Daka.” Uhlala kanye ezantsi kwendledlana ukusuka kum, malunga—malunga nomnyango wesibini ezantsi kukaMzalwana uWoods.

Kwaye ke ndathi, “Daka, yiza apha okomzuzwana.”

Wathi, “Kulungile, Billy.” Kwaye weza kwelocala apho.

Ndathi, “Esasiqobo ubusiqhubela phaya?”

¹⁷⁷ Wathi, “Billy, yi, bazakuyisa phaya yonke into.” Wathi, “Yonke le mithi, ezingcingo, nayo yonke enye into, kufanele isuswe.”

¹⁷⁸ Ndathi, “Kulungile, unjineli undixelele ukuba umhlaba wam uza embindini wesitalato.”

¹⁷⁹ Wathi, “Ewe, kodwa bazakuwandisa. Bazakuwufaka phakathi, nakanjani.” Wathi, “Nowam unjalo.”

¹⁸⁰ Ndathi, “Kulungile, uMzalwana uWoods ngu—ungumsebenzi ngamatye, kwaye,” ndathi, “Ndiya—ndiyakumfuna ukuba awabuyisele nje emva.”

¹⁸¹ Wathi, “Billy, ungayichukumisi. Yeka ikontraki ikwenze oko. Ngumntu obalulekiyo lowa, akanjalo?”

Ndathi, “Ewe, mhlekazi.”

Wathi, “Myeke ayenze.” Wathi, “Uyazi kuba ndithetha ntoni na.”

Ndathi, “Ewe.”

¹⁸² Ndaza ndajika ndemka, kwaze, *ngoko* kukhawuleza, into ethile yayibetha. [UMzalwana uBranham uqomfa umnwe wakhe—Mhl.] Ndaya ekhaya, ndaya kwigumbi lam lemfihlakalo, ndathabatha laa ncwadi, kwaye nantso ilapho. Yayingezobloko zekhonkrithi; yayingamatye. Ndathi, “Meda, lungisa.”

¹⁸³ Amaphupha amathandathu alandelelanayo, waza umbono wawuthwesa. “Xa ezizinto zisenzeka, bheka ngasentshona.”

¹⁸⁴ Ndatsalela eTucson. UMzalwana uNorman unayo indawo. Andazi apho ndiya khona. Andazi emandikwenze. Nje ndikwi... Ndimile. Andazi emandikwenze. Ndishiya ikhaya ekungadingeki ukuba ndihlawule imali yengqesho kulo. Umvuzo wam ngamakhulu eedola ngeveki. Kwaye ndiphantse ndifanele ndihlawule amakhulu eedola ngenyanga endlwini. Ndilapha kunye nabazalwana noodade bam, apho ndithandwayo. Kwaye ndiyahamba, andazi phi na. Andiyazi ukuba kutheni. Andinakunixeleva ukuba kutheni. Kodwa kukho into enye endiyaziyo, kukulandela Athi kwenze. Andazi, andazi ndlela emandihambe ngayo, mandenze ntoni. Asiyoyam... .

¹⁸⁵ Ndinga ukuba u-Abraham waziva ngaloo ndlela xa Wamxelelayo, “Welela, unqumle umlambo.” Wayengazi ukuba makenze ntoni kodwa ukuphambukela, ukuzahlula. Ndingazi ukuba mandenze ntoni.

¹⁸⁶ KuMgqibelo ophelileyo kusasa, iveki enye ukusuka izolo, malunga nentsimbi yesithathu kusasa. Ndandivukile ndaza ndasela amanzi, ndaza ndabeka isigqubuthelo phezu koJoseph, kwigumbi lakhe. Ndaza ngoko ndabuyela emva, kwaye ndandingqengqene nje phantsi. Ndozela ndalala. Kwaye xa ndozela ndalala... Ndisusa lamaphuphana mancinci kunye nezinto, ukuze ubone imvelaphi yoku ndilungiselela ukutsho. Nda—ndagquma uJoseph, ndaza ndabuyela emva ndaza ndalala phantsi, ndaza ndozela ndalala ubuthongo. Kwaye ndaphupha iphupha.

¹⁸⁷ Kwaye ndaphupha ukuba ndibona indoda ekwakufanele ukuba ngutata wam, nangona yayiyindoda esisigantsontso. Ndaza ndabona umfazi ekwakufanele ukuba ngumama wam, kuphela wayengakhangeleki ngathi ngumama wam. Kwaye lendoda yayikhohlakele kakhulu ngakulomfazi wayo. Yaye inentonga emadolothathu, apho yayilinqale khona elikhuni. Kwaye yayenze i... Uyazi, ukhuni olucandiweyo, phezu kwesiqobo, uyazi, yenza intonga enamadolothathu. Kwaye ngalo lonke ixesha lomfazi eqalisa ukuma, iyamxhakamfula nje ngentamo ize imbethe entloko, ize imwisele phaya. Kwaye

ubeya kulala phaya, afixize aze alile, kwaye aqalise ukuvuka kwakhona. Ibisakujikeleza, ngokuzidla, enesosifuba sakhe sityhaliwe, osisigantsontso umfo. Kwaye xa avukayo kwakhona, ibisakumbamba ngentamo, ithathe lentonga inamadolo amathathu, ize imqhekeze ngayo entloko, imwise phantsi. Ibuyele emva ize ityhale isifuba sayo, ngathi yenze into enkulu.

¹⁸⁸ Kwaye ndandimile, ndiyibukele lento. Ndacinga, “Andinakho ukuqubisana nalaa ndoda. Inkulu kakhulu. Kwaye, ngoko, ufanele ukuba ngutata, kodwa akanguye utata.” Ndaza ndathi, “Akanalungelo lokuphatha laa mfazi engolwahlobo.” Ndaza ndabanokucaphuka kancinci ngakuye. Ke ngoko, konke, ngaxesha linye, ndabanesibindi esaneleyo, ndaza ndaya kuyo, ndaza ndamxhakamfula ngesixhanti ndaza ndamjika. Ndaza ndathi, “Akunalungelo lokumbetha.” Kwaye xa ndakutshoyo oko, izigalo zakhula. Ndakhangeleka okwesigebenga. Kwaye loo ndoda yajonga kwezo zigalo, yaza yaba nokundoyika. Kwaye ndathi, “Uze umbethe kwakhona, uyakuqubisana nam.” Yaze yaba nokuthandabuza ekumbetheni kwakhona. Ndaza ndavuka.

¹⁸⁹ Ndaza ndalala apho okwethutyana. Ndacinga, “Yintoni leyo? Akuqhelekanga ukuba ndiphuphe ngalaa mfazi.” Kwaye ngesiquphe, nanku Esiza. Ndafumana utoliko.

¹⁹⁰ Umfazi umele ibandla lehlabathi, namhlanje, lonke ihlabathi. Ndazalwa kanye kulembutyulelo, kwaye naku ndinguye lo. Ufanele ukuba abe luhlobo lo—lomama we... ukuba wayengunina wehenyukazi, kodwa kunjalo ndazalelwa kuyo. Kwaye i... Umyeni wakhe lihlelo elimlawulayo. Intonga emadolo mathathu awayenayo, lolaa bhaptizo lukwisithathu emagameni obuxoki. Ukuba, lonke ixesha equalisa ukuphakama, ibandla liyamkele Yona, imnkula phantsi ngayo. Kwaye, kuba, yona isisigantsontso, ndajika, ndinokuyoyika kancinci. Ndaza ndatsibela kuyo, nakanjani, kwaye izigalo yayizizigalo zokholo. Oko kwandenza ndacinga, “Ukuba uThixo unam, kwaye unokundinika izigalo, mandimmele yena. ‘Hlukana nokumbetha!’”

¹⁹¹ Kufanela ukuba yayiyintsimbi yeshumi emini, xa umfazi wam wayezama ukungena egumbini, kwaye kwenzeka. Ndaba kumbono ngaloo ntsasa, kwaye nakanjani nda... Ngoku, khumbula, yayingelophupha.

¹⁹² Kukho umahluko phakathi kwamaphupha kunye nemibono. Amaphupha kuxa uyakulala. Imibono, kuxa ungayanga kulala. Sizalwe ngaloo ndlela. Umntu oqhelekileyo, xa ephupha, kukwingqondo yakhe esitheleyo. Kwaye ingqondo yakhe esitheleyo ikude lee kuye. Izimvo zakhe ziyasebenza, okokoko nje esekuphaphameni kwakhe kokuqala. Koku kuphaphama, u, useziqondweni; uyabona, ngcamla, bamba, joja, yiva. Kodwa xa ukwinqondo esitheleyo, ulele, akuboni nokubona, akungcamli, akubambi, akujoji, okanye uve.

Kodwa kukho into, xa uphupha, yokuba ubuyela emva kokukuphaphama. Kukho inkumbulo, yokuba ukhumbule into ethile obuyiphuphile, kwiminyaka eyagqithayo. Umntu oqhelekileyo ulolohlobo.

¹⁹³ Kodwa xa uThixo wayibekela into ngexa elingaphambili, le ngqondo isitheleyo ayikho kude le apha, kwimboni, kodwa zombini ezingqondo zidibene. Kwaye imboni, kumbono, ayiyi kulala. Isekwizimvo zayo, kwaye iyawubona.

¹⁹⁴ Ndandikuchaza oko koogqirha abathile, ngenye imini. Baza baphakama bathi, “Ummangaliso. Zange sacinga nokucinga ngento enjalo.” Xa ndandithabatha uvavanyo lwamazana engqondo, baza bathi ndi... Zange bayibone into efana naleyo. Yabona? “Kulungile,” bathi, “kukho into eyenzekileyo kuwe.” Ndaza ndathi. Ndiyichazile. Wathi, “Yiyo, ngokuchanekileyo.” Yabona?

¹⁹⁵ Ingqondo ezimbini ezihleliyo zihleli kanye ngokusondeleleneyo kunye. Asiyonto ndinokuyenza, kwaye ayindenzi mkhulu kunaye nabani omnye. Yinto nje, UThixo ayenze ngolo hlobo. Akuyi kulala. Ulapha nje kanye, nje ngathi ulele. Ume apha, ujonge phaya, *ngolu* hlobo.

¹⁹⁶ Kwaye nonke nina nibonile, kwilizwe lonke. Awuyi uyokulala. Ume apha eqongeni, uthetha nabantu, uyandiva mna ndisiya kwimibono ndiphinde ndibuye. Xa ndikhwela emotweni kunye nani, naphina, ndize ndinixelele izinto ezizakwenzeka; kwaye zanga zangenzeki, zange. Ingaba kukho nabani owakha wazibona zisilela? [IBandla lithi, “Hayi.”—Mhl.] Hayi, mhlekazi. Ayinakusilela. Ayisokuze isilele, okokoko inguThixo. Qaphela, kanye eqongeni, amawaka, phambi kwamashumi amawaka abantu, kanye nakwezinye iilwimi endingenakuzithetha, nalapho ayisileli. Yabona? NguThixo!

¹⁹⁷ Ngoku, kulo mbono, okanye njengoko ndandithetha, ndajonga ndabona into engaqhelekanga.

¹⁹⁸ Ngoku, kwakhangeleka ngathi unyana wam omncinci, uJoseph, wayesecaleni lam. Ndandithetha naye. Ngoku, ukuba uyakukhangela umbono ngendzondelelo, uyakubona ukuba kutheni uJoseph wayemi apho.

¹⁹⁹ Ndaza ndajonga, kwaye kwakukho ityholo elikhulu. Kwaye kwelityholo, ku—kungqameko lweentaka, iintaka ezincinci ezibhityileyo, zibude busisiqingatha se-intshi, nokuphakama busisiqingatha se-intshi. Zazigugile kancinci. Iintsiba zazo ezincinci zaziwiswe phantsi. Kwaye kwakukho malunga nezimbini okanye ezintathu phezu kwesebe eliphezulu, ezintandathu okanye ezisibhozo kwisebe elilandelayo, kunye neshumi elinesihlanu okanye amashumi amabini kwisebe elilandelayo; zisihla ziba bubume bepyramid. Kwaye abo bafo bancinci, abathunywa abancinci, baye bedinwe kakhulu. Kwaye babekhangele ngasempuma.

200 Kwaye ndandiseTucson, e-Arizona, kumbono, kuba wenza wanentsingiselo yokuba Akafuni ukuba ndisilele ukubona ukuba wawuphi. Ndandisusa itshungu lentlabathi kum, eliphuma entlango. Ndaza ndathi, “Ngoku, ndiyazi ukuba lo ngumbono, kwaye ndiyazi ukuba ndiseTucson. Kwaye ndiyazazi ezaa ntaka zincinci zimele into ethile.” Kwaye zazikhangele ngasempuma. Kwaye ngesiquphe zabhabha, zaza zemka, ngasempuma.

201 Kwaye kamsinya emva kokuba zimkile, iintaka ezinkulu ezenze ungqameko zavela. Zakhangeleka okwamahobe, zineempiko ezitsolo, ngohlobo olungwevu ibala, zibukhanya kunababathunywa bokuqala babenjalo. Kwaye zazisuka ngasempuma, ngesantya.

202 Kwaye kungekudala kunokuba zinyamalele emehlweni am, ndajika kwakhona ndajonga ngasentshona, kwaye nantso yenzeka. Kwabakho ukudubula okwashukumisa umhlaba wonke ngokwenene.

203 Ngoku, sukukuphosa oku. Kwaye nawe, oseteyiphini, qiniseka ukuba uyakufumana ngokulungile oku.

204 Okokuqala, udubulo. Kwaye ndacinga yavakala okwesandi sento ebaleka kakhulu, nokuba yintoni oyibiza ngayo xa inqwelo ntaka iqumla isandi, size isandi sibuyela emva emhlabeni. Sishukumise nje, ngohlobo, sigqume, yonke into. Ngoko, ingaba ku—ku—kukugqekreza kwendundumo, kunye nombane, ngohlobo; andikhange ndibone mbane. Ndiva nje olwadubulo lukhulu elwenzekileyo, olwavakala ngathi yayisemazantsi, ukusuka kum, ukuya ngaseMexico.

205 Kodwa, yashukumisa umhlaba. Kwaye xa yenzayo, ndandisajonge ngasentshona. Kunye nakude kuNaphakade, ndabona into ethile isiza kugqameko. Yakhangeleka ngathi ingaba ngamachaphazana. Kwakungenakuba ngaphantsi kwezintlanu, kwaye hayi ngaphezu kwesixhenxe. Kodwa, Zazikwisimo sepyramid, njengababathunywa besiza. Kwaye xa yenzayo, aMandla kaSomandla uThixo andifunqulela phezulu ukuya kuhlanguana Nazo.

206 Kwaye ndingayibona Lonto. Ayizange imke kum. Iintsuku ezisibhozo zigqithile, kwaye andinakuyilibala, kude kube ngoku. Andizange ndibe nento endikhathazayo efana naleya. Usapho lwam luyakunixelela.

207 Ndandizibona ezoNgelosi, loo maphiko ajonge ngasemva, zibaleka ngaphezu konokuba isandi singabaleka. Zazivela kuNaphakade, ngesiquphe, njengokuqhwanayaza kweliso. Akonelanga ukuphanyaza iliso lakho, ukuqhwanayaza nje, Zazilapho. Zange ndibe naxesha lokuzibala. Zange ndibe naxesha kwaphela ngaphandle nje kokujonga. EziNamandla Zona, ezinkulu, iiNgelosi ezinkulu, ezimhlophe okwekhephu; amaphiko elungisiwe, neentloko. Kwaye Zazi, “Whew-whew!” Kwaye xa yenzayo, ndaxhwilelwa kulepyramid, ungqameko.

208 Kwaye ndacinga, “Ngoku, yiyo le.” Ndandindindisholo ndonke. Kwaye ndathi, “Owu, bethu! Oku kuthetha ukuba kuyakubakho udubulo oluyakundibulala. Ndisekupheleni kwendlela yam ngoku. Akufuneki ndibaxelele abantu bam, xa lombono umkile. Andifuni bazi malunga nawo. Kodwa, uBawo waseZulwini undenze ukuba ndazi ngoku ukuba ixesha lam liphelile. Kwaye andisayi kuluxelela usapho lwam, ke bayakukhathazeka malunga nam, ‘Ngokuba, ulungiselela ukuhamba.’ Kwaye eziNgelosi zizela mna, kwaye ndiyakubulawa msinyana ngoku kuhlobo loqgabhuko-dubulo.”

209 Kwangoko yeza kum, ngelithuba ndandiphakathi kongqameko, “Hayi, asiyiyo leyo. Ukuba yayinokukubulala, yayinokumbulala uJoseph.” Kwaye ndaba nakho ukumva uJoseph endibiza.

210 Ke, ngoko ndajika kwakhona. Ndacinga, “Nkosi Thixo, uthetha ntoni lombono?” Kwaye ndacinga.

211 Yaza ngoko yeza kum, (hayi ilizwi) nje yeza kum. “Owu! Leyo yiNgelosi yeNkosi, isiza kundinika umyalelo wam omtsha.” Kwaye xa ndacinga oko, ndaphakamisa izandla zam, ndaza ndathi, “Owu Nkosi Yesu, yintoni Ongathanda ndiyenze?” Waza umbono wemka kum. Ukuya malunga neyure, andabi nakuva nto ngokuchukumisa.

212 Ngoku, nina bantu niyazi iintsikelelo zeNkosi ukuba yintoni. Kodwa, aMandla eNkosi ahlukile mpela, aMandla eNkosi kwezo ndawo zinjalo. Ndaweve Wona, amaninzi, amaninzi amaxesha, phambi, embonweni, kodwa zange ngolwahlobo. Yavakala ngathi kukoyika okuhloniphekileyo. Ndandisoyika de ndetha amandla, ebukhoneni beziziDalwa.

213 Ndithetha iNyaniso. NjengoPawulosi wathi, “Andixoki.” Anizange nandifumana ndithetha nantoni engalunganga malunga nento ethile elolo hlobo. Into ethile ilungiselela ukwenzeka.

214 Kwangoko, emva kwethuba, ndathi, “Nkosi Yesu, ukuba ndizakubulawa, mandiyazi, ke andiyikubaxelele abantu bam malunga noku. Kodwa ukuba yinto yimbi, mandiyazi.” Kodwa, akhonto yaphendulwayo.

215 Emva kokuba uMoya umkile kum, malunga nesiqingatha seyure, ndiyaqikelela, okanye ngaphezulu, ndathi, “Nkosi, ukuba yiyo, ngoko, ukuba ndizakubulawa, kwaye Uggqibile ngam emhlabeni, kwaye—kwaye ndizakuthatyathwa ndisiwe eKhaya ngoku; ntoleyo, ukuba yiyo, ilungile. Ilungile yonke lonto. Ke,” ndathi, “ukuba yiyo, ndazise. Thumela aMandla Akho abuyele kum kwakhona, ngoko ndiyakwazi ukuba ndingabaxeleli abantu bam okanye nabani malunga nayo, ngokuba Ulungiselela ukuza kundithabatha ndimke.” Kwaye nda . . . Kwaye akukho nto yenzekayo. Kwaye ndalinda ithuba.

²¹⁶ Ngoko ndathi, “Nkosi Yesu, ukuba ayithethi loo nto, kwaye ithethe ukuba Unento ethile ekufuneka ndiyenze, kwaye iyakutyhilwa kum mva, ngoko thumela Amandla Akho.” Kwaye Yaphantse yandikhupha egumbini!

²¹⁷ Ndazifumana, ndaweni ithile, ngaphaya kwekona. Ndandimva umfazi wam, ndaweni ithile, ezama ukushukumisa ucango. Ucango kwigumbi lokuhlamba lalitshixiwe. Kwaye ndandineBhayibhile ivuliwe, kwaye ya...Ndifunda, andazi, kodwa yayiphakathi, ndiyakholwa, kwabaseRoma isahluko se-9, umqolo wokugqibela.

...Yabona, ndibeka eZiyoni ilitye lembombo, ilitye lokukhubekisa, ilitye lembombo lexabiso, kwaye lowo ukholwayo kuye akasayi kudaniswa.

²¹⁸ Ndaza ndacinga, “Kuyamangalisa ndibe ndikufunda oko.” UMoya wabe usandibophile, egumbini! Ndayivala iBhayibhile ndaza ndema apho.

²¹⁹ Ndaya ngaphaya kwifestile. Kwakumalunga nentsimbi yeshumi emini, okanye ngokungcono. Ndaza ndaphakamisa izandla zam, ndaza ndathi, “Nkosi Thixo, andiyiqondi. Lena yimini engaqhelekanga, kum. Kwaye ndingaphandle kwesiqu sam, phantse.”

²²⁰ Ndathi, “Nkosi, kuthetha ntoni oko? Mandiyifunde kwakhona, ukuba nguWe.” Ngoku, oku kuvakala bunjubaqa. Ndaza ndathabatha iBhayibhile, ndayivula. Nantso ilapho kwakhona, kwakwindawo enye, uPawulosi exelela amaJuda ukuba azama uku...exelela amaRoma ukuba amaJuda azama ukuyamkela Yona ngemisebenzi, kodwa ingokholo ukuba sikholwe Yona.

²²¹ Ke, ibe lixesha eloyikekayo, ukusuka ngoko. Ngoku niyabona apho ndimi khona. Andazi ukuba kwenzeka ntoni na. Andazi ukuba mandithini.

²²² Kodwa ngoku mandithi, ngoku, ukusuka ngoko, ukuya kwelandelayo, malunga neshumi elinesihlanu, amashumi amabini emizuzu, mandizame ukutsho into ethile apha ngoku. Khumbula, akukho nelinye ixesha apho loo mibono yakhe yasilela. Ngoku ndizakuthabatha iSibhalo okomzuzwana, ukuba uyaqaphela, kwiZityhilelo 10 isahluko. Ngoku mandikutsho oko. Ukuba umbono ungeSibhalo, ungatolikwa kuphela ngeSibhalo. Kwaye ngoko ndifuna ukhulnganise oko kunye.

²²³ Kwaye, ngoku, nina nikhoyo, kwaye nani kwiteyiphu, qinisekani nikutsho oku ngendlela endikutsho ngayo, 'kuba ingangaqondwa ngamandla ngokulula.

²²⁴ Ingaba ningxamise? [IBandla lithi, “Hayi.”—Mhl.] Kulungile. Nje...Ndiyanibulela ngokuba nithule, kuhle.

Ngoku, “Ingelosi yesixhenxe...”

225 Ngoku, bahlekazi, (njengoko ndikunike isihloko oku) ingaba ngumqondiso wesiphelo sexesha? Siphila phi? Xesha liphi lemini eli? Njengomlwi ngokujijisana odiniweyo, ubusuku bonke, evuka kwaye ejika ewotshini, ukujonga ukuze abone ukuba yintoni, akhanyise isibane. Umthandazo wam ngulo, “Thixo, senze sikhanyise iSibane.”

226 Ndimi kwindawo embi kakhulu, ukuba ungayazi nje. Khumbula, ndikuxelela eGameni leNkosi, ndikuxelele inyaniso, kwaye okuthile kulungiselela ukwenzeka.

227 Andazi. Ngoku, nina baseteyiphini, yifumaneni lonto. Andazi. Ndizakuzama. Okuze kum, izolo, ndihleli kwigumbi lam lemfihlakalo. Anditsho ukuba lena yinyaniso; ibiyinto nje ethile eshukumayo entliziyweni yam, apho ndihamba khona imigangatho.

228 Be—bendifanele ndihlile, ndaphuma ixesha elincinci kwaye size ezantsi noCharlie, kwaye ndiyokuzingela kunye naye imini ibenye, phambi kokuba sahlukane omnye komnye.

229 Mandikutsho, ukuba, ngokuba kuba ndisiya entshona, akukuba ndiyawushiya lomnquba. Eli libandla ethe iNkosi uThixo wandinika lona. Apha kukwandlunkulu wam. Apha kulapho ndihlala khona. Ndi hamba nje ukuthobela umyalelo onikwe mna ngumbono. Unyana wam, uBilly Paul, uyakuhlala engunobhala wam. I-ofisi yam iyakuba lapha kanye kweli bandla. Ngoncedo lukaThixo, ndiyakuba lapha xa ku...lento igqityiwe, ukuze ndishumayele Amatywina Asixhenxe. Kwaye naziphina iiteyiphu endithi ndizenze, okanye nayiphina enye into, ziyakwenziwa kanye apha kwelibandla. Kwaye kanye apha, ngokokwazi kwam, yindawo apho ndinokushumayela ngeyona nkululeko kunokuba ndinokwenza naphina ehlabathini, ngokuba kukho iqela labantu apha abakholelwayo, kwaye belambile baze babambebele. Kwaye oko kuvakala ngathi likhaya, kum. Lena yindawo. Kwaye ukuba uyaqaphela, amaphupha athetha into ekwanye, yabona, kuphi Ukutya.

230 Ngoku, kodwa, andazi okuphethwe lingomso, kodwa ndiyamazi Lowo uphethwe ingomso. Kokona kubalulekileyo.

231 Ngoku, Thixo, ukuba ndiphosisile, ndixolele, uze uwuvale umlomo wam, Nkosi, kuyo yonke into engayisukuba yintando Yakho. Ndenza oku kuphela ngokuba ndithabathekile, Nkosi. Banga abantu bangaqonda; kukuthabatheka nje.

232 Isizathu sokuba ndicinge ukuba utoliko zange luze kwangoko, yayikukuzimela geqe kukaThixo, ngokuba ndiyakholwa ukuba ibhalwe apha eBhayibhileni ibhalelwe mna. Kwaye ukuba ngoko ingokweSibhalo, siSibhalo sodwa esinokuyitolika. Kwaye ukuba oku kuyinyaniso, mzalwana, dade, andenzeli kukoyikisa, kodwa kungcono ukuba sikhathale kakhulu ngoku. Silungiselela uku...Into ethile ilungiselela ukwenzeka. Kwaye ndikutsho oku ngentlonipho nokoyika

uThixo. Kwaye nicinga ukuba ndingama apha... Kwaye nina bantu nibe nikhholwa kum ukuba ndingumprofeti; andibangi ukuba ndinguye.

²³³ Imihlali yam yayiyile. Izi-...Kunyaka ophelileyo, ndathi, “Ndi...Kuphela kwento endiyibonayo, imvuselelo iphelile, kwizizwe, okanye, kwesi sizwe, nakanjani.” Ndathabatha uhambo lobuvangeli. Abaninzi benu bahamba nam. Owu, kwakulungile konke. Saba nexesha elimnandi, imihlangano emihle, izihlwele ezikhulu, kodwa zange ibethe kundoqo.

²³⁴ Kulo nyaka, ndizakuthabatha uhambo lobu mishinari. Ngokukhawuleza endinokuba nakho, ndiya e-Afrika, India, nakwilizwe lonke, ukuba ndinakho, kolunye uhambo lobu mishinari.

²³⁵ Ukuba oko akusebenzi, ngoko andiyikuthabatha manzi nokuba kukutya, kwaye ndiyakuqabela kwenye yeziphakamileyo iintaba ngaphaya, kwaye ndiyakuhlala phaya de uThixo aphenyule ngandlela ithile. Andinakuhlala ngoluhlobo. Andinakho nje ukuqhubekeka.

²³⁶ Ingaba yimpendulo lena apha. Andazi. “Ade abe Uyandiguqula,” ingaba niyawukhumbula umbono malunga neeveki ezintathu ezigqithileyo, “ndimi elangeni, ndishumayela ebandleni”? Nibe nilapha nonke kwiCawa ephelileyo. Ezininzi iiCawa, nina bantu apha abazifumeneyo iiteyiphu, kwaye—kwaye nilapha xa zisenziwa, niyaziqonda ezi zinto. Ngokuba, ngoku ndiyakubetha nje ezindawu, kwaye uziqaphele. Nje kwa nalo lonke isuntswana laloo nto ithethiweyo, izekelisa ngqo koku, ke kufanele ukuba ibelutoliko. Andiyazi. Yilonto ndisitsho, bahlekazi, ingaba lilo?

²³⁷ Ndiyakholwa ukuba “ingelosi yesixhenxe” yeSityihilelo 10 ngumthunywa wesigaba sebandla lesixhenxe yeSityihilelo 3:14. Khumbula. Ngoku mandifunde. Jonga apho ndingafunda khona. Ngoku, esi yayisisithunywa sesixhenxe.

Kodwa ngemihla yezwi lesithunywa, (umqolo wesi-7) xa siyakuqalisa ukuvakalisa, imfihlakalo kaThixo iyakuzaliseka, njengoko wakudandalazisayo kubakhonzi bakhe abaprofeti.

²³⁸ Ngoku, uyaqaphela, lena yayyingelosi. Kwaye yingelosi yesigaba sebandla lesixhenxe, ngokuba ithi apha, yi “ngelosi yesixhenxe,” yesigaba sebandla lesixhenxe. Niyayifumana lonto, ukuba ufuna ukubona ukuba ngubani i... iphi apho ikhoyo ingelosi, Izityihilelo 3:14, iyi, “Ingelosi kwibandla laseLawodike.”

²³⁹ Ngoku, niyakhumbula xa oko kwaxelwayo apho, iingelosi nezigaba zebandla. Kwaye ngoku, koku, iyakungqinelana kanye kulaMatywina Asixhenxe esiza kuthetha ngawo. Kwaye naMatywina Asixhenxe esizama ukuthetha ngawo, xa esiza ngelixesha, ngaMatywina abhaliweyo asixhenxe. Kwaye

laMatywina Asixhenxe, njengoko usazi, kukubonakaliswa nje kweengelosi ezisixhenxe zamabandla asixhenxe; kodwa, kukho amanye Amatywina asixhenxe akwicala langasemva eNcwadini, Ingaphandle kweBhayibhile. Qaphela. Siyakufika kuyo kumzuzwana.

²⁴⁰ Ngoku, phambi kokuba ndiqalise oko, ningaba nidiniwe? Ningathanda ukuma, niguqule iindawo? [IBandla lithi, “Hayi.”—Mhl.] Ngoku phulaphulisisa.

²⁴¹ Ingelosi yesixhenxe yeZityhilelo 10:7 ngumthunywa webandla lesigaba sesixhenxe. Yabona? Ngoku qaphela. “Ke ngemihla . . .” Ngoku qaphela apha.

*Kodwa ngemihla yezwi lesesixhenxe isithunywa,
xa sukuba siza kuqalisa ukuvakalisa, iyakuzaliseka
imfihlakalo kaThixo, . . .*

²⁴² Ngoku, evakalisa, lo mthunywa, ingelosi yesixhenxe apha ivakalisa uMyalezo wayo kwibandla laseLawodike. Qaphela uhlobo loMyalezo wayo. Ngoku, yayingabhekiselelanga kwingelosi yokuqala, yayinganikwanga Lonto; ingelosi yesibini, yesithathu, yesine, yesihlanu, yesithandathu. Kodwa yingelosi yesixhenxe enoluhlobo loMyalezo. Yayiyintoni? Qaphela uhlobo loMyalezo wayo, “Igqibezela zonke imfihlakalo zikaThixo, ezibhaliweyo eNcwadini.” Ingelosi yesixhenxe iqoshelisa zonke ezimfihlelo ezibe zihleli zinyengelele, zonke kuyo yonke le mibutho kunye namahlelo. Isithunywa sesixhenxe sizihlanganisa zonke, kwaye sigqibezele imfihlakalo yonke. Yilonto iBhayibhile eyitshiloyo, “Igqibezela imfihlakalo yeNcwadi ebhaliweyo.”

²⁴³ Ngoku masiqaphele ezimbalwa zezi mfihlakalo, kwaye ukuba uyafuna ukuzibhala phantsi. Kuqala, ndiyakuthatha akutshoyo uScofield apha, kuMateyu 13. Ukuba ungathanda ukukubhala okunye kwako, ukuba akunayo iBhayibhile kaScofield. Ungafunda oko akucingayo ukuba ziyintoni ezinye zezimfihlakalo. Ngoku, kumqolo we-11.

*Waza wabaphendula wathi kubo, Ngokuba
nikunikiwe (abanfundi bakhe), ngokuba nikunikiwe
ukwazi imfihlakalo zobukumkani bezulu, kodwa hayi
kubo, kodwa kubo abakunikwanga.*

²⁴⁴ Imfihlakalo, nantsi apha “imfihlakalo.” Imfihlakalo siSibhalo, yiNyaniso ebifihliwe ngaphambili ngoku ityhilwa ngoBungwele, kodwa (oko kukuthi) okungaphezu kwendalo kuhlala kuhleli nangaphandle kwesityhilelo. Imfihlakalo ezinkulu kakhulu neemfihlakalo ezinkulu zezi:

²⁴⁵ Eyokuqala, imfihlakalo yoBukumkani beZulu. Leyo yile sithetha ngayo ngoku. 13, Mateyu 13:3 ukuya ku-50.

²⁴⁶ Ngoku, imfihlakalo yesibini yimfihlakalo yokumfanyekiswa kukaSirayeli ngexesha lesi sigaba. AbaseRoma 11:25, kunye nomxholo.

247 Eyesithathu, imfihlakalo yesithathu kukugugulwa kwemizimba yabangwele abaphilayo ekupheleni kwexesha lesisigaba. AmaKorinte okuQala 15, kwaye kananjalo kwabaseTesalonika 4:14 ukuya ku-17.

248 Eyesine, imfihlakalo yeBandla leTestamente Entsha linguMzimba omnye lenziwa ngazo zombini, amaJuda neeNtlanga. Kwabase-Efese 3:1 ukuya ku-11, kwabaseRoma 16:25, kunye kananjalo kwabase-Efese 6:19, kwabaseKolose 4:3.

249 Imfihlakalo yesihlanu yeyeBandla njengoMtshakazi kaKristu. Kwabase-Efese 5:28 ukuya ku-32.

250 Imfihlakalo yesithandathu yekaKristu ophilayo, okwanguye izolo, namhlanje, naphakade. KwabaseGalati 2:20, kunye namaHebhere 13:8, kunye nezininzi iindawo ezinjalo.

251 Imfihlakalo yesixhenxe yekaThixo, nkqu uKristu njengobuThixo busenyameni ngokugcweleyo ngaphakathi, apho Kuye bonke uBungwele bobulumko.

Kwaye ubuthixo bubuyiselwa emntwini.

252 Imfihlelo yesithoba yimfihlakalo yobugwenxa, efunyanwa kwabaseTesalonika beSibini, njalo-njalo.

253 Imfihlakalo yeshumi yeyenkwenkwezi esisixhenxe zeZityhilelo 1:20. Sisandula ukugqitha koko, “Iinkwenkwezi ezisixhenxe zamabandla asixhenxe, abathunywa abasixhenxe,” njalo-njalo.

254 Kwaye imfihlakalo yeshumi elinanye yimfihlakalo yeBhabhiloni, ihenyukazi. IZityhilelo 17:5 ukuya ku-7.

255 Ezo zezinye zeemfihlakalo le ngelosi ifanele ukuzigqibezela, zonke “imfihlakalo,” zonke iimfihlakalo zikaThixo.

Kwaye enye:

256 Ndingakutsho oku ngentobeko, kwaye ndingabhekiseli kum, kodwa ndibhekiselele kwiNgelosi kaThixo.

257 Imbewu yenyoka, leyo ibifihliwe imfihlakalo, konke kuyo yonke iminyaka.

258 Ubabalo, layimisa ngendlela; hayi uhlazo, kodwa inene, ubabalo lwenyaniso.

259 Akukho nto injalo njengesinguNaphakade, isihogo esivuthayo. Uyakutsha izigidi zeminyaka. Kodwa, nantoni eyabe inguNaphakade, ayizange ibenasiqalo okanye isiphelo; kwaye isihogo sadalwa.

Zonke ezimfihlakalo!

260 Imfihlakalo yobhaptizo lukaMoya oyiNgcwele, ngaphandle kwemvakalelo, kodwa uMntu kaKristu esebenza kuwe imisebenzi ekwaminye Awaysenayo.

261 Imfihlakalo yobhaptizo ngamanzi. Apho, abanxaxhi bobutriniti baluzise kwizihloko zo “Yise, Nyana, Moya

oyiNgcwele.” Kwaye imfihlakalo yobuThixo izalisiwe elubhaptizweni eGameni lika “Yesu Kristu,” ngokweNcwadi yeZityhilelo, yokuba iBandla kwelixesha lalizakuyamkela.

Nazo ezinye zeemfihlakalo.

²⁶² Intsika yoMlilo ibuyela emva. Amen! Leyo yinto efanele ukwenzeka, kwaye siyayibona.

Owu, singaqhubeka njani, sizibiza iimfihlakalo!

²⁶³ Siyibona laNtsika yoMlilo eyakhokela abantwana bakaSirayeli, leyo Inye yamwisa phantsi uSawule endleleni yakhe esinge eDamasko! Kwaye leyo Inye izayo, kunye naMandla amanye, isenza kwa izinto ezinye, kwaye ityhila kwa iLizwi elinye, ihlala iLilizwi neLizwi kunye neBhayibhile!

²⁶⁴ Ukuvakala kwexilongo, kuthetha ixilongo le “Vangeli.” Kwaye ukuvakala kwexilongo, eBhayibhileni, kuthetha, “Lungiselela imfazwe yeSibhalo.” Uyayibhala phantsi? Imfazwe yeSibhalo!

²⁶⁵ UPawulosi wathi, ukuba ufuna ukuyibhala lento phantsi, kwabaseKorinte bokuQala 14:8. UPawulosi wathi, “Ukuba ixilongo linika isandi esingaziwayo, bayokwazi njani abantu amabakulungiselele?” Kwaye ukuba ayinasandi seSibhalo, esingqinelweyo, esi—esingqinelwe liLizwi likaThixo lenziwe labonakala, siyokwazi njani ukuba sisekupheleni kwexesha?

²⁶⁶ Ukuba lithi bakholelwa ukuba uYesu Kristu ukwanguye izolo, namhlanje, naphakade, kodwa baphike imiqondiso nemimangaliso Yakhe leyo elimiweyo lendalo likholelwayo kuYe, kwaye lonke iBandla likholelwa kuYe ngako oku, siyakwazi njani ukuba masilungise njani?

²⁶⁷ Umntu othile uze kunye nephepha lokuzoba waza wayizoba yonke; kwaye umntu othile weza, enye into, waza wazoba *oku* konke, kuphikisana *nako* oku. Abanye beza baze bathi *lena* yiYo, ibuyela emva kule. Kwaye abanye babhale iincwadi, kunye nezinto ezinjengezo.

²⁶⁸ Kodwa, uThixo uza ngaMandla ovuko Lwakhe! Kwaye ngubani oyakuthetha ngokuchaseneyo Nawo? Ukuba uYesu Kristu ukwanguye izolo, namhlanje, naphakade, Wenza kwa into enye Ayenzileyo izolo, namhlanje, naphakade. Yilonto lengelosi ifanele iyenze, ithabathe ezomfihlakalo, lomasoloty abathe abantu bawashiyelela.

²⁶⁹ Qaphela, ukuba inika isandi esingaziwayo, esingesosasibhalo, ngubani ongazilungiselelayo? Kodwa, ixilongo, ingaba uqaphele, ngasinye kwezo zigaba, njengoko ndinixelele malunga nebandla lisiza, kwakukho ixilongo elavakalayo, iTywina lakrazuka lavuleka. Kwaye ixilongo lithetha imfazwe. Ukuba aliniki sandi saSibhalo, yintoni malunga nalo?

Kodwa mandiyizise lento engcingeni yenu. Ungayiphosi ngoku.

²⁷⁰ Qaphela, ngasinye isigaba sebandla sasinomthunywa waso. Siyayazi lonto. UPawulosi wayengumthunywa wokuqala. Kwaye xa ixilongo lokuqala lavakalayo, laze iTywina lokuqala laqhaqheka lavuleka. UPawulosi wayengumthunywa wokuqala, njengoku sifumana. Kwaye wenza ntoni? Wabiza imfazwe kwi (intoni?) kwinkonzo yoMthetho, ngokungawukholelwa umqondiso kaMesiya owathi uYesu wawuveza kubo. Kutheni, babefanele bawazi. Babefanele ukuba bamazi Yena.

²⁷¹ Khumbula, uPawulosi uza ekupheleni kwesigaba. Bonke abathunywa beza ekupheleni kwesigaba. Kusesiphelweni sexesha, xa ezi zinto zi—zisiziswa.

²⁷² UPawulosi, ezazi iZibhalo, kwaye esazi ukuba uYesu wayenguMesiya, kwaye wazidubula ezozikhungo, ukusuka kwindawo ukuya kwindawo, ngeZibhalo, kwaye wayekhutshwa kuzo zonke zazo. De, ekugqibeleni, waluvuthulula uthuli ezinyaweni zakhe waza waya kwiiNtlanga. Yayiyintoni? Ukuvakaliswa kwexilongo; ingelosi, umthunywa, eme apho kunye neLizwi! Owu, bethu! Ungayiphosi lonto ngoku. Ilizwi! Waza uPawulosi, nolungakrexezwanga utoliko lweLizwi likaThixo, wazidubula zonke nganye yezozikhungo. Yamdla ubomi bakhe.

²⁷³ Indlela esinokuya ngayo ku-Iranaeus, lowo, umthunywa webandla elilandelayo!

²⁷⁴ Kunye noMartin oNgcwele, isigaba sebandla elilandelayo, xa baqalisayo ukufumana imfundiso yobuNikolawa, yaqalisa ukungena ngaphakathi. Kwaye basidubula esosigaba. UMartin oNgcwele wasidubula isigaba sakhe.

²⁷⁵ Kwaza ngoko uLuther, umthunywa wesihlanu, walidubula elabandla lobuKatolika, ngeLizwi likaThixo. “Amalungisa ayakuphila ngokholo,” wathi. “Kwaye lona ayingomzimba woqobo kaKristu,” waza walahla umthendeleko emgangathweni, kwaye waphuma wemka waza walidubula ela bandla lamaKatolika. Ixilongo lavakala kakuhle. Ilungile lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

²⁷⁶ UJohn Wesley wavuka, ngeentsuku zebandla lamaTshetshi. “Kutheni,” bathi, “akukho sizathu simbi sokuba sibe neemvuselelo,” yaza yaya kwimbewu. Kodwa uJohn Wesley wema, kunye nomyalezo womsebenzi wesibini wobabalo, ungcwaliseko, kwaye walidubula elo bandla lobuTshetshi ngexilongo leVangeli, lungiselela imfazwe. Ilungile lonto. Wayenza.

²⁷⁷ Ngoku sikwisigaba saseLawodike, xa kwakhona bazenze ihlelo; AmaWisile, Bhaptizi, Rhabe, Lutere, AbakwaMoya. Kwaye sijonge ukuza komprofeti, ukuza kudubula esi sigaba, aze asijike kubugwenxa baso.

278 Ngoku, ukuba olo ibiluluhlu, konke ukuhla ngazo izigaba, ingaba uThixo angaguqula uluhlu Lwakhe kulo mhla? [IBandla lithi, “Hayi.”—Mhl.] Akanakuyiguqula. Ufanele ukuba agcine kululuhlu olunye.

279 Kwaye khumbula, lomthunywa yayiyingelosi yesixhenxe, kwaye yayifanele ukuba ithathe zonke iimfihlakalo ize iziqokelele. Qaphela, ingelosi yesixhenxe yayiza kutshabalalisa iLawodike, ibandla elityebileyo. “Ndityebile, ndizityebisile, kwaye andiswele nto.” Wathi, “Ulusizi lodwayinge, ulihlwempu, imfama, uze, kwaye akuyazi lonto.” YayinguMyalezo wakhe lowo.

280 Owu Thixo, sithumelele umprofeti ongoyikiyo kunye no ITSHO INKOSI, ukuze iLizwi elingqinelweyo likaThixo lihambe ngaye lize lingqine ukuba uthunywe nguThixo. Kwaye xa esiza, uyakudubula ezo zigaba. Ngokuqinisekileyo uyakwenza. Uyakulenza ibandla laseLawodike limchase. Ngokuqinisekileyo, uyakwenza. Benza kuzo zonke ezinye izigaba. Ayisokuze iguquke kwesi sigaba. Ifanele ukuba ibe kwanye.

281 Qaphela, ngoku, ibandla laseLawodike. Umthunywa (uyakugqibezela) waseLawodike, ingelosi yesixhenxe, uyakugqibezela zonke iimfihlakalo ezabe zilahlekile emadabini, ngaphambili, ukwenzela iNyaniso.

282 ULuther wavuka, kodwa wayengenayo yonke iNyaniso. Wayenogwetyelo lodwa. Injalo.

283 Kwaza kweza omnye umthunywa, obizwa ngoJohn Wesley, kunye nongcwaliseko. Wayengenayo Yona. IBhayibhile yatsho. Ibandla laseFiladelfiya!

284 Emva koko kweza isigaba sebandla laseLawodike, kunye nobhaptizo lukaMoya. Kodwa bayonakalisa yonke Lonto, baza babuyela kanye emva kukubotshwa yimigaqo njengoko benzayo ekuqalekeni.

285 Xa, “Kufanele ukuba ajongwe njengo-Alfa no-Omega,” Izandla zakhe zilele ngendlela *enye*, nangendlela *enye*, “eyoKuqala neyokuGqibela.”

UMoya Wakhe wawa ngoSuku lwePentekoste waza walizalisa elaqela.

286 Waqhubeka ekhameka, de wayakufika kwizigaba zobumnyama. Iziphatho zeGolide zeZibane eZisixhenxe, izigaba zamabandla asixhenxe, elokugqibela lalilelona likude limkile kuYe. Lalingamawa-...phantse iwaka leminyaka yesigaba sobumnyama, sebandla lobuKatolika.

287 ULuther waqalisa ukuzisa ukukhanya okulandelayo, okukufutshanana kancinci eLizwini.

Ukukhanya okulandelayo, kweza kufutshane kancinci.

288 Ukukhanya okulandelayo, iLawodike. Yaze ngoko yeza kanye emva nje ngoko yenzayo, kwixesha lokuqala, yemka yaphumela kulombutyulelo inye yayenzayo ekuqalekeni. Anikuboni endikutshoyo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

289 Ngoku qaphela. Ininzi iNyaniso elahlekileyo phaya, (kutheni?) apho abanye benzelelela eNyanisweni. Kodwa le ngelosi yesixhenxe ayenzeleleli nakwintoni. Ihlanganisa onke amasolotya, iwahlanganise onke. Kwaye ekuvakaliseni kwayo, “Zonke imfihlakalo zikaThixo kufanele zigqitywe.” Owu! Thixo, mthumele. Zonke ezifihlakeleyo iimfihlakalo zagqityezelwa xa, wa, Yatyhilwa kuye. Ngantoni? Ukuba ezi ziimfihlakalo ezifihliweyo, loo ndoda kuyakufuneka ibe ngumprofeti. Kwaye asikhange nje siphumelele saze sabona umprofeti, oyakuza kwisigaba sokugqibela, iyakuba ngula-Eliya omkhulu esibe simfuna? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngokuba, ezimfihlakalo zifihliweyo, kuzo izifundiswa zakwalizwi, kuyakufuneka zityhilwe; kuThixo. Kwaye iLizwi liza kuphela kumprofeti. [“Amen.”] Kwaye siyayazi lonto. Uyakuba ngu-Eliya wesibini, njengoko athenjisiweyo. Owu, bethu! UMyalezo a—ayakuwuzisa uyakuba zimfihlakalo, wonke, zonke ezi zinto.

290 Sinobhaptizo lwamanzi. Yonke iphixanisiwe. Kulungile. Omnye uyatshiza; omnye uyagalela. Omnye uthabatha u “Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele.” Omnye uthabatha le. Omnye ubhaptiza amatyeli amathathu, ubuso bujonge ngaphambili; ukwenzela, omnye ukwenzela kuThixo obizwa “Yise,” omnye ukwenzela kuThixo obizwa “Nyana,” omnye ukwenzela kuThixo obizwa “Moya oyiNgcwele.” Omnye othile uthi, “Uphosisile. Ufanele ukubhaptiza ejonge ngasemva, amatyeli amathathu, *ngolwa* hlobo.” Kwaye, owu, esinjani isiphithiphithi!

291 Kodwa yonke lonto seyigqityiwe, kuba mnye kuphela uThixo, kwaye iGama Lakhe nguYesu Kristu. “Kwaye alikho elinye iGama phantsi kweZulu apho abantu bangasindiswa.” Akukho nasinye isicatshulwa seSibhalo, naphina eBhayibhileni, apho nabani na wakhe wabhaptizelwa ngenye nayiphina enye indlela kuphela eGameni likaYesu Kristu. Akukho nakuliphi ixesha apho naliphi na iBandla elitsha, okanye iBandla likaYesu Kristu, lakhe latshiza, lagalela, okanye nayiphi enye into. Akukho naxesha linye apho kwakhe kwasetyenziswa isiko, “Ndikubhaptiza egameni likaYise, Nyana, Moya oyiNgcwele.” Yimigaqo kunye nezinto.

292 Kwaye kwidabi leNyaniso, loo masolotya alahleka, kodwa uThixo wathi ayakubuyiselwa kumhla wokugqibela. “Ndiyakubuyisela,” itsho iNkosi. Sigqithile kulonto, kungekudala kakhulu, *UMthi woMthshakazi*. Iyakuthabatha umprofeti. IBhayibhile ithi uyakuba lapha. Oko kulungile. UMalaki 4, uthetha ngokuba uyakuba lapha, kwaye

siyayikholelwa lonto uyakubakho. Sikhangelwa yena. Kwaye sikhangelwa ukubonakaliswa kwakhe, kwaye siyakubona ukungqinelwa kweLizwi likaThixo.

²⁹³ Kuyakuba ngabambalwa nje abayakuyiqonda Lonto. “Njengoko kwabanjalo ngemihla kaNowa, kuyakubanjalo ekuzeni koNyana womntu.” Yintoni eyasindiswayo? Imphefumlo emihlanu. . . Kwimihla kaLote, kwakukho kanye kanye abathathu abasindiswayo. Umfazi waqalisa ukumka, waza walahleka. “Kuyakubanjalo ekuzeni koNyana womntu.” Kuyaba ngabambalwa kakhulu abasindiswayo, baguqulwe imizimba ngelo xesha; enye yeemfihlakalo, yelaBandla lithatyathwe lanyuswa. NjengoLote wathatyathwayo, njengoLote wakhutshwayo, ngaphandle; uNowa wanyuswa; kwaye neBandla liyakunyuswa, ngokunjalo. Omnye wangena; omnye waphuma; kwaye Omnye othile uyenyuka. Yabona? Ichanekile, ngokugqibeleleyo.

²⁹⁴ ILizwi liyeza. “INcwadi ebhalwe ngaphakathi,” iyagqityezelwa xa le, zonke ezimfihlakalo zigqityiwe ukuvakaliswa. Ngoku mandiyifunde kwakhona, ngoku, ukuze uqiniseke. Ngoku jonga.

*Kodwa ngemihla yelizwi lesixhenxe isithunyuwa
(ingelosi yokugqibela), xa iqalisa ukuvakalisa,
imfihlakalo kaThixo iyakuzaliseka, . . .*

²⁹⁵ Ngoku, yintoni i “imfihlakalo kaThixo,” omnye wabo? UPawulosi wathi, kuTimoti wokuQala 3, ndiyakholwa yayinguye, wathi, “Kananjalo ngokuvunyiweyo inkulu imfihlakalo yona leyo yokuhlonelela uThixo: ngokuba uThixo wabonakaliswa esenyameni (saMbamba, saMbona), wenyuselwa waba seBuqaqawulini, wangqinelwa ziiNgelosi, wangqinelwa apha emhlabeni.” UThixo wayekho! Ngokuqinisekileyo, yimfihlakalo enkulu, kodwa yonke isonjululwe. Hayi “Yise, Nyana, noMoya oyiNgcwele,” ooThixo abathathu; kodwa, uThixo omnye kwizikhundla ezithathu. UbuYise, phantsi koMoses; UbuNyana, phantsi koKristu; kunye noMoya oyiNgcwele, phantsi kwesisigaba. Izigaba ezintathu zoThixo omnye; hayi ooThixo abathathu. Imfihlakalo igqityiwe ngoku. IBhayibhile itshilo ukuba ifanele ibenjalo. Xa i . . .

²⁹⁶ Ndibonile, ngenye imini, xa inzululwazi izama ukundiphikisa, kwinto abaqhele ukuthi, xa ndathi, “Nabanina okholelwa ukuba u-Eva watya i-apile!” Ngoku inzululwazi yabo ithi, uyabona ephapheni ngenye imini, imibhalo emikhulu yentloko-ndaba, “Watya i-apricot.” Ubuvuvu. Ingaba oko—ingaba oko kwamkhohlisa? [IBandla lithi, “Hayi.”—Mhl.] Ngokuqinisekileyo akunjalo. Yabona? Baye nje. . . Yilonto—yilonto uKayeni wayicingayo, uyazi, kwaye wazisa kwa into enye, kodwa uThixo zange awamkele umnikelo wakhe. Waza u-Abheli, ilungisa, yatyhilwa kuye, “Yayiligazi,” kwaye wazisa igazi.

Owu Thixo, eli bandla kunye nesigaba esiphila kuso!

²⁹⁷ “INcwadi ebhalwe ngaphakathi” iye igqitywe xa lengelosi ipheza, (ngoku nceda ukuqonde oku), xa uMyalezo wengelosi yesixhenxe ugqityiwe; imfihlakalo yobuThixo, imfihlakalo yembewu yenyonka, zonke ezinye iimfihlakalo zazo zonke ezi zinto.

²⁹⁸ UbuNyana obunguNaphakade, njengoko bethetha ngabo. Ingaba Nguye njani uNyana onguNaphakade, xa uNaphakade engazange aqale okanye aphele; kwaye unyana yinto ethile ekuphela kwezelayo? Ingayenza njani intsingiselo lonto?

²⁹⁹ Singabakho njani isihogo esiNgunaphakade, xa isihogo sadalwayo? Ndiyakholelwa kwisihogo esivuthayo. Ngokuqinisekileyo, iBhayibhile itshilo njalo. Kodwa, sesokutshabalalisa. IBhayibhile ithe, “Usikelelwe lowo ungenasabelo kukufa kwesibini.” Yabona? Yabona, akusayi kutshatyalaliswa kukufa kwesibini. Okokuqala kokwenyama. Okwesibini kukufa kukamoya, xa yonke into igqityiwe. “Umphefumlo owonayo, loo mphefumlo uyakufa.” Uyakohlwaywa ngenxa yezono zakho, mhlawumbi ngamakhulu onyaka, ngamawaka eminyaka. Kodwa akunakubakho sihogo singuNaphakade, ngokuba iBhayibhile ithe isihogo sadalwa. Singadalwa njani size sibe nguNaphakade? Ukuba yakhe yakho...IBhayibhile ithe, “Isihogo sadalelwa umtyholi kunye nezithunywa zakhe.” Kwaye ngoko, ukuba sadalwa, asinakuba nguNaphakade. Kuba, uNaphakade, nantoni na enguNaphakade, zange yaba nasiqalo okanye yaba nasiphelo.

³⁰⁰ Yilonto singasokuze sife, ngokuba sasisoloko. Siyinxalenye kaThixo, ihlumelo likaThixo, kwaye Ukukuphela kwento enguNaphakade ekhoyo. [UMzalwana uBranham unqonkqoza epulpitini amatyeli amathathu—Mhl.] Amen. Akunakuphinda ufe kunokuba uThixo angafa, ngokuba unguNaphakade, kunye Naye. Amen! Mayize! Haleluya! Ndinokudinwa yilendlu yempethu, nakanjani.

³⁰¹ Qaphela, “INcwadi ibhalwe,” xa lengelosi iyoqosha onke lamasoloty olungiselelo awathi ngexesha ledabi bawallwa, uLuther walwa, waza noWesley walwa, baza nabakwaMoya balwa. “Kodwa kukho ozayo,” itsho iBhayibhile, “ukuba ngeentsuku zokuvakalisa kwakhe, zonke ezimfihlakalo...” Abobunye babaleke ngeGama likaYesu; amatriniti aphuma ngoYise, Nyana, Moya oyiNgcwele, nje ngohlobo abenza ngalo kwiQumruh laseNicaea, into ekwanye; babephosile bobabini. Kodwa, ngoku, embindini wendlela, kwiZibhalo, kulele iNyaniso. Uyabona apho sikhoyo? INgelosi yeNkosi!

³⁰² Qaphela iZityhilelo 5:1. Phulaphula oko ngoku.

Kwaye ndabona esandleni sokunene salowo uhleli phezu kwetrone incwadi ibhalwe ngaphakathi (umbhalo wawukwicala elingaphakathi) nakwicala langasemva, itywinwe ngamatywina asixhenxe.

³⁰³ Ngoku, nako kubhaliwe ngaphakathi kweNcwadi. Kodwa, icala langasemva linaMatywina aSixhenxe, kumva waYo, awayengabhalwanga eNcwadini. Ngoku, ngumtyhili othethayo, uYohane. Ngoku, khumbula, Yayingabhalwanga eNcwadini. “Kwaye ngemihla yezwi lesixhenxe isithunywa, yonke le mfihlakalo eyayibhalwa ngaphakathi kufanele izaliseke.” Kufanele ukuba yenzeke, ngaloo mhla. Ngoku uyakubona endikuthethayo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ingaba niyandilandela? [“Amen.”] Ngoko lixesha lamazwi asixhenxe eZityhilelo 10 ukuba atyhilwe. Xa iNcwadi izalisekile, inye kuphela into eseleyo, kwaye leyo ngummangaliso wamazwi endudumo ezisixhenxe awayebhalwe kwicala elingasemva leNcwadi, lawo uYohane walélwayo ukuba awabhale. Mandiyifunde.

Kwaye ndabona isithunywa, esinamandla isithunywa sisihla ezulwini, sithiwe wambu ngelifu: kunye nomnyama phezu kwentloko yaso, kwaye ubuso baso bunje...ilanga, zaye inyawo zaso zinje ngentsika yomlilo:

Kwaye esandleni saso sinencwadana encinci evuliweyo:... (Yabona, ngoku qaphela oku)...saza salubeka unyawo lwaso lwasekunene elwandle,... olwasekhohlo...emhlabeni,

Saza sandanduluka ngezwi elikhulu, ngokungathi kuxa ingonyama igquma: kwaye xa sa... ndandulukayo, iindudumo ezisixhenxe zazivakalisa izandi zazo. (Qaphela.)

Kwaye xa iindudumo ezisixhenxe zazivakalisayo izandi zazo, ndandiza kubhala:...

³⁰⁴ Kwabakho into ethethwayo. Yayingeyiyo nje ingxolo. Into ethile yathethwa. Wayemalunga nokubhala.

...kwaye ndeva izwi liphuma ezulwini lisithi kum,...

³⁰⁵ Jonga apho amazwi ayekhona, iiNdudumo. Hayi eZulwini; emhlabeni! IiNdudumo zange zavakala emazulwini. Zavakala emhlabeni.

...kwaye ndandiza kubhala: xa ndeva ilizwi liphuma ezulwini lisithi kum, Zitywine (unobumba T-y-w-i-n-a), Zitywine ezo zinto zizivakalisileyo iindudumo ezisixhenxe, ungazibhali zona.

³⁰⁶ Ikwicala elingasemva, xa iNcwadi igqityiwe. Hayi ukuthi wathi, “Kwicala elingaphambili.” Wathi, “Kwicala

elingasemva,” emva kokuba Yenziwe yonke, igqityiwe. Aze, lamazwi eziNdudumo ziSixhenxe kukuphela kwento, encamathele eNcwadini, engatyhilwanga. Awabhalwanga nokubhalwa eNcwadini.

³⁰⁷ Owu, bethu! Ndingqwenela ukuba ndingakufumana oko, ukuba abantu kanye banga...Ningohluleki. Ningakhe, ningohluleki. Ncedani ningakhe, ngeli xesha. Ndilungiselela ukunishiya. Ningohluleki. Ukuba wakha waphulaphula, phulaphula!

³⁰⁸ La Matywina akwicala elingasemva leNcwadi. “Kwaye ngexesha esakuvakalisa ngaso isithunywa sesixhenxe, zonke imfihlakalo ezibhaliweyo eNcwadini zigqityiwe.” Kwaye ngokukhawuleza iNcwadi, eyayivuliwe neyayibhalwe ngaphakathi, ivaliwe, “Imfihlakalo zikaThixo zizalisekile.” Kwaye le ziimfihlakalo zikaThixo: ukumka kweBandla, kwaye zonke ezinye zezi zinto. “Imfihlakalo zigqithile.” Xa esasithunywa sesixhenxe sivakalisa yonke imfihlakalo, kuphelile. Makathi lowo unakho abenakho, nokuba ingaba yintoni. Ilizwi likaThixo alinakohluleka. Kwaye Uthe:

*Kodwa ngemihla yelizwi lesithunywa sesixhenxe,
xa sukuba siza kuvakalisa, iyakuzaliseka imfihlakalo
kaThixo, njengoko wakwazisayo kubakhonzi bakhe
abaprofeti.*

³⁰⁹ Zonke ezo zinto, njenge, owu, iRoma ekubeni ili— ilihenyukazi, kwaye zonke iicawa zobuProtestanti, amahlelo ezenza ihlelo emva kwalo, zisuke zaba ngamahenyukazi ayo. Yabona? Zonke ezo mfihlakalo, ezo bathe abaprofeti bathetha ngazo, ziyakutyhilwa kanye apha kule yure yokugqibela.

³¹⁰ Kwaye xa esisithunywa sesixhenxe sivela kwisigaba saseLawodike size siqalise ukuvakalisa iXilongo lenyaniso, ngokuba iyakuba iphikisa, abasayi kuyikholelwa Yona. Ngokuqinisekileyo abasayi kuyikholelwa Yona. Kodwa, iyakuba ngophefumlelweyo umprofeti, ngokuba akukho ndlela yokuYiqikelela.

³¹¹ Abantu bazama ukuqikelela ubutriniti, baze bade babe neentloko ezingwevu baze baphambane. Akukho mntu unokuyiqonda. Basakholelwa ukuba u-Eva utya i-apile, kunye nazo zonke ezo zinto. Ngokuba, sisithethe abathe abantu babambelela kuso, njengoko uYesu walifumanayo ibandla.

³¹² Kodwa iyakufuneka ibe ngumprofeti okhokelwa bubuThixo, ukuze iLizwi likaThixo lize kuye, kunye notoliko olunyanisekileyo olungesityhilelo sikaYesu Kristu. Ke, ngoko, i—ifanele ibe ngaloo ndlela. Thixo sinnede!

³¹³ Ngoku, “Xa ukuvakalisa kwakhe,” ngoku, lowo ngu ITSHO INKOSI. Kusicacele oko. Xa sivakalisa uMyalezo waso, sihlaba umkhosi; njengoPawulosi wenza

kwaBomthetho, nje ngenxenye yabo benzayo, njengoLuther, Wesley, ngokuchaseneyo nombutho. Xa ehlabha umkhosi, aze abaxelele, “Bayaxoka, kwaye asiyoNyaniso! Kwaye baqhatha abantu!” Xa evakalisa Oko, akunakwahluleka. Ayisokuze yahluleke, ngokuba uyakungqinelwa liLizwi likaThixo. Uyakwazi ngokuthe ngqo into Eyiyo. Kwaye xa esenza, evakalisa, ukubiza eBhabhilon, “Phumani kuyo, bantu bam, ukuze ningadlelani nezono zayo.” Thixo, mthumele! Ungayiphosi.

³¹⁴ Ngoku, “Xa eqalisa ukuvakalisa, imfihlakalo iyakuzaliseka.” Ngoku, phawula, kuze ngoku ibe lixesha lamazwi aMatywina aSixhenxe, eZityhilelo 10, ukuba atyhilwe. Uyayiqonda? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Xa zonke iimfihlakalo zeNcwadi zigqityiwe! Kwaye iBhayibhile ithe, apha, ukuba uyakugqibezela iimfihlakalo.

³¹⁵ Xa, abantu emva kwezinye izigaba balwela iNyaniso. Balwela ugwetyelo. Bahamba ithuba. Ungewaliseko! Balwela *le*, baze balwela *leya*. Balwela *le*. Benza ntoni? Bajika baze benza umbutho kuyo, kwa into enye. AbakwaMoya, kunye namaBhaptizi, amaRhabe, amaLutere, bonke, benza into enye, bajika baze benza into enye.

³¹⁶ Kwaye iBhayibhile yathi, kwiSityhilelo 17, yilonto abayakuyenza, unina omdala wehenyukazi kunye neentombi zakhe, “IBHABHILONI, EYIMFIHLAKALO.” IBhayibhile ithe, apha, ukuba oko iyakube yenye yeemfihlakalo eyakuconjululwa. AmaProtestanti, amahenyukazi, “esenza umbulo wokomoya,” ekhokela abantu ngobuhlelo, nge “ndebe yabo yobugwenxa,” yemfundiso eyenziwe ngumntu; baze babatsale babamkise kuwo umthombo ozaliswe liGazi, apho aMandla kaThixo uSomandla aqukuqela ngokukhululekileyo ukuze abonise uYesu Kristu. Yinyani leyo. Ngoko, uThixo uyakuyixhasa Yona, kwaye Uyenzile, kwaye Uyakuqhubekeka. Kodwa, xa oko kusenzeka, iLizwi ligqityiwe.

³¹⁷ Ngoku kukho into enye eseleyo, ziiNdudumo eziSixhenxe, esingazaziyo. Kwaye aziyi kududumela kwilize.

³¹⁸ UThixo akenzi into ethile nje kuba edlala. Siyadlala kwaye senze ngokusileyo, kodwa hayi uThixo. Yonke into kuThixo ingu “Ewe” kunye no “Hayi.” Akabhanxi nje. Akaqhuli. Uqinisekile koko Akutshoyo. Kwaye Akatsho nto de kube kukho into ethile, intsingiselo kuyo.

³¹⁹ Zaye iiNdudumo eziSixhenxe, kanye kwisityhilelo apha sika Yesu Kristu, Yimfihlakalo ethile. Ingaba ayitsho na iBhayibhile ukuthi *Esi* si “Sityhilelo sika Yesu Kristu”? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kutheni, kukho imfihlakalo efihliweyo, ngoko, Yazo. Hum! Yintoni Yona? IiNdudumo eziSixhenxe zinayo Yona. Kuba, uYohane wayemalunga nokubhala, laza iLizwi leza liphuma eZulwini, lisithi,

“Ungayibhali Yona. Kodwa, yitywine Yona. Yitywine Yona. Yibeke Yona kwicala elingasemva leNcwadi.” Imelwe kukutyhilwa. Iziimfihlakalo.

³²⁰ Ngoku, sizisombulule ezi zinto, ngoMoya oyiNgcwele, usixelele, “Yayingengoma-apile. Yayingokwesondo.” Usixelele ezi zinto. Akukho namnye unakho ukuma phambi Kwayo. Andizange ndabona mshumayeli, ebomini bam, evumelana naYo. Kodwa, ndababuza.

³²¹ Uyazi, eChicago, xa semayo phambi kwabo, malunga namakhulu amathathu anamashumi amahlanu abashumayeli. Nina bafazi apha abasuka eChicago, nanilapho, neva malunga nayo.

³²² Kwaye iNkosi yandixelela, kubusuku obuthathu ngaphambi koko, yathi, “Bazakuthiyela umgibe.” Yathi, “Yima efestileni apha kwaye Ndiyakukubonisa.” Yathi, “UMnu. Carlson kunye no—no Tommy Hicks bayakuhlangana nawe ngomso kusasa, bafune uye kwisidlo sakusasa. Uze umxelele uTommy ahlale. Kodwa,” wathi, “nantsi indlela eyakukhangeleka ngayo. Baxelele ukuba abazukuba nawo lamhlangano kwindawo abacinga ngayo. Bazakuba kwenye indawo.” Wathi, “Ungoyiki. Ndiyakubanawe.” Ilunge ngokwaneleyo kum.

³²³ Kwintsasa elandelayo, uMnu. Carlson, umongameli waMadoda angooSomashinini beFull Gospel, weza, wathi... wandibiza, wathi, “Mzalwana Branham, ndifuna ukuya kwisidlo sakusasa kunye nawe.”

³²⁴ Ndathi, “Kulungile.” (Ndathi, “Qaphela uTommy Hicks uyakube elapho, naye.”)

³²⁵ Sahamba saya eTown And Country, waza wathi, “Ke, Mzalwana Branham,” wathi, “owu, yiyo le...”

Ndathi, “Tommy, ungandenzela inceba?”

“Ngokuqinisekileyo, Mzalwana uBranham.”

Ndathi, “Andazi nokuba akunakuthetha endaweni yam?”

Wathi, “Owu, a—andinakuyenza lonto.”

³²⁶ Ndathi, “Ngokuba? Ndingumfundi webakala lesixhenxe, kwaye ndiya—ndiyakuthi...Ndiyakuthi *empire* endaweni yokuthi *umpire*. Yabona? Andikwazi kuthetha phambi kokuya. Kwaye kuyakubakho uMbuthe oMkhulu wabaLungiseleli baseChicago. Ndizakukwazi njani ukuthetha phambi kwabo, kunye nemfundo yam yebakala lesixhenxe, Tommy? UnguNgqirha wobuNgcwele.” Ndathi, “Uyakwazi ukuba kuthethwa njani. Andikwazi.”

Wathi, “Mzalwana uBranham, andinakuyenza lonto.”

³²⁷ Ndathi, “Ngokuba? Ndikwenzele iinceba ezininzi.” Kwaye ndayibeka nje ngqo.

328 Kwaye uMzalwana uCarlson wathi, “Owu, Mzalwana uBranham, akanakuyenza lonto.”

Ndathi, “Ngokuba?”

Wathi, “Eh, u, i—i—i . . .”

329 Ndathi, “Niyazi ngokuba kutheni? Niyazi ngokuba kutheni, kodwa anifuni kundixelela. Banomgibe abandithiyele wona.”

330 Ndathi, “Mzalwana uCarlson, ulifumene elaa gumbi lehotele, anilufumenanga, apho sasinesinye isidlo?”

“Ewe.”

Ndathi, “Akuzukulifumana.”

331 Wathi, “Ke, Mzalwana uBranham, sendiyibekile imali yesikhokelo sengqesho yalo.”

332 Ndathi, “Andikhathali nokuba unantoni. Ayizukuba phaya. Ligumbi elimbala uluhlaza. Siyakuba kwigumbi elimbala umdaka. Ndizakube ndingasemva ekoneni. UGqir. Mead uyakuhlala ngasekunene. Laa ndoda yebala kunye nomfazi wayo bazakuhlala *apha*, kunye *nonantsi ka nantsi*. Kuyakubakho umbingeleli womBudda ahlale kwicala elingasekunene mgama kum,” kwaye nendlela abayakube benxibe ngayo.

333 Kwaye ndathi, “Uyazi ukuba yintoni, Tommy. Uyi . . . Umbutho Omkhulu waseChicago wabaLungiseleli uzakundicela umgeni kolwa ‘bhaptizo eGameni likaYesu Kristu.’ Umbutho Omkhulu waseChicago wabaLungiseleli uzakundicela umgeni ‘kubungqina bukaMoya oyiNgcwele,’ ukuthetha ngeelwimi. Bazakundicela umgeni kwi ‘mbewu yenyoka,’ kwaye naseku shumanyayelweni kwe ‘nceba.’”

334 UTommy wajonga ngaphaya, kwaye, “Inceba! Ubulungisa!” Wathi, “Andicingi nokuba ndiyakuba saya.”

Ndathi, “Ehe, yiza.”

335 Kwaye ngosuku olulandelayo, indoda ebithathe isavenge semali yokuqeshisa, yambuyisela isavenge semali yokuqeshisa, yaza yathi, “Sineqela labakhalisi mculo. Sibe siyiqeshisile, kwaye siyilibele saza sayilahla lonto. Kwaye kuye kwafanela ukuba silinikezele kwiqela labadlali mculo, kwaye aninakilifumana.” Kwaye saya eTown And Country.

336 Sangena, ngaloo ntsasa, kwaye bema bonke. Xa ndahlalayo phantsi emva kwedesika emva phaya, kwaye ndilindile, emva kokuba babenesidlo sakusasa, ndabajonga ngokujikeleza ngoluhlobo. Saba nesidlo sakusasa egumbini. Saphuma, sahlala phantsi apho, kwaye kwakukho Umbutho Omkhulu waseChicago wabaLungiseleli. Ndajonga ngokujikeleza kubo. Ngamnye wazazisa njengo Gqirha Ph.D., L.L., Q.U.S.T., kunye nazo zonke iintlobo zezinto ezinjengezo. Ndahlala nje ndabaphulaphula kubo, de bagqiba. Waza uMzalwana—uMzalwana uCarlson waphakama. Wathi, “Manene . . .”

³³⁷ Kwaye nonke niyamazi uHank Carlson. Kwaye, apho, ndamcela. Kulungile, ninayo kwiteyiphu kanye apha. Ukuba nifuna ukuyithenga iteyiphu, ilapha. Amakhwenkwe anayo.

³³⁸ Wathi, “Manene,” wathi, “Ndazisa kuni, olandelayo, uMzalwana uBranham.” Wathi, “Ningangavumelani nonke kunye naye, kwiMfundiso yakhe, kodwa mandinixelele into ethile. Kwiintsuku ezintathu eziziqithileyo, sasihleli endaweni, kwaye ukuba landoda khange indixelele yonke into eyenzekileyo ngale ntsasa, andimanga apha. Undixelele ukuba nonke nilungiselele ukumbuza ngeMfundiso yakhe. Kwaye undixelele ukuba kufanele ndiyirhoxise laa ndawo eyenye, ukuze ndibe lapha. Kwaye undixelele ngokuchanekileyo apho uGqir. Mead kunye nabanye abantu abayakuhlala khona, nje ngokuchanekileyo, kwaye nabo banjalo.” Wathi, “Ningangavumelani naye, kodwa, ndiyakutsho into ibenye, akoyiki ngento ayicingayo.”

Wathi, “Ngoku, Mzalwana uBranham, iqonga lelakho.”

³³⁹ Ndathi, “Phambi kokuba siqalise...” Ndafunda oku ndikwenzileyo ngalentsasa, “Andibanga ngongawuthobeliyo umbono waseZulwini.” Ndathi, “Ngoku masiyilungise lento. Ngoku, ninonke nithetha ngokuba ngooGqirha bobuNgcwele; kwaye ndime apha ndindedwa.” Ndathi, “Ukuba kunjalo, nifuna ukundi buza, ngobhaptizo kwiGama likaYesu. Sizakuqala ngaloo nto kuqala. Ndifuna omnye wenu madoda aze neBhayibhlile yakhe aze ame apha ecaleni lam, kuyo yonke into endakhe ndayifundisa.” Ndathi, “Yima apha ecaleni lam, kwaye, ngeLizwi likaThixo, uliphikise Lona.” Ndalinda. Akukho namnye wathetha nto. Ndathi, “Ndicela abanye benu madoda ukuba eze azokuma apha ecaleni kwam.” Ndathi, “Yintoni ingxaki ngani? Ngoko, sukani emva kwam, ukuba niyoyika ukuma apha ecaleni kwam.”

³⁴⁰ Asidim abamoyikayo; yilaa Ngelosi kaThixo uSomandla. Kuba, bayazi, ukuba Inokundixelela kwangaphambili ukuba ndize... Banokuba krekrelele kakhulu kunokuba ndandicinga ukuba banjalo. Babesazi ngcono kunokuba beme phaya. Uh-huh. Niyazi, nikhe naba kumaxesha, kuwo lamaxesha, nani. Kodwa zange bayenze lonto. Yintoni ingxaki, ukuba inkulu kakhulu, kwaye bayazi ukuba inyanise kakhulu?

³⁴¹ Ndiyibeke eteyiphini, nakuyo yonke enye indawo; ndikulungele ukuyithetha, ngendlela yobuKristu, nawuphi na umzalwana. Andisayi kuxambula kunye namnye umntu; kodwa ndifuna nina nize, niyiphikise nayiphi yaYo, ngeLizwi. Hayi ngenwadi yakho, ngoku; hayi ngokuka Gqir. *Nantsi ka nantsi*, okanye Ongcwele u*Nantsi ka nantsi* akutshiloyo. Ndifuna ukwazi akutshiloyo uThixo. Oko sisiseko. Ndifuna ukwazi ukuba yintoni Leyo. Abayenzi lonto.

342 Ngoku, jonga, xa ilixesha lamazwi asixhenxe. Ngoko lixesha lamazwi asixhenxe, xa iNcwadi igqityiwe, yeZityhilelo 10 ukuba ityhilwe. Ngoku qaphela. Phulaphula.

343 Ngoku, andisayi kunigcina xesha lide. Ndiyazi ndiyandininisa, apha. Yimizuzu engamashumi amabini de ibe yeyeshumi. [IBandla lithi, “Hayi. Qhubekeka!”—Mhl.] Phulaphulisisa ngoku. Ndiyazi, nimile, kwaye niguqula izikhundla nezinto. Ndiyakuvuya xa icawa ilungisiwe ukuze singabi nakuxinaniseka. Singathabatha imini yonke ukuyishumayela Yona.

344 Ngoku qaphela. Ngoku phawula. Amazwi asixhenxe yayizindudumo, udubulo.

Thixo, sincede. Ukuba andilungisanga, Nkosi, ndixolele.

345 Ndibuza nina umbuzo. Yadubula ngendudumo, xa eli lizwi lakhalayo. Ingaba uqaphele, ukuba, xa amaTywina asiXhenxe alandela izigaba zamabandla asixhenxe, xa iTywina lokuQala lavulwayo, ukuba kwabakho indudumo? ITywina lokuQala eNcwadini lavulwa, kwabakho indudumo; akungebi eliTywina lokuQala lecala elingaphandle leNcwadi livulwe ngendlela enye? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] UThixo akayiguquli inqubo Yakhe. Masityhile ngaphaya kwiSityhilelo isi-6.

Ndaza ndabona xa iMvana yalivula elinye lamatywina, ndaza ndeva, yanga yingxolo yendudumo, yaza enye yezo zinto ziphilileyo zine yathi, Yiza ubone.

346 Ngoku, zange kubekho enye indudumo. “Kwaye iTywina lokugqibela lavulwa, kwabakho isithuba eZulwini kangangesiqingatha seyure yenzolo.” Kodwa, iTywina lokuQala lavulwa, kwabakho udubulo lwendudumo.

347 Owu, bandla, ingaba yiyo? Ingaba sikude olo hlobo? Zihlobo, cinga. Mhlawumbi. Ndiyathemba akunjalo. Kodwa ukuba ingayiyo? Yayiyintoni olwadubulo? Kwaye phambi koThixo, kunye naleBhayibhile ivulekileyo, andixoki. Udubulo, olwashukumisa umhlaba!

348 Kwaye xa iTywina lokuQala, lawesixhenxe avulwayo eBhayibhileni, liyeza, nje Linye, kodwa udubulo olwashukumisa into yonke; indudumo. Kwaye ngoko ukuba iTywina elikwicala elingasemva liyakuvuleka, ayizukuba ludubulo, nalo? Andiyazi. Andinakuyitsho.

349 Kwakukho indudumo, iTywina lokuQala, kwaye iTywina laba yindudumo. IXilongo lavulwa ngelo xesha. Kwaye iXilongo lavuthelwa ngePentekoste, kunjalo. Andiyi kungena koko.

350 Ngoku, ukuba umbono wawungokweSibhalo; umbono endithetha ngawo, lowo ndiwubonileyo kuMgqibelo ogqithileyo kusasa. Kuyiveki egqithileyo, ngoku. Ukuba, ngoku khumbula apha, ukuba umbono wawungokweSibhalo,

ufanele utolikwe ngeSibhalo, okanye ukuqhubekeka kweSibhalo esinye. [UMzalwana uBranham uyanqumama—Mhl.] Ndilinde nje, ukuze oko kuzike ngaphakathi. Ukuba . . .

³⁵¹ Oku okuya ndikubonileyo, into ekwakuyiyo, andiyazi, kodwa ndoyikela ukufa. Ingaba sesiphelile? Ingaba sisekupheleni? Khumbula, leNgelosi yathi, xa oku kusenzeka, Yafunga, “Akusayi kubasabakho xesha.” Andazi nokuba siyayifumana na le na.

³⁵² Nithi, “Ke, ikhangeleka ngathi Ibiyakudubula ngaphesh- . . .” Mzalwana, Uza ngomzuzu xa ungacinganga. Uyakuyiva Yona okukugqibela.

³⁵³ Ngoku ingaba Icacile? Xa iTywina lokuQala lavulwa, amaTywina awayengaphakathi eNcwadini, ezimfihlakalo zavakaliswayo: ugwetyelo, ungcwaliseko, icawa yobuKatolika yaseRoma, Protestanti! Kwaye xa amadabi azo amancinci kunye nezinto ashiya ejinga lamasoloty eLizwini likaThixo, isithunywa sesixhenxe size sihlanganise zonke size sizicacise. Yabona? Size ngoko, sigqibezele, lindudumo eziSixhenxe ziyavakalisa.

³⁵⁴ Xa uYohane waqalisa ukubhala; wathi, “Sukuyibhala Yona. Kodwa, yitywine Yona.”

³⁵⁵ “Kwaye iTywina lokuQala lavuleka,” lamaTywina angaphakathi eNcwadini, Lavuleka ngendudumo. Uh!

³⁵⁶ Ukuba oku siSibhalo, inga kuphela . . . Ukuba nasiphina iSibhalo si . . . Nayiphina into ekufanele ukuba yeyeBhayibhile . . .

³⁵⁷ Inje nge, akunakundixelela ukuba kukho into enje ngo “mhlambululi” kunye nezinto ezinjengezo. Akukho Sibhalo eBhayibhileni sokuyixhasa. Akunakundixelela ngezi zinto, njengencwadi kaMaccabees, esenokuba yelungileyo . . . “Kunye nalancwadi yesine kaDaniyeli, apho iNgelosi yambamba ngeenwele zentloko, yaza yathi . . . yamhlalisa phantsi.” Akukho nto inje ngalonto eyakhe yenzeka eBhayibhileni. “Apho uYesu waseNazareth wenza intaka encinci yodongwe, waza wafaka imilenze kuyo, wathi, ‘Whew! Bhabha umke, ntakazana encinci,’” ibubuvuvu. Akukho nto eBhayibhileni yokuyixhasa lonto. Ke ayibhanxi . . . I—abatoliki, uThixo wajonga ukuba abatoliki abasayi kongeza nokongeza loo migaqo kunye nobuvuvu. Ingaba ngabantu abalungileyo, abazalwana bakwaMaccabee. Babeyilonto. Anditsho ukuba babengabantu abangalunganga. Kodwa yayingekho ngokweSibhalo.

³⁵⁸ *Esi sisityhilelo esipheleleyo sikaYesu Kristu.* “Akukho nto inokongezwa kuYo okanye isuswe kuYo.” Kwaye ukuba sikubeka oko Phaya, ayihambelani naso sonke iSibhalo. Kukho amashumi amathandathu anesithandathu eeNcwadi yaleBhayibhile, kwaye akukho neLizwi elinye eliyakuphikisana neLinye.

³⁵⁹ Kuze ngoko, ukuba oku yinqubekeka, ekuvakalisweni kwalamaxilongo okugqibela, okanye eziNdudumo ziSixhenxe zokugqibela ezizayo, iimfihlakalo, amaTywina okugqibela, Iyakufuneka ikhuphisane, okanye ithelekiseke, kunye naso sonke iSibhalo. Kwaye ukuba wona aWokuqala phaya avulwa ngodubulo lwendudumo, Lawo wesibini ayakwenza njalo, nawo, lawo akwicala langasemva. Qaphela okwenzekayo. Ukuba umbono wawuSisibhalo, ngoko ufanelwe kukutolikwa ngeSibhalo, okanye ukuqhubeka kweSibhalo esinye.

³⁶⁰ Qaphela, iZityhilelo, isi-3 kunye nesi-4, “iNdudumo eziSixhenxe.” Iindudumo eziSixhenxe, kwaye ngoko qaphela, isi-3 kunye nesi-4, kwaye emva koko (intoni?) isifungo kulaNgelosi inamandla, ukuba, “Ixesha laligqityiwe.” Xa eziNdudumo, uyabona, zezisa amazwi azo, ngoko iNgelosi. . .

³⁶¹ Khawucinge nje ngayo! “iNgelosi, ithiwe wambu ngelifu, kunye nomqophiso womnyama phezu kwentloko Yayo.” Ngokuba, uyazi ukuba Ngubani lowo. “Yabeka olunye unyawo emhlabeni, naselwandle, yaza yasiphakamisa isandla Sayo yaza yafunga, ukuba, ‘Xa zona iNdudumo eziSixhenxe ziwavakalisile amazwi azo,’ ukuba, ‘ixesha aliyi kuba sabakho.’”

³⁶² Kwaye ukuba ulungiselelo lweemfihlakalo zikaThixo lugqityiwe, kungathini ukuba zona iimfihlakalo ezisixhenxe ziyeza? Kwaye elithobekileyo, elincinane ibandla njengelethu, athe uSomandla weza waza wawunanza umgangatho osezantsi wabantu Bakhe! Uthi, “Owu, oko, andicingi njalo.” Isenokungabi yiyo. Kodwa ukuba kungathi kanti yiyo? Ngoko ixesha liphelile. Ingaba uye wayicinga? Zimisele. Kusenokuba semva kwexesha kunokuba sicinga.

³⁶³ Ezi nkwenkwezi zingena kungqameko lwazo emva phaya! La Ngelosi isiza, yaza yathi, “Njengoko uYohane wathunyelwa ukuqoshelisa iTestamente Endala aze azise ukwaziswa kukaKristu, uMyalezo uyakuqoshelisa amasolotya uze wazise uMesiya nje phambi koKuza Kwakhe, uMyalezo wemihla yokugqibela.”

³⁶⁴ Qaphela, iNgelosi enamandla yafunga, ngesifungo, ukuba, “Akusayi kusabakho xesha.”

³⁶⁵ Ngoku, andifuni kunigcina ixesha elide kakhulu. Cinga nje ngoku, umzuzu ngoku.

³⁶⁶ Ngoku phulaphula. Le Ngelosi iyehla eZulwini. Yabona? Ezinye, izithunywa ezisixhenxe zamabandla asixhenxe, yayingabathunywa basemhlabeni. Kodwa le Ngelosi. . . Wonke uMyalezo ugqityiwe; isithunywa sesixhenxe siqoshelisa yonke into. Kwaye leNgelosi ayizi emhlabeni; Ayingomntu osuka emhlabeni, njengabathunywa kwizigaba zamabandla; oko kugqityiwe. Kodwa, le Ngelosi izisa isibhengezo esilandelayo. Kwaye *ingelosi* ithetha u “mthunywa.” Kwaye Iyehla isuka eZulwini, ithiwe

wambu kulaNtsika yoKukhanya, iLifu, kunye nomnyama phezu kwentloko Yayo. Kwaye umnyama ngumqophiso. YayinguKristu, “Ngolunye unyawo emhlabeni, nolunye elwandle, yaze yafunga, ukuba, ‘Akusayi kubasakho xesha.’”

Kuphi apho sikhoyo, bahlekazi? Yeyantoni yonke lento? Ndiyanibuza.

³⁶⁷ Ezinye iingelosi yayingabathunywa, abantu basemhlabeni. Kodwa le Ngelosi...Ezi, zathi, “Kwisithunywa sebandla laseLawodike,” “Kwisithunywa sebandla lase-Efese,” abathunywa basemhlabeni; yabona, abantu, abathunywa, abaprofeti, kunye nokunjalo, zisiya ebandleni.

³⁶⁸ Kodwa, lena Yona yayingaphumi emhlabeni. Yehla iphuma eZulwini, ngokuba imfihlakalo yonke igqityiwe. Kwaye xa imfihlakalo igqityiwe, iNgelosi yathi, “Akusayi kusabakho xesha,” zaze iiNdudumo eziSixhenxe zawaphosa amazwi azo.

³⁶⁹ Kungathini ukuba yinto ethile yokusenza sazi indlela yokungena kuKholo loXhwilo? Yiyo? Ingaba siyakubaleka, sitsibe ngaphaya kweendonga? Kwaye ingaba kukho into ethile elungiselela ukwenzeka, kwaye lena midala, yonakeleyo, imizimba engcolileyo iyakuguqulwa? Ndingaphila na ndiyibone, Owu Nkosi? Ingaba ikufutshane na ukuba ndingayibona? Ingaba sesi sizukulwana? Bahlekazi, bazalwana bam, kuxesha liphi? Ingaba siphi?

³⁷⁰ Masijonge kwiwotshi, ikhalenda, ukuze sibone umhla esiphila kuwo. USirayeli usePalestina, kumhlaba wakhe. Umqondiso, inkwenkwezi encam zintandathu kaDavide, (kumawaka amabini eminyaka eyagqithayo, ehe, phantse amakhulu amabini anesihlanu eminyaka eyagqithayo), eyona flegi indala, iyaphehezela. USirayeli ubuyele kumhlaba wakhe. “Xa umthi womkhiwane uyakuvelisa amasebe awo, esi sizukulwana asiyi kufa, asiyi kugqitha, kugqitha, zide zonke izinto zizaliseke.”

Izizwe ziyaphuka, uSirayeli uyavuka,
 Imiqondiso abaprofeti abayixelayo;
 Iintsuku zeeNtlanga zibaliwe, zixakekiswe
 luloyiko;
 “Buyani, Owu nichithiwe, yiyani kwelenu.”
 IMini yentlangulo isondele,
 Iintliziyo zabantu ziyaphela kukoyika;
 Zaliswani ngoMoya, izibane zenu zilungisiwe
 kwaye zikhanya,
 Jonga phezulu, intlangulo yenu isondele!
 Abaprofeti bobuxoki bayaxoka, iNyaniso
 kaThixo bayayiphika,
 Yokuba uYesu uKristu nguThixo wethu.

Uyayazi IyiNyaniso! Ehe.

Kodwa siyakhamba apho abapostile
banyathela khona.

Kuba iMini yentlangulo isondele,
Intliziyi zabantu ziyaphela kukoyika;
Zaliswa ngoMoya, izibane zenu zilungisiwe
kwaye zikhanye,
Jonga phezulu, intlangulo yakho isondele!

³⁷¹ Ingaba kufutshane kunokuba ucinga ukuba injalo.
Indoyikisile mna. Owu, andenzanga ngokwaneleyo. Sipi na?

³⁷² “Akusayi kusabakho xesha.” Walubhengeza eloxesha ukuba
liphelile. Kwenzeka ntoni? Kwenzeka ntoni? Ingaba oko kungaba
njalo ngoku, bazalwana? Cinga ngokuzimisela. Ukuba yiyo,
ngoko ipyramid ithwesiwe ngeNdudumo eziSixhenxe.

³⁷³ Uyawukhumbula uMyalezo wepyramid? Lilitye leNtloko.
Lenza ntoni Lona? UMoya oyiNgcwele uthwalisa umntu
ngamnye aze atywine, xa songeza kukholo lwethu; ubulungisa,
kunye nobuthixo, kunye nokholo, njalo-njalo, size siqhubeke
sisongeza kulo de sifumane izinto ezisixhenxe. Kwaye
eyesixhenxe yayiluthando, olunguThixo. Yilo ndlela Yena enza
ngayo umntu ngamnye, aze amthwese aze amntywine ngoMoya
oyiNgcwele.

³⁷⁴ Ngoko, ukuba oko kunjalo, Unezigaba zamabandla
asixhenxe, wokuba Uneemfihlakalo ezisixhenxe
ezivakalisiweyo phaya, kwaye bazilwela, ukuzibuyisela.
Kwaye ngoku ilitye leNtloko liyeza, ukuza kuthwesa iBanda.
Ingaba iiNdudumo zithetha oko, bazalwana bam? Bahlekazi,
ingaba kulapho sikhona?

³⁷⁵ Junie, ndifuna ukuthabatha iphupha lakho. Jonga. Junior,
phambi kokuba yakha yashunyalwa ipyramid, iinyanga
ngaphambi kwayo, ndalibona eliphupha.

Uthi, “Yintoni malunga nephupha?”

³⁷⁶ UNebhukadnetsare waphupha iphupha awathi uDaniel
walitolika, waxela ukuqalisa kwesigaba seeNtlanga kunye
nelixa eliya kuphela ngalo. Kwaye wenzeka kanye ngolohlobo.
Akukho nesuntswana lahlulekayo.

³⁷⁷ Uqaphele? Umbhalo wona i...wawusematyeni,
ndawutolikela bona Wona. Babechulumancile. Leyo
“yimfihlakalo kaThixo” ebe ingaqondwa, iminyaka. Ingaba
oko kuyilonto?

³⁷⁸ Uze ke uqaphela. Ngezinye indlela ezimangalisayo,
sathabatha, phandle emoyeni, isixhobo esibukhali esavula
umphezulu. Kwaye apho kwakukho inyengane emhlophe,
kodwa Yayingatolikwanga. Kwakungekho mbhalo.
Andizange ndiyitolike Yona, Junior. Ndajonga nje kuYo,
ndaza ndathi kubazalwana, “Jongani kuLe.” Kwaye oko
kuzalisekile, ngobubusuku.

379 Kwaye ngelishesha babesafunda Oko, ndanyebelezela ngasentshona. Ukwenzela ntoni? Mhlawumbi ukuze ndiqonde utoliko loko kwakubhalwe kumphezulu woKu. Ingaba kuko?

380 Kwaye Ezo, ndubulo, ngenye intsasa, okwandishukumisa kwandiphakamisela de kwandinyusela emoyeni, ngokuphezulu okufana nesi sakhiwo, olwangqameko lweeNgelosi, iiNgelosi ezisixhenxe zikwimo yepyramid. Ingaba zezaNdudumo zizayo? Ingaba kuko?

381 Kuko konke oku kutolikiwe. Ngokwephupha lakhe, lalalizisekile lonke. NgokweLizwi likaThixo, umthunywa wesixhenxe uyakugqibezela, uMyalezo wesixhenxe uyakugqitywa, kuzo ngoko iiNdudumo eziSixhenxe. Kwaye walibona ilitye lentloko liqengqeleka.

382 Ntoleyo, abaninzi abantu abazi tu ukuba kukho Amatywina Asixhenxe afanele ukutyhilwa. Ndifunde iincwadi ezininzi zabantu kwiSityhilelo, zange ndiyive Ithethwa. Bayayitsiba Lonto. Kodwa niyixelelwe ukuba Iphaya.

383 Andiyazi ukuba yintoni. Ingaba oko yilonto? Thixo yiba nenceba kuthi! Ukuba yiyo, sikwi yure exhalabisileyo. Ngoku, nje umzuzu, jonga. Ukuba injalo, kwaye imfihlakalo igqityiwe, eyayibhalwe kulamatye.

384 Ndiyavuya ukuba ndibe ndihleli ebandleni kunye nabantu abanobuthixo abo uThixo anokubanika iphupha. Ndiyavuya ukwazisa kulamadoda nabafazi abahamba kwibandla likaJunior, nakwelibandla, kuMzalwana uNeville, kunye nabo, ukuba kukho abantu abahleli kwelibandla, kwaye iBhayibhile ithe, “Bayakuphupha amaphupha kwimihla yokugqibela.” Kwaye nantsi yiyo. Kwaye jonga kuyo, ingqinelana neLizwi.

385 Ndingazi nto malunga nayo, udubulo lwenzeka, kwaye nako kusiza iiNgelosi ezisixhenxe zisuka kuNaphakade. Ndathi, “Nkosi, yintoni Ongathanda ukuba mna ndiyenze?” Yayingachazwanga. Kungaba mhlawumbi ndifanele ndiye, kuqala, ukuya kufumana. Andiyazi. Mhlawumbi isonokungabi yilonto. Andazi. Ndiyakutsho nje, “Ukuba ingaba yiyo?” Ukuba siSibhalo, ivakala isondele kakhulu kuyo. Akucingi njalo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

386 Jonga. Ngoko, jonga, ilitye lentloko lalingatolikwanga. Yabona? “Yiya entshona, uze ubuye.” Okanye, ingaba yile, ingaba zezi Ngelosi zisixhenxe kolungqameko ezaza kum?

387 Kwaye xa ndidibana nani kuMhla wovuko, uyakubona ukuba andixoki; uThixo, nguMgwebi wam.

388 Okanye, ingaba olu loluyavuthondaba lwesibini ebendithethe malunga nalo ngenye imini? Ingaba yinto ethile ezayo kwiBandla? Andiyazi. Ndingahlala koko okwethutyana, kodwa ndizakuqhubeka.

389 Ingaba yilonto, indudumo enamandla, okanye iNgelosi yesixhenxe ikwisixhenxe, ungqameko, ungqameko olwenziwe ngesixhenxe, ipyramid yazo yenza isimo (isithathu kwicala, kunye nenye ngaphezulu), kwaye zehla zisuka kuNaphakade? Ingaba kuko?

390 Ingaba lena yimfihlakalo, yeeNdudumo, eyakuzisa ilitye leNtloko? Uyazi, ipyramid zange yathweswa. Iilitye leNtloko lisafanele lize. Laliwa. Ingaba yiyo, bazalwana, noodade?

391 Okanye, ingaba lolwaTsalo lweSithathu Awandixelela ngalo, kwemithathu okanye kwemine iminyaka egqithileyo?

392 UTsalo lokuQala, uyakhumbula kwenzeka ntoni? Ndazama ukuYicacisa. Wathi, “Ungayenzi lonto.”

393 UTsalo lweSibini, Wathi, “Ungazami.” Ndaza ndatsala, noko kunjalo. Uyakhumbula? [IBandla lithi, “Ewe.”—Mhl.] Nonke kuni niyakhumbula. Iseteyiphini kunye nento yonke.

394 Waza ngoko Wathi, “Ngoku kukho uTsalo lweSithathu oluzayo, kodwa ungazami kulicacasi Lona.” Uyabona indlela endiyingene ngayo Lento, ngobubusuku? Andiyazi. Kodwa, ndiziva ndibophelekile, ebandleni lam, ukuba nditsho okuthile. Ungazenzela esakho isiphetho.

395 Ngoku, ingaba lena iyakuba yimfihlakalo eyakuvuleka, eyakuzisa uKristu, izise aMandla eBandleni? Yabona? Sesenzile. . .

396 Siyakholelwa kwinguquko, ekubhaptizweni eGameni lika Yesu Kristu. Siyakholelwa ekwamkeleni uMoya oyiNgcwele. Sinayo imiqondiso, izimanga, imimangaliso, ukuthetha ngeelwimi, kunye nezinto iBandla lakuqala elalinazo. Kwaye, ngokuphandle, kukho okuninzi okwenzekileyo, kanye apha, kunoko kubhaliweyo kwiNcwadi yeZenzo, kweliqela linye lincinci labantu, olu lungiselelo luncinci lubhityileyo lwethu apha. Kukangakanani kwilizwe ngaphaya? Yabona? Ngaphezulu kunokuba kubhaliwe kwiNcwadi yeZenzo, uhlobo olunye! Ukuvuswa kwabafileyo! Khumbula, kwakukho kuphela malunga nabantu abathathu abavuswayo, kwabafileyo, nguYesu Kristu. Kwaye sinayo ngoshicilelo- mbalo, ushicilelo- mbalo lukagqirha, abahlanu. Yabona?

397 “Imisebenzi Endiyenzayo, nengaphezulu kunale niyakuyenza.” Ndiyazi uKing James uthi “engaphezulu,” kodwa akunakwenza nto ingaphezulu. Emininzi yayo! Wayeku Mntu omnye ngoko; UseBandleni lonke ngoku. Yabona? “Nemininzi kunale niyakuyenza, ngokuba ndiya kuBawo Wam.”

398 Ukuba olu luTsalo lweSithathu, ke ngoko kukho ulungiselelo olukhulu oluzayo. Andazi. Andinakutsho. A—andazi.

399 Qaphela. UTsalo lweSithathu, masime koko, umzuzu. Kumbono, ukubhabha kokuqala yayingabathunywa abancinci beentaka; oko kuxa saqalisayo. Yakhula, ukusuka nje ekubambeni umntu ngesandla.

400 Kwaye niyakhumbula oko Awandixelelayo? “Ukuba uyakunyaniseka, kuyakwenzeka ukuba wazi eyona mfihlakalo yentliziyo yabo.” Bangaphi abayikhumbulayo lonto ibhengezwa apha, kunye nokuqumleze ilizwe? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kwaye ingaba yenzeka? [“Amen.”] Ngokuchanekileyo. Waza wathi, “Ungoyiki. Ndiyakuba nawe.” Yabona? Kwaye iyakuqhubekeka.

401 Ngoku, uTsalalo lokuQala yayizezincinci, zibhityileyo iintaka; zona zabhabha. Zahamba zaya kuhlangana nexesha, zaya kuhlangana noKuza kweNkosi; uMyalezo wokuqala.

402 Ixesha Lesibini, iimfihlakalo zentliziyo. Ukusuka ekumbambeni umntu ngesandla, kwaye nje ekumeni phaya ze utsho abanako; kwixesha elilandelayo, yatyhila izono zabo yaza yabaxelela ukuba mabenze ntoni. Kwaye aba- . . . Ingaba injalo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngoko, oko kwenzeka, ngokugqibeleleyo, njengoko uThixo abekutshilo. Kwaye ningamangqina, kwaye injalo nelizwe, injalo nebandla.

403 Xa ndathi, “Ndabona iNgelosi, kwaye YayinguMlilo welilitye elinqabileyo, livutha”; abantu bahleka baza bathi, “Billy, khawungene ezingqondweni.” Umlingo wobunzululwazi weliso lekhamera liyifotile Yona. Ndandingaxoki. Ndandixela iNyaniso. UThixo wayingqinela.

404 Ndathi, “Ubumnyama bugubungele; kukufa, ubumnyama. Kwaye Lena imhlophe. Enye buBomi; enye ibe kukufa.” Kwaye nantso Yona, kumfanekiso emva *phaya*. Kwi . . .

405 Njengoko uGeorge J. Lacy—Lacy wathi, “Ubuxhakaxhaka beliso bale khamera ayisayi kuthabatha ubunzululwazi bengqondo.” Ningaba niyandilandela? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

406 Qaphela, ukubhabha kokuqala okuncinci; isandla. Okwesibini kwabangaphezulu, mhlophe, amahobe; uMoya oyiNgewele utyhila iimfihlakalo zentliziyo. Kwaye ukwesithathu ukubhabha yayiziiNgelosi (hayi iintaka), iiNgelosi; kwaye oko sisiphelo sexesha, kuko konke kwayo. Ingaba eli iyakuba lixesha, mzalwana? Ingaba eli lixesha?

407 Ngoku phulaphula ngenene ngokuzondelela, kwaye ungakuguquli ngokuphosakeleyo oku. Ndifuna ukukubuza into ethile.

408 Masibuyele emva okomuzuzwana. Ibandla liyazi ukuba iyinyaniso. Ilizwe lobunzululwazi liyazi ukuba iyinyaniso. Kwaye abantu abahleli apha, ngobubusuku, kwaye abaninzi abasaphilayo, ababeme apha emlanjeni xa ela Lizwi lakuthethayo okuya, laza lathi, “Njengoko uYohane wayethunyelwe kunye nomyalezo wokuza kokuqala, ke lona nguMyalezo wesibini, woKuza okwesibini.” Khumbula? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

409 Kwaye ukuba Igqityiwe, wenza ntoni uYohane? UYohane yayingulowo wathi, “Khangelani, nantso iMvana kaThixo ethwala isuse isono sehlabathi. Nguye Yena.” Yiyure, ingaba ifikile, bazalwana bam? Anditsho ukuba ifikile. Andazi. Kodwa, ndibuza nina. Ndifuna nicinge. Okanye, ingaba eli lixesha xa iyakubayiyo kwakhona, “Khangelani iMvana kaThixo”?

410 Okanye, ixesha likaMalaki isi-4, “Ukubuyisela iintliziyi zabantwana emva kuKholo loobawo bethu”? Ingaba iyakuba lolu lungako udubulo eliyaku—eliyakwenza ezo zinto zinkulu kangako, ide ibe iyalilungisa iBandla, ebelingcolile laye lingenakuziqonda iimfihlakalo zikaThixo, nanjalo njalo? Xa bebona olodubulo lukhulu lutshayela, ingaba luyakuziguqula iintliziyi zabo zibuyele kooYise, njengoko iBhayibhile ithe iyakwenza? Okanye, ingaba lona ibinguMyalezo, osowugqithile, obufanele kukuyenza? Andazi.

411 Lona ngumqondiso wexesha lesiphelo, bahlekazi. Okanye, ingaba lona ngumqondiso ogqithileyo? Ikhangeleka ingokweSibhalo ngenene, kum. Andazi. Kwakukho ezo Ngelosi. Kwabakho udubulo, njengendudumo, eyashukumisa umhlaba wonke. UThixo uyazi ukuba ndixela inyaniso.

412 Khumbula nje, into ethile ilungiselela ukwenzeka. Andiyazi ukuba yintoni. Kodwa ingaba koku? Isizathu sokuba ndikutsho oku, zilungiseleleni! Masithandaze, (sithandaze njani?) sithabathe indawo yethu emkhosini wamakholwa Akhe, size sizilungiselele, ngokuba kungaba semva kwexesha kunokuba sicinga.

413 Niyandazi mna, kwaye andizange ndanixelela buxoki, okwakalokunje, njengoko ndisazi. Kwaye njengoko uSamuweli watshoyo kubo, “Ingaba ndakha ndanixelela nenye into, eGameni leNkosi, ingeyiyo eyakwenzeka?” Ngoku, ndiyanixelela ngoku. Andiyazi ukuba yintoni lena. Andinakutsho ukuba yintoni lena. Andazi. Kodwa, ndizakunixelela iNyaniso. Ndiyoyika. Njengomzalwana wenu, bendisoyika ukusukela kuMgqibelo ophelileyo.

414 Isenokuba sisiphelo sexesha. Isenokuba lixesha lokuba umnyama utshayele ukunqumleza isibhakabhaka, kwaye isibhengezo esisuka amazulwini, sithi, “Akusekho xesha.” Ukuba yiyo, masizilungiselele, sihlobo, ukuhlangana noThixo wethu. Kube kukho uKutya okuninzi kubekiwe ngoku. Masikusebenzise Kona. Masikusebenzise Kona ngoku. Kwaye malunga nam, ndikweli qonga, ndiyalila kuThixo, “Nkosi Yesu, yiba nenceba kum!” Ndizamile ukuphila ngokungcono endikwaziyo. Ndizamile ukuzisa uMyalezo ngokungcono ebendinokuba nakho, ukusuka kwiLizwi likaThixo. UThixo uyayazi iintliziyi yam.

415 Kodwa, xa olwangqameko lweNgelosi lwatshayela loo mhlaba, ndafa kukoyika. Zange ndibenakho nokuziva

ngokuchukumisa, ixesha elide. Kangangokuba ndaziva ngathi, emva kwexesha elide, ndazama ukuhamba egumbini, nkqu ukusuka kwithambo lomqolo, kwaye ukunyuka ukuhla entanyeni yam, wawuqobekile ngokugqibeleleyo, ngohlobo, kwaye kungekho mvakalelo. Ndandingenakho ukuva ngokuchukumisa, ezandleni zam. Ndandise kudidekeni, imini yonke. Nda—ndasuka nje ndaya egumbini ndahlala phantsi.

⁴¹⁶ NgeCawa, ndiyehla ndize apha ukuza kuthetha, kwaye nda—ndazama ukuzidlikidla ndizikuphe kuyo, ngokuthetha. NgoMvulo, yayilapho kwakhona. Kwaye ilapha ngoku.

⁴¹⁷ Andazi. Andazi, bahlekazi. Ndinyanisekile kuphela, kuni, njengabazalwana bam. Andazi. Ingaba li—ingaba lixesha? Ingaba ulung-...imfihlakalo yonke igqityiwe? Ingaba uvakaliso luphelile? Ingaba zizo ngenene iiNduduma eziSixhenxe, zilungiselela ukuvakalisa into ethile, ukuba iqela elincinci elihlangeneyo kunye liyakwamkela uKholo loXhwilo, ukuze liye kuXhwilo xa esiza Yena? “Ngokuba siyakuguqulwa,” ngokukhawuleza ngokwezoNgelosi zisiza, “ngephanyazo, ngokuqhanyaza kweliso; size sixhwilelwe phezulu sonke kunye nabo baleleyo, siye kuyihlangabeza iNkosi esibhakabhakeni.”

Umthadazo wam ngulo:

⁴¹⁸ Thixo, ukuba oku kunjalo, andazi, Nkosi. Bendisaxelela nje ibandla. Ukuba injalo, Nkosi, lungisa iintliziyo zethu. Senze sikulungele, Nkosi, silungele laa yure inkulu. Elo, yonke imbali yexesha, bonke abaprofeti kunye nezilumko ababelijongile elo xesha. Nkosi, andazi emandikutsho. Ndiyakukoyika ukutsho, “Sukuza, Nkosi.” Ndiziva ndinentloni ngesiqu sam, xa ndijonga ndize ndibone ilizwe likwimeko, andenzanga ngaphezulu kunoko ndenzileyo malunga nalo. Ndinentloni ngesiqu sam. Ukuba likhona ingomso, Nkosi, thambisa intliziyo yam. Ndithambise kakhulu, Bawo, ukuze ndibenakho ukwenza yonke into endinokuyenza, ndibazise abanye kuWe. Ndingowakho Wena.

⁴¹⁹ Ndiziva njengo Isaya, etempileni ngaloo mini, xa wabona iiNgelosi ziphaphazela emva nangaphambili, zinamaphiko egqume ubuso Bazo, kwaye zigqume neenyawo Zazo, zaye ziphaphazela ngamaphiko, “Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele!” Owu, indlela owangcangcazela ngayo lamprofeti mncinci. Waqalisa ukuguga kancinci. Kwaye xa wakubonayo oko, nakuba wayebona imibono, wakhala, “Usizi kum!”

⁴²⁰ Bawo, mhlawumbi ndizive ngendlela enjenga leya, xa ndazibonayo ezaNgelosi ngobunye ubusuku, okanye ngenye itsasa, gxebe. Usizi kum, ngokuba ndiyindoda enemilebe eyinqambi, kwaye ndihleli phakathi kwabantu abayinqambi. Ngoko, Bawo, ndicoce.

421 Kwaye ndim ndilapha. Thuma mna, Nkosi, nokuba yintoni. Kwaye ndimi apha kulepulpiti apho bendikuyo iminyaka engamashumi amathathu. Ukuba kukho into ethile, Nkosi, Ofuna ndiyenze, naku ndilapha. Ndikulungele, Nkosi. Kodwa, ndinga ndingafumana inceba ebusweni Bakho. Ngokuzithoba, ndiyathandaza.

422 Ndithandazela umhlambi omncinane othe uMoya oyiNgcwele wandenza ndiwongamele, ukuba ndiwondle. Kwaye ndenze konke endikwaziyo ukuba kwenziwa njani, Nkosi, ukubondla ngeSonka soBomi. Njengakula mbono, iminyaka emininzi egqithileyo, xa lamkhusane mkhulu ulele eNtshona, kwaye intaba yeSonka soBomi; incwadi encinci, “*Andibanga Ngongathobekanga Kumbono WaseZulwini.*” Kwaye nantsi yonke isenzeka, ityhilwe kanye ebusweni bethu.

423 UnguThixo, kwaye akukho wumbi kuphela Nguwe. Samkele, Nkosi. Sixolele izono zethu. Ndiguqukela konke ukungakholwa kwam, bona bonke ubugwenxa bam. Ndiyangxengeza kwisibingelelo sikaThixo.

424 Njengoko ndisiza ngobubusuku, kunye nelibandla lincinci phambi kwam, ngokholo siyemka kwesisakhiwo, ngoxhwilo, “njengoko sihleli kunye kwezaseZulwini iindawo,” ngokujikeleze iTrone kaThixo. Iintliziyo zethu zibe zivutha amaxesha amaninzi, kwizinto esizibonileyo uzenza Wena, kwaye ucombulula iimfihlakalo Zakho kuthi. Kodwa, Nkosi, ngobubusuku, ndidinwe ndonke. Usizi kum!

425 Kwaye—kwaye uYakobi, xa wabona ezoNgelosi zisihla ngeleli ziphinde zibuyele emva, wathi, “Lena yindawo eyoyikekayo, asiyiyo enye ingeyondlu kaThixo.” Kwaye apho iBheteli yamiswa.

426 Thixo, abantu abayiqondi lonto. Bacinga iyakuba luvuyo olukhulu. Kodwa, Nkosi, okujani ukudubeka, enjani ukoyikeka into yokuba umntu eze eBukhoneni besikhulu, esinamandla iSiqu seZulu.

427 Ndithandazela uxolelo lwebandla lam elincinci apha, othe Wandithumela kulo ukuba ndi—ndi—ndi—ndilukhokele ndiluhube. Basikelele, Nkosi. Ndenze njengoko imibono kunye namaphupha kunye nezinto zithethile, ke, ngokungcono ngokwazi kam. Ndikubeke konke uKutya kangangoko ndikwazi, ndisenzela bona, Nkosi. Nokuba yintoni, Nkosi, singaBakho. Sizinikela ezandleni Zakho, Nkosi. Yiba nenceba kuthi. Sixolele. Kwaye usenze ukuba sibe ngamangqina Akho okwakaloku nje sisemhlabeni. Ngoko, xa ubomi buphelile, samkelele phezulu kuBukumkani Bakho. Kuba sikucela oku eGameni likaYesu. Amen.

428 Nonke kuni, cocani yonke intliziyo yenu. Bekelani ecaleni yonke enye into, bonke ubunzima, bususe endleleni yakho. Sukuvumela nantoni ikuphazamise. Ungoyiki. Akukho nto

ufanele kuyoyika. Ukuba uYesu uyeza, lelona...Lithuba apho ilizwe lonke belikuncwinela likukhalela. Ukuba okuthile kuyaqalisa ngoku, okwenzela u—ukuza okutsha, ukuza okutsha kwesipho okanye into ethile, iyakuba yemangalisayo. Ukuba kukuza kwexesha apho isityhilelo seeNdudumo eziSixhenxe ziyakutyhilwa kwiBandla, ukuba zihamba njani, andiyazi. Ndichaze nje oko ndikubonileyo. Owu, bethu, elinjani ixesha! Kukucinga ngokuzimisela nangondileko.

⁴²⁹ Kwaye ukuba iyakuba lixesha lam lokuba ndinduluke, ndingowa...Nkosi, ndingo Wakho. Xa Ugqibile, yiza, Nkosi Yesu.

⁴³⁰ Nokuba imalunga nantoni, okanye ingaba kweliphi ixesha, ndingoWakhe. Andithi ndinqwenela ukunduluka; anditsho. Ndinisapho ekufuneka ndilukhulisile. NdineVangeli ekufuneka ndiyishumaye. Kodwa, oko kungokwentando Yakhe, hayi eyam. Yintando Yakhe leyo. Andazi.

⁴³¹ Ndiyayichaza nje kuni ukuba yintoni. Yintoni, uThixo uyakuyenza yenzeke. Kodwa ndinixelela endukubonileyo nokwenzekileyo. Okukuthethayo, andikwazi. Kodwa, bahlekazi, kungaba esi sisiphelo? Uh!

⁴³² Abantu bakhona ngoku, abantu abathandathu ababanawo loo maphupha. Akumangalisi ukuba ayengekho sixhenxe? Ayimangalisi kakhulu? Eso sithandathu senyukela, kwaze ngoko laa mbono, ngoko nangoko. Abantu balapha. UMzalwana uJackson, apha, yayi ngomnye; uMzalwana uParnell waye ngomnye; uDade uCollins waye ngomnye; uDade uSteffy waye ngomnye; uMzalwana uRoberson yayi ngomnye; kunye noMzalwana uBeeler yayi ngomnye. Kwaye uBawo waseZulwini uyazi kwakungekho nelinye elibhekiselele kulo. Kwaye ekupheleni koko, elesixhenxe... elalinguDade uSteffy, ngoko nangoko umbono wavela. Niyabona? Niyabona kutheni ndihamba? Niyabona kutheni ndifanelwe kukuhamba? Kufuneka ndiyenze.

⁴³³ Kwaye, zihlobo, sanukujonga kum. Ndingumzalwana wenu. Sanukundihoya, ngokuba ndisisidalwa esifayo. Kufanele ndife njengamntu wonke omnye. Sanukumamela mna; koko mamelani koko ndikutshiloyo. Oko ndikutshiloyo nguMyalezo. Sukuhoja umthunywa; qaphelani uMyalezo. Gcinani amehlo akho, hayi kumthunywa, kodwa kuMyalezo. Into Oyithethileyo, yinto ekufanelwe kukujongwa kuyo.

⁴³⁴ Kwaye uThixo makasincede, ngumthandazo wam. Ndikuthiyile...Bendigafuni kuza, ndinixelele oku, kodwa andisayi kunifihlela nto.

⁴³⁵ Ngoku, ngokokwazi kwam, mandinixelele. Ngokokwazi kwam, ndiyakube ndihamba kwiintsuku ezimbini okanye ezintathu ezizayo, kusasa ngoLwesithathu, ukuya...ukuya

eTucson. Andizukuya eTucson ukuya kushumayela. Andiyi phaya ukuya kushumayela. Ndiya eTucson, ukuya kufunela usapho lwam isikolo, ukuze emva koko ndibe ngumbhaduli.

⁴³⁶ Ndiya phezulu ePhoenix, ukuya kubamba olwa ludwe lwemihlangano, eyakuba mhlawumbi yiMiyalezo nje emincinci phaya. Kwaye—kwaye ngoko, mhlawumbi, anda. . .

⁴³⁷ Ndinga bafuna ndishumaye kwingqungquthela ubusuku obunye. Zange batsho nto malunga nayo, bathi nje ndibe phaya. Yabona, ayivakali ilungile kakuhle, kum.

⁴³⁸ Kwaye ndinalo ilizwi, ITSHO INKOSI, kuMzalwana uShakarian, naye. Uh-huh. Andazi ukuba uyakwenza ntoni malunga nalo, kodwa ndinalo ilizwi lokumxelela. Andazi ukuba uyakwenza ntoni. Kuxhomekeke kuye. Ingaba niqaphele iZwi lokugqibela? Ifanele ukuba ingabi ngumbutho, kodwa babhengeza imithetho yezenkolo yabo. Umbutho, ngoko ndiyakuyiyeka. Ndiphumile kokunjalo.

⁴³⁹ Ngoku, ngokuqikelela, uMzalwana u-Arganbright kunye noMzalwana uRole, unozakuzaku waseWashington phantsi kooRhulumente abasixhenxe, kufuneka bahambe ukuze babe se-Afrika. Kwaye uMzalwana uRole, kunye nam, kunye noMzalwana u-Arganbright, sizakuya e-Afrika kwangoku, ukuyela imihlangano ezantsi eMzantsi Afrika nase Tanganyika, kunye noMzalwana uBoze. Kwaye ezantsi sihambe, okanye mhlawumbi sinyuke nge-Australia, size ngalaa ndlela, sibuye, ukuba iNkosi ayenzi nto ithile yahlukileyo. Kodwa, phambi kokuba ndihambe, ndiyakubuyela apha.

⁴⁴⁰ Ngoko, xa ndibuya ndisuka phaya, ukuba uThixo akathethanga kum, ngenye indlela, ndizakuthabatha usapho ndize ndinyukele ndiye malunga ne-Anchorage, e-Alaska. Lona ngumzantsi-ntshona; iyakuba ngumntla-ntshona. Kuze ngoko ndibayeke bahlale apho ihlobo lonke, xa kushushu kakhulu ezantsi eTucson de ibenokutshisa isikhuso simke kuwe. Andicingi ukuba banakho ukuyinyamezela lonto. Bayakukhumbula kakhulu ekhaya baze batyhafe! Asiyithengisi indawo. Izakuhlala kanye phaya, kunye nempahla zendlu ngaphakathi endlini. Andazi ukuba mandenze ntoni.

⁴⁴¹ Ngoko, ngexesha ihlobo ligqithile, ukuba iNkosi ithandile, ndifuna ukuyishiya i-Alaska, ndize ndihle ndiye malunga neDenver, embidi ntshona; emazantsi-ntshona, emantla-ntshona, embindi-ntshona, ndikhale, “Owu Nkosi, yintoni Ongathanda ndiyenze?”

⁴⁴² Ngeli xesha, wonke uMyalezo, ngokokwazi kwam ngako, ukuba ushunayelwe, kuyakuba lapha kanye, kulo mnquba. Apha kulapho iiteyiphu ziyakubakho. Apha kulapha ikomkhulu likhoyo.

⁴⁴³ Kwaye andijonganga kuhlala, kunye nosapho lwam, eNtshona. Ndizakukhangela de ndifumane ukuba uThixo ufuna ndenze ntoni na.

⁴⁴⁴ Ukuba lonyaka awuyisombululi, ngoko, kunyaka ozayo, ngaphandle kwamanzi okanye ukutya, ndiyakumka ndiye entlango, kwaye ndiyakulinda de Andibize. Andinakuqhubeka ngoluhlobo. Kufanele ukuba ube ngozilahleleyo. Kufanele ufike ndaweni apho ufuna ukwazi ukuba yintoni intando kaThixo. Kwaye ungayenza njani intando ukuba akuyazi intando?

⁴⁴⁵ Ndiyaqhwaya, ngenxa yalamvelaphi yombono, “Yintoni oyenzileyo.” Yabona? Ndijikeleza njengemishinari kunye nobuvangeli, lude luze olwabizo. Khumbula olokuqala, xa sasibeka elalitye lembombo? “Yenza umsebenzi wobuvangeli,” Watsho. Akathanga, “Wawungumvangeli.” Kodwa, “Yenza umsebenzi wakhe,” mhlawumbi lide lifike ixesha lenye into ethile, okunye ukuguquka komsebenzi. Ingaba yinto ethile eyahlukileyo. Andiyazi.

⁴⁴⁶ Ingaba niyamthanda Yena? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Qinisekani kakhulu ngoko. Qinisekani kakhulu ngayo, abo bayithandayo iNkosi.

Abo balindela eNkosini, bayakuhlaziyeka
emandleni,
Bayakuntingela phezulu ngeempiko
njengokhozi,
Bayakubaleka kwaye bangadinwa, bahambe
kwaye bangatyhafi;
Owu, ndifundise, Nkosi, ndifundise, Nkosi,
ukulinda.

Ndiyamthanda Yena. Ndiyazi niyamthanda, nani. Ngoku, ngomso ebusuku. . .

⁴⁴⁷ Ndicinga ndiyenze yacaca kakhulu. Ingaba ndenzile? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngokucacileyo ngoko ndikwazi ngako ukwenza, kuko konke endikwaziyo. Kuko konke endikwaziyo ukutsho. Kwaye ukuba ityhilekile kum, iyenye into ethile, ndiyakunixelesa ngokukhawuleza. Ndiyazi ukuba ninomdla, wokwazi. Ndinomdla, wokwazi. Andiyazi ukuba ithetha ntoni na. Andiyazi apho ndi—ndiyakhona. Andi—ndiyazi into ezakwenzeka. Ndi—ndi nje. . . Kuphela kwento endiyaziyo, ndiyahamba nje, ngokwenceba kaThixo. Ngoko, Uyakundixelela xa ndifika phaya, mhlawumbi. Kodwa, eyam indima ngoku ku, kuhamba. Kwaye ndingangabi phaya kwiiiveki ezimbini, de ndibe ndaweni ithile, kwaye ndingabuyela apha. Ilungile. Andazi. Kodwa ndiya. . .

⁴⁴⁸ Laa mbono unomfazi wam nabantwana bam kuwo. Kwaye eyona nto wawuyiyo, ndandikwegqumatheleyo inqwelo. Kwaye ngomzuzu endathi ndangena phaya,

kwabakho, ndandikwinqwelo mafutha yam enomva omde. Kwaye yindlela esihamba ngayo leyo, ngentsukwana ezimbalwa, singazi apho siya khona, singazi ukuba sizakwenza ntoni xa sifikile apho, sihamba nje.

⁴⁴⁹ UThixo akaqheleki, kuthi, ngokuba iindlela Zakhe azinakuqondwa. Ufuna intobeko.

“Uyaphi?”

“Ayingomsebenzi wakho. Qhubekeka nje uhamba.”

“Kuphi apho Ufune ndenze khona, Nkosi?”

⁴⁵⁰ “Asiyoyakho. Landela, wena, Mna.” Uh-huh. Uh-huh. “Qhubeka nje uhamba.”

“Kuphi apho ndiyakuma khona?”

“Inanto yakwenza nantoni nawe lonto? Qhubeka nje wena uhamba.”

Ke, ndinguye lo ndiyahamba, eGameni likaYesu Kristu. Uh-huh. Amen.

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda
Ngokuba Wandithanda kuqala
Kwaye wathenga usindiso lwam
Kumthi weKalvari.

Ndi... (Ububomi bam.) Ndi... (Konke oko
ndikuphileleyo!)

Ngokuba Wandithanda kuqala
Kwaye wathenga usindiso lwam
Kumthi weKalvari.

⁴⁵¹ Bahlekazi, ingaba lixesha eli? [UMzalwana uBranham kunye nebandla bayalidumzela ikhorasi lonke, kunye, *NdiyaMthanda*—Mhl.] Kwaye ngelixesha silicula kwakhona, xhawula izandla kunye nomnye umntu ngakuwe. Uthi, “Mzalwana, dade, ndithandazele. Ndiyakukuthandezela.”

Ndi...

⁴⁵² [UMzalwana uBranham uyajika—Mhl.] Ndithandazele, Mzalwana uNeville. [UMzalwana uNeville uthi, “Ndiyakuyenza, mzalwana. Undithandazele, mzalwana. Enkosi.”] Ngokunyanisekileyo ngenene! [Umntu othile uthi, “UThixo akusikelele, Mzalwana Branham.”] Ndithandazele, mzalwana. Ndithandazele, dade. Ndithandazele. [UMzalwana uBranham uyadumzele *NdiyaMthanda*.]

Kway wandithe-...

⁴⁵³ Thandaza, ndithandazele, ...? ... Ndithandazele, ...? ... Ndithandazele, ...? ... Ndithandazele.

...mthi weKalvari.

Kuba ndi...

Masiphakamiseleni izandla zethu ngoku kuYe.


. . . ndiyamthanda . . . (Uthando lwenene!)

Kuba, Wandithanda kuqala

Wathenga usindiso lwam

Kumthi weKhalvari.

Ewe, NdiyaMthanda, . . . (Ngentliziyo yam
yonke!)

⁴⁵⁴ Nilandele, uMzalwana uNeville. Ndiphindela umva. Bhengeza ixesha lomhlangano. [UMzalwana uNeville uyaqhubeka ecula kunye nebandla, *NdiyaMthanda*, aze ayiqumamise inkonzo—Mhl.] 

INGABA LUPHAWU LWESIPHELO NA OLU, MHLEKAZI? XHO62-1230E

(Is This The Sign Of The End, Sir?)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngokuhlwa ngeCawa ngo Disemba 30, 1962, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2014 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org